



Western Cape
Government

ISebe leZibonelelo
IVoti 10

IsiCwangciso seQhinga
semiNyaka-mali yowama-2023/24 –
2027/28

URhulumente weNtshona Koloni

Western Cape Infrastructure
9 Dorp Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 0860 142 142
Email: transport.publicworks@westerncape.gov.za
Website: www.westerncape.gov.za

Private Bag X 9185
Cape Town
8000

APOLOGY

We fully acknowledge the requirements of the Western Cape Language Policy and endeavour to implement it. It has been our experience that the English version of this document is in the greatest demand. It will be translated into the other official languages of the Western Cape as soon as possible once the English version has been finalised. In the event of any discrepancy between the English document and the Afrikaans and isiXhosa translations, the English text will prevail.

NOTE

To support the Department's drive for a paperless environment and improved electronic content management, a limited number of hard copies of this Strategic Plan 2023/24–2027/28 will be produced.

VERSKONING

Ons erken die vereistes van die Wes-Kaapse taalbeleid ten volle en streef daarna om dit te implementeer. Ons ervaring was dat die Engelse weergawe van hierdie dokument die grootste aanvraag is. Dit sal so gou as moontlik na die ander amptelike tale van die Wes-Kaap vertaal word sodra die Engelse weergawe gefinaliseer is. In die geval van enige verskil tussen die Engelse dokument en die Afrikaanse en isiXhosa-vertalings, sal die Engelse teks seëvier.

NOTA

Ten einde die Departement se strewe na 'n papierlose omgewing en verbeterde elektroniese inhoud bestuur te ondersteun, sal slegs 'n beperkte aantal harde kopieë van hierdie Strategiese Plan 2023/24–2027/28 beskikbaar wees.

ISINGXENGXEZO

Siyawuqonda umgaqo-Nkqubo weelwimi wePhondo kwaye siyazama ukuwufezekisa. Kambe ke esiyiqwalaseleyo yeyokuba lulwimi lwesiNgesi olufunwa ngamandla. Xa olu xwebhu lugqityiwe ukubhalwa ngolwimi lwesiNgesi luya kuguqulelwa ngezinye iilwimi ezisemthethweni zeNtshona Koloni kwakamsinya. Ukuba kukho amakhwiniba kwinguqulelo yesiXhosa nesiBhulu esuka esiNgesini, uxwebhu lwesiNgesi luya kuba lolona lusetyenziswayo.

QAPHELA

Ukuxhasa iphulo leSebe lokuncitshiswa kokusetyenziswa kwamaphepha nophuculo lolawulo lovimba wobuxhakaxhaka bekhompyutha, inani leekopi eziprintiweyo zeSicwangciso sobuchule soNyaka sika-2023/24–2027/28 liza kuncitshiswa.

INgxelo yoGunyaziwe weSigqeba

Kuluvuyo olukhulu lokokuba ndandlale isiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu seSebe leZibonelelo sowama-2023/24 – 2038/29. Uxwebhu oluthabatha indima yenkqubo yokuqhutywa kweSebe leZibonelelo njengomncedi ocamngcwayo wentsebenziswano ehlangeneyo karhulumente namashishini angasese.

Izifundo sibonise ukwanda kubemi bephondo. Oku kubangelwa kukungena kwakutsha nje kwemfuduko ebe malunga ne-14 leepesenti, ekupheleni kweyoMnga wama-2022 njengoko abemi befudukela ukufumana inkonzo karhulumente ekwiqondo eliphezulu. Ezi zifundo zinikezela uRhulumente weNtshona Koloni ithuba lokulungiselela ngokwaneleyo izicwangciso zezibonelelo ezizinzileyo eziya kuqinisekisa ngemfezeko ngoko ukuba ayifakwa ngozini.

Ngokuhambelana nombono wethu, Ukuhlanganiswa kweWhole of Society Approach, iSebe liya kunceda kokukhula notyalo-mali olukhokhelwa zizibonelelo okulungiselelwe iNtshona Koloni eya kubonelela uluntu esilusebenzelayo. Inxalenye yelinge yohambo “kukubuyiselwa kwethemba nokunikezelwa kweenkonzo ngokungxama kwangoku”. Oku kuya kuboniswa kuwo onke amacandelo ethu nakwindlela yokuziphatha njengequmrhu lenkonzo likarhulumente.

Ngenxa yemisitho yehlabathi esandula ukubakho eluhlobo lweentlekele zendalo, ezinxulumene ikakhulu kwinguqu yesimo sezulu, uRhulumente namacandelo angasese kufuneka ayicinge ngokutsha indlela yawo kulwakhiwo nololongo lwezibonelelo ze afumane izisombululo ezithi zithintele inguqu yesimo sezulu. Ngokusetyenziswa kwemigangatho yoyilo lwezibonelelo zeSebe kulwakhiwo, siya kuqalisa ngeetheknoloji zokwakha ezibukhali kwisimo sezulu, ngoko, kuphuculwe ukufaneleka kwamanzi nombane kwizakhiwo. Inxalenye yokuphambili kweSebe kukuba nezibonelelo ze-ikholoji eziphuculweyo. ISebe liya kuzama ngokuqhubekayo ukufuna kumazwe asele ephuhlile imiqathango neenzame eziya kuqinisekisa ngokunikezelwa kwezibonelelo ezikumgangatho wehlabathi.

Sikhokhelwe yaye sisekelwe ngesiCwangciso-nkqubo seZibonelelo seNtshona Koloni nezi njongo okulungiselela:

- Ukunikela kukukhula koqoqosho nemisebenzi.
- Ukwandiswa kwezibonelelo zoqoqosho nezentlalo zeeprojekti zezibonelelo.
- Ukubonelelwa kwabemi beNtshona Koloni.
- Ukutyalwa kwemali kuninzi lomthombo wezibonelelo nokutyalwa kunye okuvela kwicandelo langasese, kunye neengcamango zezibonelelo zeendleko ezisekwe banzi.
- Ukulungelelaniswa kwezicwangciso ezikhoyo kunye namacandelo kwicandelo likarhulumente kunye necandelo langasese.
- Ukuboniswa kwenguqulelo, ucwangciso lwexesha elizayo, kunye nendlela ehlangeneyo kukukhula kwzibonelelo.

Umbona uhlala usisivuselelo kwisiCwangciso seQhinga. NjengoGunyaziwe weSigqeba, ndiya kuzintywilisela ekukhawuleziseni kokumiliselwa kwalo mbono.

Ndikhokhelwa yinjongo yokunikezelwa kweenkonzo kubemi ngokukhawuleza kwangoku nolwakiwo lwezibonelelo “Kulungiselelwa Wena”.



TERTUIS SIMMERS
UGUNYAZIWE WESIGQEBA
ISEBE LEZIBONELELO
UMHLA: 8 kweyoKwindla 2023

Ingxelo yoGunyaziwe oNika iNgxelo

Isithuba socwangciso seqhinga esingaphambili senzeke kubume bokungaqiniseki okukhulu. Ubume behlabathi obunempembelelo ethe ngqo kumbutho ofana neSebe leZibonelelo buqhubile ukuba lolunye uxinzelelo oluphezulu lokunyuka nokuhla kwamaxabiso okuhamba kokuqiniswa komgaqo-nkqubo wemali. Ungquzulwano oluse-Ukraine kunye nemingeni eseleyo yeCOVID-19 usasele uzizazisi ezingundoqo kwi-ajenda yehlabathi yesixokelelwano sonikezelo kunye nokufaneleka ngoko. Kwisizwe, ukukhula koqoqosho kusasele kudanjiswa yaye umngcipheko wokuhla okungaphezulu kwingqiqo kusasele.

Isithuba socwangciso esingaphambili siya kudinga uhlanga-hlengiso kwisicwangciso seqhinga seSebe leZibonelelo njengoko liziqhelanisa kumjikelo wocwangciso wesiqhelo wolawulo lwephondo. Njengokuba ilisebe elisandula ukuyilwa, kuhlanganiswe isebe langaphambili lokuHlaliswa kwaBantu kunye namacandelo athile esebe langaphambili lwezoThutho neMisebenzi kaRhulumente, nokwahlulwa kwesebe lezothutho kulungiselelwa ukuyilwa kwesebe elitsha lokuShukumisekayo, inkqubo ngokohlobo lwayo idinga ukuqulunqwa ngokutsha kwesicwangciso seqhinga sowama-2019-2024. Kwisithuba esingaphambili kuya kubonwa ngokunjalo inkqubo yokuhlanganiswa nokuqunjelwa kwamalungiselelo ethutyana apho amasebe amabini amatsha aya kumiliselwa ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2023 ukubheka phambili. Elinye lamalungiselelo ethutyana iya kuba kukwabelana ngemisebenzi yenkxaso phakathi kwamasebe eZibonelelo nelokuShukumisekayo isithuba seenyanga ezilishumi elinesibini.

Ekumiliselweni isigunyaziso salo, iSebe elitsha leZibonelelo liya kuphumelelisa iimbophelelo ezenziweyo, apho kufanelekileyo, ngamasebe angaphambili elezoThutho neMisebenzi kaRhulumente kunye nokuHlaliswa kwaBantu kwisicwangciso zalo zeqhinga zangaphambili ngeli thuba, kwangaxesha linye, liqulunqa i-ajenda eyodwa nenenjongo zayo ezilungiselelwe ixesha elizayo. Inxalenye yaloo ajenda iya kuxhaswa kokuphambili kwePhondo okufana nokuKhula okulungiselelwe isigunyaziso seqhinga leMisebenzi kunye nenxalenye yesiCwangciso-nkqubo seZibonelelo seNtshona Koloni sowama-2050 esandlale imimandla ephambili ekujoliswe kuyo kunye nezigunyaziso eziphambili zesebe ezilungiselelwe isithuba sangoko, esiphakathi nesexesha elide. Ezi zezi: ukubekwa phambili kwezibonelelo kulungiselelwa impembelelo enkulu; ukuxhaswa kwezibonelelo zikamasipala, ukukhuthazwa kothelwano lwexabiso langasese; ukukhuthazwa kwenguqulelo kunye nocwangciso lwexesha elizayo; nolwakhiwo lwezibonelelo zexesha elizayo kunyenolwakhiwo lwexesha elizayo lwezibonelelo ezomeleleyo ukujongana nesimo sezulu kumye nobuluglaza.

Undoqo weli qhinga ugunyaziswe kwingxelo yombono omtsha weSebe othi ubeke abemi embindini esixhabe ukuwufezekisa.

“Ukuncedisa kukukhula okukhokhelwa zizibonelelo kunye notyalo-mali lweNtshona Koloni oluya kubonelela iingingqi zoluntu esizisebenzelayo”.

Ukuxhasa izigunyaziso zomgaqo-siseko weSebe, sizimisele ukuxhathisa kwipotfoliyo yezibonelelo zePhondo kunye namathuba akhoyo ophuhliso kunye neepropati, eziya kuchongelwa utyalo-mali, ukulungiswa kwesithuba (okubandakanya ukuhlanganiswa

nokulungiswa), imbuyekezo (kujoliswe ekubuyisweni kwesidima seengingqi zoluntu), okanye ukulahlwa njengeqhinga lengeniso. ISebe libeke ukhuseleko lwepotfoliyo lwezibonelelo ezingundoqo njengesigunyaziso seqhinga sesithuba socwangciso nangaphezulu. Ngaphandle kwale njongo, isebe liyinika ingqwalasela into yokuba ukulolongwa komsebenzi osemva ngokuphathathelele kwipotfoliyo yephondo ngumcimbi onika inkxalabo enkulu. Ngesi sithuba socwangciso, ingqwalasela ethe ngqo iya kunikezelwa kuchongo nophuhliso yoyilo olutsha noluguqulelweyo lokuxhasa ngemali, lothelwano nolokunikezelwa kwenkonzo oluya kuqalisa ukulungisa imingeni enxulunyaniswe nokuhla kwemali karhulumente nokungaqiniseki kwenkxaso-mali nokungazinzi kuyo yonke iMTEF nangaphaya kwayo.

Njengomnikeli obalulekileyo kokuphambili kukuKhula kulungiselelwa iMisebenzi kwisiCwangciso soVuselelo sePhondo, iDOI ikwisimo esisodwa sokuzisa okumalunga nenguqu kokuyinyaniso kwimpilo yoluntu esilusebenzelayo ngokuchongwa kwamangenelo nangokunikezelwa kwesikhokhelo esicacileyo somgaqo-nkqubo kwisithuba sezibonelelo. Isebe lama liyqhubeka ngokutyala imali kwizibonelelo zoqoqosho nezentlalo nokukhusela ii-asethi esele zikho eziphambili zezibonelelo kunikwa ingqwalasela kwindima ebalulekileyo edlalwa zizibonelelo ezilolongwe kakuhle nezifakwe ngokweqhinga ekulungiseni isigunyaziso senguqu yesithuba soluntu lwethu.

Izehlo zesimo sezulu esibi zichanabe ukuba sesichengeni kwezibonelelo kwinguqu yesimo sezulu kunye nesidingo sokuqhutywa kokomelezwa ngamandla nokulungiswa kwendlela kulungiselelwa uqoqosho lokukhutshwa kwekhabhoni ephantsi. Ixesha elizayp lidinga itheknoloji esekelweyo nokwandiswa kweenkqubo ukuzisa iinguqulelo eziya kubonelela wonke umntu. Kule meko, sele sibonisile okokuba uRhulumente unakho, ngokuchasene nengqiqo ebalaseleyo, ukusebenza aligqithe lee icandelo langasese kwimimandla ebalulekileyo efana nokusetyenziswa kwamanzi nombane nokusetyenziswa kwesithuba.

Oku, ngoko, asilulo ukhuphiswano phakathi koRhulumente necandelo langasese, kodwa nje ngumbuzo wokokuba singabambisana njani sibe nokuguqula obu bume bukho obubhekiselele kwikamva esilinqwenelayo esabelana ngalo elilungiselelwe abantu beNtshona Koloni. Ukukhuthaza le ntsebenziswano isondeleneyo, iSebeliya kutyala imali kwisivumelwano sentlalo phakathi kwabasebenzi nabemi, icandelo langasese kunye naamaziko emfundo ephakamileyo ukwakha ukuthembana nokwandelisa iinqobo ezisesikweni zengqiqo yobume kunye nozinziso.

Sinomngeni ongummangaliso wokungenelwa komhlaba ngenkani nokonakaliswa kwezindlu ngabom ngethuba lokwakhiwa nokuhlaliwa komhlaba ngokungekho mthethweni ekugqityweni kweeprojekti yaye kulindeleke okokuba kuqeshwe oonogada abangezelelweyo, kwakhiwe uthango ukukhusela iziza nokubonelela ngohlahlo lwabiwo-mali kulungiselelwa izimangalo, ukuba kunokuba yimfuneko kummandla wonikezelo wokuhlaliswa kwabantu. Isebe lijamelene ngokunjalo yimiphumela engakhange ibe icingiwe yokuhlalulwa kweendleko eziphakamileyo zokhuseleko ukuqinisekisa ngokhuselo lweeziza zethu. Siya kuluhlaziya uyilo lwethu lokunikezela ngezindlu kule meko, ukulungiselela ulungelelwaniso olungcono nebango elikhulayo kwicandelo.

Umngeni ophambili wesebe leZibonelelo kukuncedisa ubuchwepheshe balo bobugcisa, izakhono zesixokelelwano sonikezelo kunye nothelwano lweqhinga ukuqhuba inguqu yesikhokhelo esithile kumacandelo ezibonelelo zentlalo nezozoqosho. Izenzo ezithile eziya

kusekela le nguqu aboniswe kwalapha kolu xwebhu yaye abandakanya iiprojekti zeendlela ezibalulekileyo, ukuhlaliswa kwabantu kunye namalinge ezindlu ezifikelekayo kunye neeprojekti zemisebenzi yoluntu. Kwisithuba esiphakathi nesexesha elide, izibonelelo ze-ikholoji nezetheknoloji ziya kwangezelelwa njengemimandla ethe ngqo ekujoliswe kuyo.

KweyoMdumba wama-2023 uPrezidanti ubhengeze isimo sesizwe sentlekele malunga nentlekele yombane. Icacile kuhlalelo olubanzi into yokokuba ukhuseleko lombane yaye ingakumbi ukunikezelwa kombane kuya kunkqenkqeza phambili kwimpilo yesizwe ukususela ngoku de kuye kwisithuba esiphakathi. Ukusabela kulo mngeni, urhulumente wePhondo leNtshona Koloni wabe izibonelelo ezifanelekileyo ukuthintela intlekele yombane. ISebe leZibonelelo libekwe kwindawo eyodwa okokuba lisabele kulo mngeni ngokunceda kubuchwepheshe bobuchule besixokelelwano salo sonikezelo. Nangona sisitsho, kuyaqikelelwa okokuba ikhono elitsha nezakhono zokusebenza kuya kufuneka zifunwe ukulungisa ngokupheleleyo intlekele.

Ndiyathemba okokuba isithuba socwangciso esingaphambili siya kuba lithuba elikhulu yaye ndakuba nakho ukuqhubeka ndithembele kwiinkokheli zesebe ukuqhubekela phambili ngeli thuba ngesakhono esikhulu, kodwa ngokuzithoba okukhulu, zithathela ingqalelo into yokuba asikho esinye isizathu esingaphezulu kokusebenzela abemi belizwe ngokubanzi ingakubi abephondo.

























J GOOCH
INTLOKO YESEBE
ISEBE LEZIBONELELO
UMHLA: 7 kweyoKwindla 2023

Utyikityo olusesikweni

Kuyaqinisekiswa okokuba esi siCwangciso seQhinga sowama-2023/24 – 2027/28

- Siqulunqwe ngabalawuli beSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente nokuHlaliswa kwaBantu phantsi kobunkokheli boGunyaziwe weSigqeba, uTertuis Simmers;
- Sinike ingqwalasela kuyo yonke imigaqo-nkqubo efanelekileyo, imithetho kunye nezinye izigunyaziso elinoxanduva kuzo iSebe lweZibonelelo;
- Sibonisa ngokuchanekileyo iMpembelelo neZiphumo, eziya kuzanywa ukufezekiswa liSebe leZibonelelo kwisithuba sowama-2023/24–2027/28; yaye
- Sihambelana nokuPhambili kweQhinga neMithetho-siseko yoRhulumente weNtshona Koloni.

AMALUNGU APHEZULU ENKONZO YOLAWULO	
	Jacqui Gooch INTloko yeSebe: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Labeeqah Schuurman INTloko yeSebe: UkuHlaliswa kwaBantu
	Chantal Smith USekela Mlawuli Jikelele: wezeMali (IGosa eliyiNtloko lezeMali): UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Gerrit van Schalkwyk USekela Mlawuli Jikelele: IQhinga, uCwangciso noLungelelwaniso: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Gavin Kode, USekela Mlawuli Jikelele: IMisebenzi yoRhulumente wePhondo: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Lenn Fourie USekela Mlawuli Jikelele: liNdlela: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Melanie Hofmeyr UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lweNkqubo yeeNdlela (oBambeleyo): UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Anton Nell UMlawuli oyiNtloko: IZivumelwano zeeNdlela: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Carl October UMlawuli oyiNtloko: UCwangciso lweeNdlela: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Michael Hendrickse UMlawuli oyiNtloko: UYilo lweeNdlela (oBambeleyo): UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Herman Wolff UMlawuli oyiNtloko: iMisebenzi yeSebe yeeNdlela (oBambeleyo): UThutho neMisebenzi kaRhulumente

AMALUNGU APHEZULU ENKONZO YOLAWULO	
	Ramesh Maharaj UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lweQhinga neNkxaso yokuSebenza: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Nazeer Rahbeeni UMlawuli oyiNtloko: UkuHlanganiswa koMgaqo-nkqubo neQhinga (oBambeleyo): UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Richard Petersen UMlawuli oyiNtloko: INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Thiagaraj Pillay UMlawuli oyiNtloko: UThelelwano lwamaShishini kaRhulumente nawaNgasese: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Shane Hindley UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lwee-Asethi ezingaShukumiyi (oBambeleyo) UThutho neMisebenzi kaRhulumente
Andrea Campbell	Andrea Campbell UMlawuli oyiNtloko: IZibonelelo ngokuBanzi: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	René Kok UMlawuli oyiNtloko: IZibonelelo zeMfundo (oBambeleyo): UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	René Kok UMlawuli oyiNtloko: IZibonelelo zeMpilo: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Shaffida Andrews UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lweMali: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Pauline van der Merwe UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo: UThutho neMisebenzi kaRhulumente
	Francois de Wet UMlawuli oyiNtloko: INkxaso yeNkxaso yoLawulo (IGosa eliyiNtloko lezeMali): UkuHlaliswa kwaBantu
	Kahmiela August UMlawuli oyiNtloko: UCwangciso lokuHlaliswa kwaBantu
	Benjamin Nkosi UMlawuli oyiNtloko: Uphuhliso lweeNdawo zokuHlaliswa kwaBantu (oBambeleyo): UkuHlaliswa kwaBantu

Lwamkelwe ngu:



TERTUIS SIMMERS
UGUNYAZIWE WESIGQEBA

ISEBE LEZIBONELELO
UMHLA: 8 kweyoKwindla 2023

Okuqulathiweyo

Izishunqulelo nezifinyezo	x
ICandelo A: Isigunyaziso sethu	1
1 Isigunyaziso somgaqo-siseko	1
2 Izigunyaziso zomthetho nezomgaqo-nkqubo	1
2.1 Ubume bomgaqo-nkqubo wehlabathi nowelizwekazi	2
2.1.1 IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo (iiSDG)	2
INGqungquthela yesiCwangciso-nkqubo seZizwe eziManyeneyo engeNguqu kwiSimo seZulu ...	3
2.1.2 I-Ajenda ye-Afrika eManyeneyo 2063	4
2.2 Ubume bomgaqo-nkqubo wesizwe	5
2.2.1 IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe 2030 (NDP)	5
2.2.2 IsiCwangciso seSizwe seZibonelelo 2050 (NIP)	6
2.3 Ubume bomgaqo-nkqubo wePhondo	6
2.3.1 I-OneCape 2040	6
2.3.2 PlisiCwangciso seQhinga sePhondo 2019–2024	7
2.3.3 OkuPhambili okuVuselelwa nguMbono 2 okukhokhelwa ziZibonelelo: UkuKhula neMisebenzi	8
2.3.4 OkuPhambili okuVuselelwa nguMbono 4: INguqu kuThutho neSithuba	9
2.3.5 UkuKhula neMisebenzi	11
2.4 UkuHlangana kukaMasipala	12
2.4.1 INdlela eHlangeneyo yeSithili noMasipala oMbaxa	12
2.5 Okuphambili koMphathiswa	13
2.6 Amalinge omgaqo-nkqubo wesebe neqhinga	13
2.7 Alindlela ebeka abantu embindini, ejolise kubemi	14
3 Izigwebo zenkundla ezifanelekileyo	15
ICandelo B: Ekujoliswe kuko kweqhinga	16
1 Umbono	16
2 UMnqophiso	16
3 Iinqobo ezisesikweni	16
4 Uhlahlelo sobume	18
4.1 Uhlahlelo lwangaphandle lwesimo	19
4.1.1 Ubume bepolitiki	19
4.1.2 Ubume bezoqoqosho	20
4.1.3 Ubume beNtlalo	21
4.1.4 Ubume bezomthetho	27
4.1.5 Iimeko zendalo	28
4.1.6 Ubume bobuchule nobomsebenzi	29
4.2 Uhlahlelo lobume bangaphakathi	40
4.2.1 Ubume bombutho	40
4.2.2 Ubume bexesha elizayo: INguqu yoShishino lweSine	41
4.2.3 Okuphambili okuvelayo namathuba	41

4.2.4	Bkhono lubume bokwakha ukunikela kwisigunyaziso salo.....	42
4.2.5	Uhlahlelo lwabachaphazelekayo	43
ICandelo C: Ukulinganiswa komsebenza wethu.....		44
1	Ingcaciso yomsebenzi weziko	44
1.1	Ukulinganiswa kwempembelelo	44
1.2	Ukulinganiswa kweziphumo	45
2	Inkcazelo yosebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba socwangciso seminyaka emihlanu	52
3	Imingcipheko engundoqo nezithintelo.....	67
4	Amaqumrhu karhulumente.....	69
ICandelo D: Inkcazelo yomgqalisela wobuchule		70
Isihlomelo A: Izigunyaziso zowiso-mthetho.....		86
Isihlomelo B: Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo		93
Isihlomelo C: UYilo loPhuhliso lweSithili.....		98

ULuhlu lweetheyibhile

ITheyibhile 1: Iinjongo zolangazelelo lwe-Ajenda yoManyanao lwe-Afrika 2063	5
ITheyibhile 2: Iinguqulelo ze-OneCape2040.....	6
ITheyibhile 3: Imimandla ekujoliswe kuyo ephambili yeWCG enxulunyaniswe neeVIP.....	8
ITheyibhile 4: Inkcazelo ecalulweyo yentsingiselo yenqobo nganye esesikweni engundoqo yeWCG... 17	17
ITheyibhile 5: Uvavanyo ngokubanzi lwabasebenzi abacuthekileyo beNtshona Koloni, iKota 1, 2022 ...	23
ITheyibhile 6: Ukunxulunyaniswa kweMTSF kunye neeVIP kwiSiphumo seSebe, iMigqalisela yeSiphumo nekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu.....	49

Uluhlu lwemizobo

Umzobo 1: Iinjongo zoPhuhliso oluZinzileyo lweZizwe eziManyeneyo	3
Umzobo 2: OkuPhambili okuVuselelwa nguMbono koRhulumente weNtshona Koloni.....	7
Umzobo 3: Izenzo zenguqu yezithuba neempembelelo	10
Umzobo 4: IMimandla ekuJoliswe kuko kweWCIF, 2050.....	14
Umzobo 5: Iinqobo ezisesikweni ezingundoqo zeWCG.....	16
Umzobo 6: Iindlela zokuziphatha zeDOI.....	18
Umzobo 7: Uqikelelo lwabemi ngokwephondo, 2022	21
Umzobo 8: Uqikelelo lwabafuduki ngokwephondo.....	22
Umzobo 9: Ukufaneleka kunye koMzantsi Afrika neGini yeNtshona Koloni ngokwesithili, 2012–2020.....	25
Umzobo 10: Umlinganiselo wezindlu ezingamatyotyombe neziqhelekileyo ukuya kwizindlu eNtshona Koloni nakuMzantsi Afrika uphela	26
Umzobo 11: Amathuba apheleleyo ezindlu anikezelweyo.....	27
Umzobo 12: Ibango lezindlu ezibhalisiweyo eNtshona Koloni.....	33
Umzobo 13: Inani loBume boThungelwano kwindlela yothungelwano enetha	35
Umzobo 14: Ubukhulu begrabile kuthungelwano lwendlela engenatha	36

Isishunqulelo nezifinyezo

3D	Imacala mathathu
4D	Imacala mane
4G/LTE	UkuVeliswa kwesiNe/UVeliso lweXesha elide
4IR	INguqu yoShishino yesiNe
AFR	UkuBekwa kweMali yeeAsethi
AIMS	INKqubo yoLawulo lweNgcaciso yee-Asethi
AOP	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza
APP	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza
AU	UManyano lwe-Afrika
BAS	INKqubo yeSiseko yoBalo-mali
BB-BEE	UXhotyiso oluBanzi lwabaMnyama kwezoQoqosho
BIM	Uyilo lolwakhiwo lwengcaciso
bn	Iwak lezigidi
BNG	Ukufunyanwa kweNgcaciso eNtsha
BRICS	Iqela lamazwe elaseBrazil, elaseRussia, elase-India, elaseChina, eloMzantsi Afrika
CBD	ISithili soMbindi woShishino
CIDB	IBhodi yoPhuhliso loShishino loKwakha
CoCT	ISixeko saseKapa
COE	Iindleko yengqesho
COGTA	ISebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli
CYCC	IZiko loLolongo loMntwana noLutsha
D2D	INKqubo yoDilizo oluya kwiSidima
DDG	USEkela Mlawuli Jikelele
DEA&DP	ISebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso
DEDAT	ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho
DM	Umasipala wesithili
DOI	ISebe leZibonelelo
DORA	UMthetho weCandelo leNgeniso
DPME	ISebe loCwangciso, ukuBekwa kweLiso noVavanyo
EPWP	INKqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
FCA	Uvavanyo lobume beziko
FET	Imfundo engaphezulu noqeqesho
FIDPM	IsiCwangciso-nkqubo sokuThengwa kweZibonelelo noLawulo lokuNikezelwa kwenkonzo
FLISP	INKqubo yemali eNxulunyaniswe neNkxaso-mali yoMntu ngamnye
FMPPI	IsiCwangciso-nkqubo sokuLawulwa kweNgcaciso yoMsebenzi weNkqubo
GBCSA	IBhunga leSakhiwo esiLuhlaza loMzantsi Afrika
GDP	IMveliso ePheleleyo yaseKhaya
GHG	INdlu eluhlaza yegesi
GIAMA	UMthetho woLawulo lwee-Asethi eziShukumayo zikaRhulumente
GW	I-Gigawatt
HDIC	INTloko yeKomiti yeSebe leZibonelelo
HOD	INTloko yeSebe
HR	Imicimbi yabasebenzi
HSDG	UMnikelo woPhuhliso lweeNdawo yokuHlaliswa kwaBantu
HSP	Isicwangciso sokuhlaliswa kwabantu
HSS	INKqubo yeNkxaso-mali yeZindlu
I/C	Ukwananisa

IoT	Izinto ze-intanethi
ICASA	UGunyaziwe oZimeleyo woNxibelelwano woMzantsi Afrika
ICT	Itheknoloji yengcaciso nonxibelelwano
IDMS	INkqubo yoLawulo loNikezelo lweZibonelelo
IDP	Isicwangciso esihlangeneyo sophuhliso
IMESA	Iziko likaMasipala lobuNjineli loMzantsi Afrika
IRP	IsiCwangciso esiHlangeneyo seZibonelelo
ISA	Izibonelelo zoMzantsi Afrika
ISUPG	Umnikelo wokuHlaziya kwaMatyotyombe
IT	Itheknoloji yengcaciso
ITU	Umanyano lwehlabathi loNxibelelwano
IUDF	IsiCwangciso-nkqubo esiHlangeneyo soPhuhliso lweDolophu
JDMA	INdlela yeSithili esiHlangeneyo noMasipala oMbaxa
km	Ikhilomitha
KZN	KwaZulu-Natal
LUPA	UMthetho woCwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba weNtshona Koloni, 2014
m	Isigidi
Mbp/s	IiMegabhayithi ngomzuzwana ngamnye
MEC	ILungi leBhunga leSigqeba (uMphathiswa wePhondo)
Metro	Umasipala ombaxa wesixeko
MIC	IKomiti yoMphathiswa yeZibonelelo
MOAP	IsiCwangciso seNdawo ye-Ofisi yoMabi-mafa
MTBPS	INGxelo yoMgaqo-nkqubo woHlahlo Lwabiwo-mali lweSithuba esiPhakathi
MTCO ₂ e	Metric tons of carbon dioxide equivalent
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi
MTSF	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi 2019–2024
NCN	Inani loBume leSizwe
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe 2030
NDHS	ISebe leSizwe lokuHlaliswa kwaBantu
NHFC	IQumrhu leSizwe leNkxaso-mali yeZindlu
NHSSP	OkuPhambili kweQhinga kwiCandelo leSizwe lokuHlaliswa kwaBantu
NIP	IsiCwangciso seSizwe seZibonelelo 2050
NQF	IsiCwangciso-nkqubo seSizwe seziQinisekiso
NTSSP	OkuPhambili kwiQhinga leCandelo leSizwe lezoThutho
NPWISSP	OkuPhambili kwiQhinga leCandelo leSizwe leMisebenzi kaRhulumente neZibonelelo
NYS	INkonzo yeSizwe yoLutsha
OHAS	Impilo nokhuselo engqeshweni
PAIA	UMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, 2000
PAJA	UMthetho wokuKhuthazwa koBulungisa kuLawulo, 2000
PER	INGxelo yokuFaneleka kwePropati
PERO	UHlaziyo loQoqosho neMbonakalo yePhondo leNtshona Koloni
PERSAL	INkqubo yaBasebenzi neMivuzo
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999
PHDA	Ummandla ophambili wophuhliso lwezindlu
POPI	UMthetho woKhuseleko lweNgcaciso yoMntu, 2013
PRMG	Umnikelo woLolongo lweNdlela zePhondo
PSDF	IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lweSithuba sePhondo
PSIP	IsiCwangciso soMiliselo lweQhinga lePhondo
PSP	IsiCwangciso seQhinga lePhondo
PT	ICandelo loLawulo-mali lePhondo
PV	I-Photovoltaic
Q	IKota

QLFS	UVavanyo lwaRhoqo ngeKota lweeNkcukacha zaManani aBasebenzi zoMzantsi Afrika
R&D	Uphando nophuhliso
RAMP	IsiCwangciso soLawulo lwee-Asethi zeNdlela
RISFSA	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seZibonelelo zeNdlela soMzantsi Afrika
SAICE	Iziko loMzantsi Afrika lobuNjineli boLwakhiwo lweeNdlela
SANRAL	I-Arhente yeeNdlela zeSizwe yoMzantsi Afrika
SASQAF	IsiCwangciso-nkqubo soVavanyo lokuLunga kweeNkcukacha zaManani soMzantsi Afrika
SBTs	Iitheknolojiye zezakhiwo ezizinzileyo
SDF	Isicwangciso-nkqubo sophuhliso lwesithuba
SDGs	IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo
SHRA	UGunyaziwe oLawulayo weZindlu zeNtlalo
SNPs	Abakhweli abanezidingo ezizodwa
SOEs	Amashishini aphantsi kolawulo lukarhulumente
SPLUMA	UMthetho woLawulo loCwangciso lweSithuba nokuSetyenziswa koMhlaba, 2013
Stats SA	IiNkcukacha zamanani zoMzantsi Afrika
tkm	Itoni nekhilomitha
ToC	Ithiyori yemethodi eguqulweyo
TOD	Uphuhliso olujolise kuthutho
UISP	INkqubo yokuhlaziywa kwamaTyotyombe
VIP	OkuPhambili okuVuselelwa nguMbono
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni
WCHDD	IsiZinda seeNkcukacha zaManani seBango leZindlu leNtshona Koloni
WCIF	IsiCwangciso-nkqubo seZibonelelo seNtshona Koloni, 2013
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WEF	IForama yoQoqosho yeHlabathi

ICandelo A: Isigunyaziso sethu

1 Isigunyaziso somgaqo-siseko

Isigunyaziso seSebe leZibonelelo (DOI) liveliswe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (ekubhekiselelwe kuwo apha njengoMgaqo-siseko) kunye noMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1998. Izigunyaziso ezithile ziluxanduva oluqhutywa kunye, ngeli thuba ezinye ziluxanduva lwecandelo lorhulumente wephondo kuphela. Izigunyaziso zomgaqo-siseko zichazwe kweli candela.

Ngokuhambelana neShedyuli 4, iCandelo A uMgaqo-siseko ufundwa kunye neminye imithetho, iSebe linoxanduva ngentsebenziswano lwemimandla yokusebenza elandelayo ekwigunya elisemthethweni:

- Imisebenzi karhulumente ngokuphathelele kwiimfuno zamasebe karhulumente wephondo ekunikezeleni koxanduva lwawo lokulawula imisebenzi ingakumbi enikezelwe kuwo ngokuhambelana noMgaqo-siseko okanye nawuphi na omnye umthetho [iSebe leSizwe lentsebenziswano liSebe leMisebenzi kaRhulumente neZibonelelo (NDPW)];
- ISahluko 2 (UsoMqulu wamaLungelo) soMthetho-siseko, iCandelo 26 lifuna uRhulumente okokuba:
 - Athabathe amanyathelo afanelekileyo omthetho namanye, afumanekayo kwizibonelelo anazo, ukuphumeza imfezeko eqhubekayo yelungelo lomntu wonke lokufikelela kwizindlu; yaye
 - Aqinisekise ngento yokuba akukho namnye oya kukhutshwa ngenkani kwikhaya labo, okanye kudilizwe ikhaya labo, ngaphandle komyalelo wenkundla owenziwe emva kokuba kunikwe ingqwalasela yazo zonke iimeko ezifanelekileyo.
- Isebe leZibonelelo zoThutho linoxanduva lwezibonelelo zothutho eziphantsi kolawulo lwephondo. Ngokwakaloku nje oku kubandakanya uthungelwano olubhengeziweyo lweendlela olukwiPhondo leNtshona Koloni. Uthungelwano lwendlela, kunye noxanduva lwezibonelelo ezinxulumeneyo lukhokhelwa ngumthetho weSizwe nowePhondo yaye ingakumbi uMmiselo weNdlela zeKapa odinga okokuba “uMlawuli” uya kuqalisa ngolwakhiwo nokulolongwa kwawo nawuphi na umgaqo karhulumente, ngaphandle kwendlela encinane apho “uMlawuli” angugunyaziwe wendlela.

2 Izigunyaziso zomthetho nezomgaqo-nkqubo

Umthetho ofanelekileyo wesizwe, wephondo nonqamlezileyo othi ukhokhele iDOI ekuqhubeni uxanduva lwayo uboniswe kwiSihlomelo A.

ISebe linesigunyaziso sezibonelelo esibanzi esibandakanya:

- Ucwangciso lwezibonelelo, unikezelo nolungelelwaniso;

- lindlela zephondo;
- Imisebenzi karhulumente ibandakanya ukubonelelwa kwendawo ye-ofisi ngokubanzi, izibonelelo zempilo nezemfundo; ngokunjalo neNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP); kunye
- NokuHlaliswa kwaBantu njengoko iqulathe umsebenzi wentsebenziswano kunye norhulumente wesizwe kubonelelo lwendawo eyaneleyo, ebandakanya ufikelelo kwiinkonzo zesiseko nezozoqosho lwentlalo.

Imigaqo-nkqubo efanelekileyo yesizwe neyephondo, amaqhinga, kunye nezikhokhelo ezikhokhela iDOI ekuqhubeni imisebenzi yayo iboniswe kwiSihlomo B.

UMbono weDOI, iNgxelo eneMpembelelo, kunye neZiphumo zilungelelaniswe kwimibono yexesha elide, imigaqo-nkqubo kunye namaqhinga achazwe ngasezantsi.

2.1 Ubume bomgaqo-nkqubo wehlabathi nowelizwekazi

2.1.1 IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo (iiDSG)

IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo (iiDSG) zamkele iNtlanganiso yoPhuhliso oluZinzileyo yeZizwe eziManyeneyo kweyoMsintsi 2015 ziqulunqe ubume bomgaqo-nkqubo bexesha elide nobehlabathi. IiDSG zihlanganisiwe yaye azahlulwa. Ngokumiliselwa kwesigunyaziso sayo, iDOI idlala indima ekuxhaseni inani leeDSG, ezizezi iiDSG 3, 4 kunye neye-9 njengomgcini nommiliseli wezibonelelo, iDSG 8 njengomyili wemisebenzi, kunye neeDSG 7, 11, 12 kunye neye-13 ngokusetyenziswa kwamalinge ayo ukunciphisa ukusetyenziswa kombane namanzi nokwandisa ingeniso yokufaneleka, ummandla apho iSebe liligqitha lee icandelo langasese ekukhetheni izakhiwo kwipotfoliyo yayo yepropati ye-ofisi. Ngaphezulu, iSebe linikele kwiDSG 11 ngokuqinisekisa ngenguqu yesithuba nokuguqula okwakwenziwe ngaphambili kucwangciso lwesithuba localucalulo. IiDSG ezili-17 ziboniswe kuMzobo 1.

Umzobo 1: IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo zeZiwe eziManyeneyo



Umthombo: <https://sustainabledevelopment.un.org/>.

Inqungquthela yesiCwangciso-nkqubo seZizwe eziManyeneyo ngoNguqu yeSimo seZulu

Inguqu yesimo sezulu sele kukudala yaba yinyaniso. Imiphumela yayo ye-ikholoji, yoqoqosho neyentlalo iyabonakala kuyo yonke imimandla yehlabathi. Isimo sezulu esibi kakhulu, esifana nobushushu okanye impuphuma senzeka rhoqo kakhulu, esibangela ukwanda kwentlupheko kuqoqosho kunye nentlekele yendalo neyentlalo.

INkomfa yaseParis yeNguqu yeSimo seZulu (COP 21)

IsiVumelwano saseParis esandlawe kwisicwangciso-nkqubo sehlabathi ukuthintela inguqu eyingozi yesimo sezulu ngokunyinwa kokufudumala kwehlabathi kube ngaphantsi kakhulu kwe-2°C kunye nokulandelwa kweenzame zokubunyina bube yi-1.5°C. Sixhabe ngokunjalo ekomelezeni ikhono lamazwe ekulungiseni iimpembelelo zenguqu yesimo sezulu nokuwaxhasa kwiinzame zawo. Phantsi kwesi sivumelwano, uMzantsi Afrika ixhabe ukunyina ukukhutshwa kwegesi kwindlu eluhlaza (GHG) iyokutsho kwiitoni zemetiki zekhabhondiyokside elingana ne(MTCO₂e) ngowama-2025, kunye nama-350–420 MTCO₂e ngowama-2030. UMzantsi Afrika sele uyiqalisile irhafu yekhabhoni yaye uxhabe ukuyeka ukugunyazisa imizi-mveliso emininzi yombane ekubaswa amalahle ngowama-2030 njengoko utshintsha umxube wayo yemithombo yombane ukulungiselela ukubandakanya iiprojekti zesola kunye nezomoya.

INkomfa yeSharm el-Sheikh yeNguqu yeSimo seZulu - Egypt (COP 27)

Ingxowa-mali yasekwa yokunceda amazwe ajamelene nomonakalo ombi ovela kwinguqu yesimo sezulu ukulungiselela ukuwanceda okokuba amelane noninzi lweempembelelo ezimbi zenguqu yesimo sezulu yaye ingakumbi ukuxhasa iintsapho ezihluphekileyo ezithe izindlu zazo zatshatyalaliswa, kunye nokonakaliswa kwemihlana yolimo.

Ingxowa-mali yokuziqhelanisa efunyenweyo inikela ngaphezulu yaye isicwangciso sokusebenza esihlangeneyo ukulungiselela ukukhawuleziswa kwezisombululo zenguqu ngokusetyenziswa kweenkqubo zamangenelo kunye nokumiselwa nekujoliswe kuko kweziphumo zokuziqhelisa, kuhlanganiswa umsebenzi wabasebenzi bakarhulumente nabangengabo abakarhulumente kubhekiselelwe ekufezekisweni kwazo ngowama-2023.

Ukunyuswa kwemali kulungiselelwa umsebenzi wesimo sezulu. Ukuqhutywa kokulinganiswa kovuselelo lwemali nokulungiswa kweenkqubo zemali ukuxhasa iinguqulelo ezilungelelaniswe nesimo sezulu, kubandakanywa iinzame zenguqu ezimiliselwe ngemfezeko ethe yafumana amathuba afana nawokulawulwa kwetyala kunye neemarike zekhabhoni.

UMzantsi Afrika uyiqondile into yokokuba awnakuguqulela kuqoqosho olunekhabhoni ephantsi ngaphandle kokuziqonda nokulungisa iimpembelelo eziya kuthi zibe nazo kubantu bawo. Urhulumente uphuhlise isiCwangciso-nkqubo Kanye soMzantsi Afrika ukusekela inguqulelo kanye yoqoqosho oluzinzileyo lwendalo kunye noluntu. Ukuxhasa inguqulelo yombane kanye urhulumente kutsha nje ukhuphe isicwangciso sotyalo mali esicalulweyo sakhe elungiselela inguqulelo kanye ymabane. IsiCwangciso soTyalo-mali lweNguqulelo yoMbane Kanye (JET-IP) sibonisa isixa-mali esipheleleyo samawaka ezigidi ezingama-\$98.7 kutyalo-mali oludingekayo, ukuxhasa inguqulelo kanye esuka kumalahle kusiywa kumbane ohlaziyiweyo eMzantsi Afrika, abathe oorhulumente abanikeleyo babe sele benikele ngamawaka ezigidi ze-\$8.5, i-2.7% kuphela eya kuba luhlobo lweminikelo.

Isicwangciso sotyalo-mali sichaza amangenelo ahlangeneyo aphambili karhulumente yotyalo-mali nenkxaso-mali adingekayo ukufezekisa iimbophelelo zokupheliswa kwekhabhoni nokuqinisekisa ngenguqulelo elinganayo nenobulungisa.

Isicwangciso sotyalo-mali sibonelela ngokwakha ukomelela kwimingcipheko yenguqulelo nokukhuthaza ukulungela kwentlalo njengoko uMzantsi Afrika uguqulela inkqubo yayo yombane yaye ikhulisa amashishini oluhlaza olutsha. IWCG ilungiselela ukuzibeka kwinqanaba lokufumana amathuba andlalwe yiJET-IP ngokunjalo nenyathelo lehlabathi elibhekiselele kumalinge enkxaso-mali engekho yezibonelelo.

2.1.2 I-Ajenda yoManyano lwe-Afrika 2063

I-Ajenda yoManyano lwe-Afrika (AU) 2063 yandlala ubume bomgaqo-nkqubo kwinqanaba lelizwekazi. I-DOI ixhasa iinjongo ezandlalwe kwi-Ajenda ye-AU 2063 nokuzama ukunceda ukusekwa kwephondo eliguqulweyo lwesithuba apho abahlali baphila kwiindawo ezinxulunyaniswe kakuhle, ezivuselelekileyo, ezomeleleyo kwisimo sezulu nezizinzileyo ze bahamba-hambe ngezithuthi zikawonke-wonke ezikhuselekileyo ezifanelekileyo, ezifikelekayo, nezikhupha ikhabhoni ephantsi. I-DOI, ngokumiliselwa

kwesigunyaziso, iya kunikela kwimimandla ephambili ye-AU, yabahlali bala maxesha kunye neenkonzos zesiseko ezilungileyo, ukukhula koqoqosho okuzinzileyo nokubandakanyayo.

Iinjongo zolangazelelo ze-Ajenda ye-AU 2063 zidweliswe kwiTheyibhile 1.

ITheyibhile 1: Iinjongo zplangazelelo ze-Ajenda yoManyano lwe-Afrika 2063

1	I-Afrika enempumelelo esekwe kukukhula okubandakanyayo nophuhliso oluzinzileyo.
2	Ilizwekazi elihlangeneyo elimanyeneyo ngokwezepolitika yaye lisekwe kumzekelo ogqibeleleyo woBu-Afrika kunye nombono kuHlaziyeke lwe-Afrika.
3	I-Afrika enolawulo olulungileyo, idemokhrasi, intlonipho yamalungelo abantu, ubulungisa nokuthotyelwa komthetho.
4	I-Afrika enoxolo nekhuselekileyo.
5	I-Afrika eyomelelyo kubantu benkcubeko yayo, enelifa lemveli elifanayo, ekwabelwana ngeenqobo ezisesikweni nangendlea yokuziphatha.
6	I-Afrika enophuhliso oluqhutywa zizidingo zabantu, eyayame ngekho labantu base-Afrika, ingakumbi amanina ayo kunye nolutsha, nokukhathalelwa kwabantwana.
7	I-Afrika ingumdlali owomeleleyo, ohlangeneyo, oqimileyo nonempembelelp kwiHlabathi neqabane.

Umthombo: <https://au.int/en/agenda2063/aspirations>.

2.2 Ubume bomgaqo-nkqubo wesizwe

2.2.1 IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso 2030 (NDP)

Ubume beqhing lesizwe buxoxwe sisiCwangciso seSizwe soPhuhliso (NDP): uMbono 2030, esisicwangcisonkqubo seqhinga sesizwe esingundoqo sexesha elide selizwe. I-NDP ixhibe ekulungiseni nasekubhangiseni imingeni emithathu yendlala, yokungalingani, kunye neyentswela misebenzi eMzantsi Afrika ngowama-2030 nokuchonga iindima zamacandelo awahlukeneyo oluntu ekufuneka eyidlalile ukunceda kukufezekiswa kwaloo njongo. ISahluko 8 sandlale isicwangciso senguqulelo kukuhlaliswa kwabantu: ubulungisa kwisithuba; uzinziso lwesithuba; ukulunga kwesithuba nokufaneleka kwesithuba. IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi (MTSF): 2019–2024 yindlela yomiliselelo yeNDO 2030 kulungiselelwa isithuba socwangciso lweqhinga esithe ngqo seminyaka emihlanu.

I-MTSF iqaphele into yokokuba kukho okusixhenxe okuphambili kwisicwangciso-nkqubo seqhinga okwendeleliswe kwiintsika ezintathu zeNDP. Ezi zezi zilandelayo:

- Okuphambili 1: Urhulumente onekhono, onenqobo zokuziphatha nophuhliso;
- Okuphambili 2: Inguqu yoqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi;
- Okuphambili 3: Imfundo, izakhono, kunye nempilo;
- Okuphambili 4: Ukuhlanganiswa komvuzo wentlalo ngokusetyenziswa kweenkonzo zesiseko ezithembekileyo kunye nezilungileyo;
- Okuphambili 5: Ukuhlanganiswa kwesithuba, ukuhlaliswa kwabantu kunye nomasipala;
- Okuphambili 6: Uhambelwano lwentlalo noluntu olukhuselekileyo; kunye
- Okuphambili 7: Ne-Afrika engcono kunye nehlabathi.

Inani elipheleleyo leziphumo ezingama-81, amangenelo angama-37 kunye nemigqalisela engama-561 ichazwe kwiMTSF. I-DOI iya kuphendula kokuPhambili 5: Ukuhlanganiswa kweSithuba, ukuhlaliswa kwabantu kunye nomasipala.

2.2.2 IsiCwangciso seSizwe seZibonelelo 2050 (NIP)

Injongo yesiCwangciso seSizwe seZibonelelo (NIP) 2050 kukuyila isiseko kulungiselelwa ukufezekiswa kombono weNDP wokukhula okuhlangeneyo. Okulungiselelwe Zizibonelelo zoMzantsi Afrika (ISA), iNP inikezela ngombono weqhinga kunye nocwangciso olunxulumanisa iinjongo eziphezulu zeNDP kumanyathelo okusetyenziswa kunye neziphumo zethuba eliphakathi.

Inqanaba lokuqala leNIP lijolisise kumacandelo amane abalulekileyo othungelwano. La ngala izibonelelo zombane, zothutho lwempahla, zamanzi, nezedijithali. Inqanaba lesibini liya kujolisa kunikezelo lwezibonelelo kunye neenkonziso zikamasipala ezinxulumene noko, ngokunjalo neendlela zokuqiniswa kolungelelwaniso ngokusetyenziswa koYilo loPhuhliso lweSithili.

2.3 Ubume bomgaqo-nkqubo wePhondo

Kwisithuba socwangciso seminyaka emihlanu elandelayo yeqhinga, iSebe liya kulungelelanisa iinkqubo zalo namaqhinga nokumilisela imithetho-siseko yoMbomo we-OneCape 2040 kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo 2019-2024, isiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni, isiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lweSithuba sePhondo (PSDF), izigunyaziso zeqhinga zeGrowth4Jobs kunye nesiCwangciso-nkqubo seZibonelelo seNtshona Koloni 2050, (WCIF). Olu luhlu lwemigaqo-nkqubo nezicwangciso-nkqubo zizama ukuguqula ngamandla olona kanye uphuhliso lwexesha elidlulileyo, kuchongwe utyalo-mali oluzinzileyo kulo lonke iphondo, nokukhuthazwa kothelwano kunye necandelo langasese ukunceda kufezekiso lweenjongo zikarhulumente.

2.3.1 I-OneCape 2040

I-OneCape 2040 lilinge lokuvuselela inguqulelo ebhekiselele kwikamva loqoqosho elibandakanyayo kakhulu nelomeleleyo kulungiselelwa iNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwe-ajenda yenguqulelo yoqoqosho yexesha elide kubandakanywa uluhlu lwabachaphazelekayo. Imimandla ekujoliswe kuyo emithandathu yokuqhuba inguqulelo yandlalwe kwiTheyibhile 2.

ITheyibhile 2: Inguqulelo ze-OneCape2040

Inguqulelo	Evela	Eya
Inguqulelo yolwazi (Ukufundiswa kweKapa)	Ukungalingani kokulunga kwemfundo kunye nekhono elinyiniweyo.	Imfundo ekwinqanaba lokulunga eliphezulu kunye nekhono lenguqu eliphezulu.
Inguqulelo yofikelelo kuqoqosho (IKapa elisebenzayo)	Ubume noqoqosho oluqhutywa kukufaneleka olunezithintelo ezininzi kukungena kwimfundo neziphumo eziphantsi nemilinganiselo yoshishino ephantsi.	Uqoqosho oluqhutywa yinguqu olunezithintelo ezingephi zokufumana imfundo olunemiphumela ephezulu yemilinganiselo yoshishino.

Inguqulelo	Evela	Eya
Inguqulelo yenkcubeko (Ukuhlanganiswa kweKapa)	Izithintelo kuthungelwano lwengingqi nolwehlabathi (ulwimi, ubuwena, umgama, ukuziphatha okumxinwa).	Inqanaba eliphezulu lothungelwano lwengingqi nokukhula kwemarike yehlabathi.
Inguqulelo yokuhlala (Ukuhlala eKapa)	Ungabikho simeni esihle, ufikelelo oluphantsi, ukusoloko uchwethelwa bucala, ukunqongophala kwamathuba obumelwane.	Ukuba sempilweni, ukufikeleleka, amathuba amanizi aphilekayo kuluntu.
Inguqulelo yeziko (IKapa elikhokhelayo)	Izakhelo zokuzikhusela, nezentshaba	linkqubo ezivulelekileyo zentsebenziswano
Inguqulelo ye-ikholoji (IKapa eliluHlaza)	Ukusetyenziswa okungazinzanga kwezibonelelo ezizele yikhabhoni	Ukusetyenziswa kwezibonelelo ezinekhlabhoni ephantsi

2.3.2 IsiCwangciso seQhinga lePhondo 2019–2024

IsiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) soRhulumente weNtshona Koloni (WCG) sichonge imixholo emihlanu (5) yokuPhambili okuVuselelwa nguMbono (VIP) ukufezekisa uMbono waso kunye nesiCwangciso sokuSebenza “INTSHONA KOLONI ekhuselekileyo apho wonke umntu ahlumayo”. Le mixholo yeVIP iboniswe kuMzobo 2.

UMzobo 2: OkuPhambili kokuVuselelwe nguMbono koRhulumente weNtshona Koloni

INtshona Koloni ekhuselekileyo apho wonke umntu ehluma

ULUNTU OLUKHUSELEKILEYO NOLUHAMBELANAYO

UKUKHULA NEMISEBENZI UKUXHOTYISWA KWABANTU UTHUTHO NENGUQULELO YESITHUBA

INGUQU NESIMO



Umthombo: IsiCwangciso seQhinga lePhondo leNtshona Koloni 2019–2024

Imimandla ekujoliswe kuyo ngurhulumente wephondo enxulunyaniswe kwiiVIP ichazwe kwiTheyibhile 3.

ITheyibhile 3: Imimandla ekujoliswe kuyo ephambili yeWCG enxulunyaniswe kwiiVIP

OkuPhambili okuVuselelwa nguMbono	Imimandla ekujoliswe kuyo
Uluntu olukhuselekileyo noluhambelanayo	<ul style="list-style-type: none"> • Ikhono elandisiweyo nokusebenza kakuhle kokupolisa nokunyanzeliswa komthetho. • Iindlelana zokuthunyelwa kolutsha olusemngciphekweni namalinge abeka umntwana nosapho embindini ukunciphisa ubundlobongela. • Uhambelwano lwentlalo olwandisiweyo nokhuseleko lwezithuba zoluntu.
Ukhukhula nemisebenzi	<ul style="list-style-type: none"> • Utyalo-mali olwandisiweyo. • Ulwakhiwo nololongo lwezibonelelo. • Ukukhulisa koqoqosho ngokukhula kokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle. • Ukuyilwa kwamathuba alungiselelwe ukuyilwa kwemisebenzi ngophuhliso lwezakhono. • Ukuyila ubume obuncedayo kulungiselelwa ukukhula koqeqesho ngokomelezwa kwezibonelelo.
Ukuxhotyiswa kwabantu	<ul style="list-style-type: none"> • Abantwana neentsapho. • Ukufunda nokufundiswa. • Ulutsha nezakhono. • Impilo nempilo-ntle.
Izithuthi neNgququ yeSithuba	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuyilwa konxibelelwano olungcono phakathi kweendawo ngokusetyenziswa kwezithuthi zikawonke-wonke ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo nezifikelekayo. • Iindawo ezibandakanyayo zamathuba. • Amathuba amaninzi kulungiselelwa abantu okokuba bahlale kwiindawo ezingcono. • Ukuphuculwa kweendawo ekuhlala kuzo abantu.
Inguqu neNkcubekeo	<ul style="list-style-type: none"> • Ubume bokubekwa kwabemi embindini. • Inguqu kulungiselelwa impembelelo. • Ukunikezelwa okuhlangeneyo kwenkonzo. • Inguqu kulawulo. • Ukuphuhlisa kwetalente nabasebenzi.

2.3.3 OkuPhambili okuVuselelwa nguMbono 2 okhokhelwa ziZibonelelo: ukukhula nemisebenzi

I-DOI, ngentsebenziswano neSebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso (DEA&DP) kunye neSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho (DEDAT), iya kunikela kakhulu kwiVIP2: ukuKhula neMisebenzi.

I-DOI inomnikelo owodwa ekufuneka liwenzile kwizibonelelo zoncedo ngokutsala umdla kutyalo-mali ngophuhliso lwezibonelelo ezitsha nezingaguqukiyo kulungiselelwa ukukhula nokunikela kukuthengwa konikezelo olukhuselekileyo lombane. Ubonelelo lweziboneleli (ezifana neendlela, uloliwe, ezaselunxwemeni, nokunikezelwa kwamanzi) ngumncedi wokukhula koqoqosho yaye iya kuluqhubela phambili ukhuphiswano loqoqosho lweNtshona Koloni. ISebe liya kudlala indima ephambili ngokunxulumana norhulumente wesizwe apho imimandla yokusebenza ingaphandle kolawulo lwalo oluthe ngqo. Ukuzisa ingqinisekiso kwiimarike, kulungiselelwa loo mimandla iphantsi ngqo kulawulo lweDOI, efana neendlela zephondo, iWCG iya kuqinisekisa ngento yokuba uhlahlo lwabiwo-mali

lokubonelelwa kwezibonelelo nololongo lukhuselekile nangona kukho imingeni yobume bemali karhulumente.

I-WCG yamkele indlela ecokisisiweyo kwizibonelelo eya kubandakanya uphuhliso lwezibonelelo ezitsha kulungiselelwa ukukhula, ukulolongwa kwezibonelelo ezikhoyo, nokwandiswa kwembuyekezo yoqoqosho evela kwii-asethi ezingashukumiyiyo. Iya kuchonga iindlela eziguqulweyo zemali kunye neendlela zokunikezelwa kwezibonelelo. Ekujoliswe kuko kwizibonelelo kuya kubandakanya uthelwano kunye neVIP yeNguqu kuThutho neSithuba ekunikezelweni kweqhinga lokukhula okukhokhelwa zizibonelelo ukulungiselela ukuyilwa kwamathuba omsebenzi olutsha, amanina kunye nabantu abakhubazekileyo ngokusetyenziswa kwezibonelelo zeenkqubo zokwakha nezololongo kwiipotfoliyo zokuhlaliswa kwabantu, kwiindlela nemisebenzi karhulumente. ISebe liya kuquzelela ngokunjalo uphuhliso lwezakhono zolutsha ngokusetyenziswa kweenkqubo ezahlukeneyo zobugcisa.

I-WCG izibophelele ekubeni liphondo elikhusela umbane kunye neemfuno ukwahlulahlula umxube wengingqi wombane nokunciphisa ukusetyenziswa kakhulu kombane. Iya kuyifizekisa le njongo ngokukhuthazwa kwecandelo legesi yesiqhelo, ngokukhuthazwa kwamashishini okokuba akhe amaziko ombane esolar photovoltaic (PV), yaye akhuthaze ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kombane kumashishini kunye nakumakhaya ngokuhambelana nesicwangciso esihlangeneyo sephondo sesibonelelo sombane. ISebe liya kudlala indima ebalulekileyo kula malinge yaye liqhube amalinge athi axhase uQoqosho oluluHlaza, olufana neentambo zeentsimbi ezizisa umbane, izixokelelwano zePV eseluphahleni, kunye nezibonelelo eziluhlaza.

ISebe lizibophelele ekuyileni imisebenzi namathuba oxhotyiso kwiphondo kunye, ukuza kuthi ga ngoku, liya kusebenzisa izabelo zalo zomnikelo ukubonelela iikontilaka eziphuma kuwo onke amaqela achongiweyo. Ngaphezulu, iDOI iya kuqhubeka ukuxhasa amanina nolutsha ukwakha ubume beekontilaka nabanikezeli benkonzo. ISebe liya kuqhubeka ukuquzelela amathuba emisebenzi ngokusetyenziswa kwe-EPWP, ingakumbi kushishino lokwakha. Okokugqibela, iSebe liya kuqhubeka liqeqesha abantu abatsha kumacandelo awahlukeneyo, ngoko libaxhobisa okokuba babe nakho ukuqesheka.

Liya kudlala indima engundoqo kule mimandla ekujoliswe kuyo yeVIP ilandelayo njengoko ibhekiselele koomasipala:

- Ngokunikezela ngenkxaso koomasipala ukuphuhlisa iiprojekti ezisendlelani zezibonelelo zokuguqula ubume bokwakha kunye nezicwangciso-nkqubo zenkcitho yenkunzi kulungiselelwa izicwangciso-nkqubo zazo zophuhliso lwesithuba (iiSDF) kunye nezicwangciso ezihlangeneyo zophuhliso (ii-IDP);
- Ukusetyenziswa kweNdelela kamasipala seSithili esiHlangeneyo (JMDA) noMasipala oMbaxa (Metro) ukunceda ekukhokheleni utyalo-mali kwimimandla yesithuba echongiweyo; kunye
- Nokuxhasa ukuchongwa kweezoni notyalo-mali loorhulumente olusendleleni kulungiselelwa ukukhutshwa komhlaba kunye neeSDF zikamasipala.

2.3.4 OkuPhambili okuVuselelwa nguMbono 4: uThutho neNguqulelo yeSithuba

I-DOI iya kuxhasa iVIP4 ngentsebenziswano neSebe lezoThutho kunye neDEA&DP.

Ejolise kuko kwinguqu yesithuba yolawulo olukhoyo yingqwalasela ebalulekileyo yezinye zeenyaniso ezikhoyo, ngokunjalo nasekuyilweni kwexesha elizayo. Ukunceda kwiinjongo ezichazwe ngasentla yaye nokuhambelana nezigunyaziso ezifanelekileyo zesebe, imimandla ekujoliswe kuyo elandelayo, ichonge amangenelo kunye nezenzo ezingindoqo ziyacetywa: 1) ukuphucula indawo apho abantu bahlala khona; 2) ukuyila iindawo zesithuba ezivelelweyo zokukhula koqoqosho; kunye 3) nokuyilwa kwamathuba amaninzi ukulungiselela abantu okokuba bahlale kwiindawo ezingcono. Izenzo zengqulelo kunye neempembelelo ziboniswe kuMzobo 3.

UMzobo 3: Izenzo neempembelelo zeguqu yeSithuba



UMthombo: IsiCwangciso seQhinga lePhondo leNtshona Koloni: 2019–2024

Phantsi kwalo mmandla uphambili, iWCG izibophelele ekuyileni iindawo zokuhlaliswa kwabantu ezibandakanyayo neendawo ezifanele ithuba, okt., iindawo apho ubomi bunexabiso nokokuba umntu uhlala phi na okanye usebenza phi. Nangona iindawo zokuhlala kufuneka zibe zindawo zoqoqosho ezizinzisa ngokwazo, zinxulunyaniswe ngokweqhinga enye kwenye ngothungelwano lothutho lukawonke-wonke. Ukuza kuthi ga ngoku, ili-19 imimandla ephambili yophuhliso lwezindlu (iiPHDA) ebhengeziweyo ze yagazethwa eNtshona Koloni exhibe ekuguquleni iindawo zokuhlaliswa kwabantu ngokunikezelwa kofikelelo oluphuculweyo kumathuba entlalo nawoqoqosho. Ukuxhaswa ngaphezulu kwale ndlela, izicwangciso ezihlangeneyo zomilisele ezilungiselelwe iiPHDA ziya kuphuhlisa ngokuhlangeneyo nadlali abangundoqo. Ukuvunywa kwento yokuba amatyotyombe akasoze abhangiswe kuphele, ukuhlaziywa kweendawo ezinjalo zokuhlala kuya kuqhubeka kubekwa phambili. Ngaphezulu, Ukuvulelwa kwekhono kwisithuba sezindlu ezifikelekayo ezilungiselelwe imarke yabantu abanengeniso ephakathi kuya kubekwa phambili ngokuhlolwa kweemodli ezahlukeneyo, ezifana nokurhoxiswa kobunini, “nokuqhawulwa konxulumaniso” lweNkqubo yeNkxaso-mali yoMntu eNxulunyaniswe neMali (FLISP), ekungeyiyo indlela yobambiswano kuphela. Abenzi bezicelo ababengafanelekanga ukuba bafumane iFLISP kwixesha elidlulileyo, kube abazange bafumaneke befanelekile kokuba bafumane imali-mboleko yezindlu

okanye isivumelwano sobambiswano baya kubanakho ngoku ukusebenzisa eminye imithombo yemali ukufumana ipropati.

Ukuhlasela okungundoqo kokufezekiswa kwenguqu yesithuba kukugxininiswa kokuhlaliswa kwabantu, ufikelelo kumhlaba, uthutho lukawonke-wonke olulungileyo, ulawulo olulungileyo, imveliso ephakamileyo, nokuzinziswa kwamaziko asedolophini. Kudinga ukukuqonda ukuntsonkotha okubandakanyekayo ukuziswa kwenguqu yoluntu nokubaluleka kokubonwa kwenguqu yesithuba, uthuthu lukawonke-wonke nezithuthi njenge-ikhosistim, kuhlanganiswe nendlela ebenzi komangenelo athile ajolise kwimimandla emininzi athe anxulunyaniswa ngokokwayo. Injongo kukuguqula kuqala impilo yabahlali ngokuguqula ulungelelwaniso lwesicwangciso sesithuba luye kwiinguqu kwindlela izibonelelo zokuhlaliswa kwabantu nezoqoqosho lwentlalo eziyilwe ngayo neendawo ezikuyo, nokufumaneka nokulunga kweendlela ezingundoqo zothutho.

Izithithelo ezithe ngqo kwiinguqu yesithuba zikwimingeni efunyenweyo ekufezekiseni iindawo ezihlangeneyo zokuhlaliswa koluntu: ukufumaneka komhlaba okwindawo elungileyo, kunye neziphene ekufikeleleni kuthutho loluntu. I-NDP icebisa ngamangenelo aphambili amane ukulungisa inguqu yesithuba. Ezi zenzo zibanfakanya ngokubanzi ukuxinaniswa, iindawo ezingcono zokuhlaliswa kwabantu, uthutho lukawonke-wonke oluphuculweyo, iindawo ezifanelekileyo zemisebenzi nabantu, izicwangciso-nkqubo eziphuculweyo zophuhliso lwesithuba, kunye noluhlu oluhlaziyiweyo nolwahlukeneyo lwenkxaso-mali yezindlu kunye neminikelo.

Imeko nganye kwezi inesixhathisi sesikhokhelo esingundoqo esinokuthi sizise inguqu yesiseko enokuthi yandise impembelelo yabemi neyoluntu. Imeko nganye inxulunyaniswe namangenelo esithuba esifutshane esiphakathi nesexesha elide, izenzo kunye nokukhetha okuthi kuncede kubume nakuhlobo lwenguqu echongiweyo.

2.3.5 UkuKhula okulungiselelwe iMisebenzi

Ukusabela kweqhinga kwe-WCG kukukhula koqoqosho nakuyilo lwemisebenzi kufikelele esiphelweni ngophuhliso lweQhinga lokuKhula eliilungiselelwe iMisebenzi. UkuKhula okulungiselelwe iMisebenzi kuya kuthatha indawo onke amaqhinga angamanye oqoqosho kwiPhondo yaye kuncedwa sisicwangciso-nkqubo seqhinga esele samkelwe yiKhabhinethi yePhondo. Isicwangciso-nkqubo sasekwa kuphando oluzinzileyo kunye nohlahlelo, kubandakanywa uhlobo lokukhula olucalulweyo olugunyaziswe yiWCG. Isicwangciso-nkqubo siyayiqonda into yokokuba indima karhulumente epheleleyo ayikokuyila amathuba emisebenzi, kodwa kukunikezela ngobume obuncedayo kooshomashishini, kubantu abashishinayo, nakubemi okokuba baphumelele. Ekujoliswe kuko okuphambili kwesiCwangciso-nkqubo seQhinga sokuKhula esilungiselelwe iMisebenzi luncedo oluthe tyaba lwecandelo langasese elikhokhela ukukhula koqoqosho, kuyila ubume boshishino obufanelekileyo, oboyisa izithintelo ezibophelelayo, obuxhasa amathuba okukhula, nokuvuselela ukukhula kwemarike. Ukubekwa phambili kwezibonelelo kuya kubaluleka ukuvuselela ingqesho yethuba elifutshane, ukukhula koqoqosho nophuhliso lwentlalo.

KwesiCwangciso-nkqubo seQhinga lokuKhula neMisebenzi, iWCG iya kuqhubeka ibeke phambili utyalo-mali lwezibonelelo njengomqhubi wengqesho yexesha elifutshane ngokunjalo nowexesha elide kulungiselelwa ukukhula koqoqosho nophuhliso lwentlalo.

Njengexalenye yeWCG yoHlaziyo lweZiko, iWCG iya kwakha kumsebenzi oselel wenziwe ngamasebe angaphambili elezoThutho neMisebenzi kaRhulumente nelokuHlaliwsa kwaBantu, ukuqulunqa ngokutsha iWCIF yowama-2013 njengexalenye yokusekwa kweSebe leZibonelelo. IsiCwangciso-nkqubo sijolise: i) kulungelelwaniso kweenkqubo esele zikho zocwangciso; ii) sicacise izigqibo zeqhinga nentengiso ekufuneka zenziwe ukufezekisa umbono wephondo wama-2050 kubume obuntsonkothileyo nobuguqakayo; iii) kukuchonga nokukhokhela ucwangciso nomiliselo lwamangenelo abalulekileyo ezibonelelo kulungiselelwa isithuba sowama-2023-2050; iv) kukuhlanganiswa nokukhokhela utyalo-mali olutsha; v) kukuququzelela uthelelwano nentsebenziswano; kunye vi) nokuxhathisa kubudlelwane obuqalayo kunye neZibonelelo zoMzantsi Afrika ukukhuthaza uthelelwano lwentsebenziswano olujolise ekuvuleleni elisafihlakeleyo leeprojekti ezibalulekileyo zezibonelelo eNtshona Koloni.

2.4 Ukuhlangana kukamasipala

I-DOI ijolise ekulungelelaniseni izicwangciso zayo kunye neenkqubo kunye nabo masipala ngokwandiswa kwekhono, uzinziso, ukufaneleka, nokusebenza kakuhla kukamasipala. I-WCG iqhuba oku ngokusetyenziswa kweendlela ezininzi.

I-PSDF ichonge izithuba ezithathu edolophini njengenjini zokukhula koqoqoqo kwexa elizayo apho ucwangciso oluhlangeneyo lwengingqi kunye nolawulo lunakho ukuxhathisa kumathuba okukhula. Ezi ngingqi zisebenzayo ngummandla weGreater Cape Town, ummandla weGreater Saldanha, kunye nommandla weGarden Route.

Izibonelelo zikamasipala zisisiseko sophuhliso. Nakuphi na ukusilela kweli nqanaba kuphelisa ikhono lophuhliso ze kukhokhelele kukungasebenzi kakuhle koluntu. ISebe lizibophelele ekomelezeni ngaphezulu uthelelwano lwalo kunye noomasipala ngokuphathelelene nophuhliso lwezibonelelo nololongo. I-DOI, ngentsebenziswano noomasipala kunye nabanye abachaphazelekayo abafanelekileyo, liya kuqalisa ngovavanyo lwezibonelelo zikamasipala kunye nekhono ukuyila amangenelo aqulunqiweyo ukuzisa izibonelelo kumgangatho ofunekayo. Oku kuya kunceda okundoqo okuphambili ngokubeka izibonelelo zikamasipala kwindlela yovuselelo oluzinzileyo.

2.4.1 INdlela eHlangeneyo yeSithili noMasipala oMbaxa

I-JDMA, eqhutywa lisebe loMaipala, lixhibe ukomeleza ukuhlangana kukamasipala nokuququzelela intsebenziswano nocwangciso oluhlangeneyo phakathi kwamasebe orhulumente kamasipala, wephondo nawesizwe. I-JDMA yindlela yokuqhubela phambili uphuhliso lukamasipala nokunikezelwa kwenkonzo okuzinzileyo ezimiselwe kubume obufanayo bolawulo olulungileyo. I-JDMA, ilungelelaniswe noYilo lwesizwe loLungelelwaniso lokuNikezelwa kweNkonzo yeSithili, oluxhibe ukuqinisekisa ngendlela ephelileyo kucwangciso oluhlangeneyo, uhlahlo lwabiwo-mali oluhlangeneyo kunye nomiliselo oluhlangeneyo ukuphucula ipembelelo kubemi. Iphawulwe sisicwangciso esilungelelaniswe ngapakathi kuphawu oluthile lwendawo kunye nesicwangciso esinye senkxaso kwisithili ngasinye kunye namanqanaba afanelekileyo olungelwaniso ngamaqela esithili sephondo.

Okuphambili okuqhelekileyo okuhlana kucwangciso lukamasipala kuchongwe kuzo zonke izithili, ezizezi: UkuHlangna kwaBemi; iNguqu yeSimo seZulu/uKhuseleko lwaManzi; UKUFudukela eDolophini nokuFudukela kwaNgaphakathi/ukuKhula kwaBemi; uLawulo lweZibonelelo; kunye noLawulo lweNkunkuma. Isithili ngasinye sichonge iiprojekti ezithile ezihambelana noku kuphambili kucwangcisiweyo. ISebe liya kudlala indima exhasayo kumiliselwe lokuphambili kucwangciso lukamasipala okuchazwe kwizicwangciso zenkxaso yeJDMA elungiselelwe isithili ngasinye.

I-DOI iya kulungelelanisa ngokunjalo izicwangciso zayo kwimixholo emine kunye nemixholwana (izintlu zokusebenza) yentsebenziswano ekuvunyelwene ngayo phakathi kwe-WCG neSixeko saseKapa (CoCT), eyile: uQoqosho, iNtlalo, izibonelelo, uCwangciso lweSithuba kunye neNdalo, kunye noLawulo. Imixholwana ibandakanya uthutho lukawonke-wonke, amalinge obumbano kunye nezakhono, ulwaphulo-mthetho nokhuselo, uphuhliso olujongise kuthutho (TOD), ukuhlaliswa kwabantu, amanzi kunye nenkunkuma, urhulumente wedijithali (kubandakanywa iinkqubo zetheknoloji yengcaciso (IT), iinkcukacha zamanani ne broadband), nokuhlangana koluntu.

2.5 Okuphambili koMphathiswa

UGunyaziwe weSigqeba ubophelele iSebe kukuhlangana okwakhayo kunye nabachaphazelekayonamahlakani kokuphambili okulandelayo kwixesha lakhe lokuba se-ofisini:

- Ukubeka phambili izibonelelo ukwandisa impembelelo;
- Ukuxhasa izibonelelo zikamasipala;
- Ukukhuthaza uthelwano lwenguqu yecandelo laNgasese;
- Inguqu nocwangciso lwexesha elizayo; kunye
- Nokusabela kwinguqu yeSimo seZulu.

2.6 Imigaqo-nkqubo yeSebe namalinge eqhinga


Ukuzisa inguqu enentsingiselo kwi-ikhosistim yezibonelelo kudinga umbono obanzi nokuchazwa kwesigunyaziso sezibonelelo ukubandakanya izibonelelo zoqoqosho (izibonelelo zendlela, zesiporo sikaloliwe, zamazibuko, kunye nezolungiselelo), izibonelelo ze-ikholoji (amanzi, ucoceko, imilambo kunye nemigxobhozo), izibonelelo zombane (umbane nohlaziyiweyo), izibonelelo zentlalo (ezempilo, ezemfundo kunye nezakhiwo ngokubanzi) ngokujalo nezibonelelo zetheknoloji (uthungelwano neenkukacha zamanani).

Nangona siwuvuma umjikelo wocwangciso lweqhinga lweminyaka emihlanu weWCG, izibonelelo zidinga indlela yesithuba eside esithathela ingqalelo ucwangciso, uyilo, umiliselwe, ulawulo nololongo olufanelekileyo lwee-asethi ebomi bazo buyiminyaka engama-50 nangaphezulu. I-DOI isibona esi sicwangciso seqhinga njengebloko yokwakha ebhekiselele kumbono obanzi weminyaka engama-20 oxhibe ukufezekisa inguqu yesithuba ngokusebenzisa izibonelelo njengesixhathisi esingundoqo.

Umbono weDOI uguqulelwe kwiWCIF 2050 equlathe imimandla emihlanu ekujoliswe kuko eya kuthi iqhube iqhinga layo kunye neenkqubo. Imimandla ekujoliswe kuyo iboniswe kumzobo 4.

Umzobo 3: IMimandla ekujoliswe kuyo yeWCIF, 2050

1. Ukubekwa phambili kwezibonelelo kulungiselelwa impembelelo epheleleyo
2. Izibonelelo zikamasipala
3. Uthelelwano necandelo langasese
4. Inguqu nocwangciso lwexesha elizayo
5. Inguqu yesimo sezulu



I-WCIF, yandlale isicwangciso-nkqubo seqhinga sezibonelelo kwiPhondo ze yakhe indima yayo kwixesha langoku, kweliphakathi nexesha elide. Ixhibe ekuncedeni ukukhula okukhokhelwa zizibonelelo kunye notyalo-mali olulungiselelwe iNtshona Koloni eya kuthi ibonelele uluntu esilusebenzelayo ngokusetyenziswa:

- Koncedo, kwentsebenziswanoyaye njenge-arhente yokumilisela;
- Kokukhuselwa kwesiseko sezibonelelo;
- Ukulolongwa nolwakhiwo lwezakhono ezinqabileyo nezobuchule;
- linkqubo zophuhliso netheknoloji;
- Ukwakhiwa kothelwano, iimodeli zenkxaso-mali nonikezelo lwenkonzo;
- Ukwendeleliswa kweendlela zokuziphatha nobunkokheli; kunye
- Nokuqulunqwa ngokutsha nokwakhiwa ngokutsha okubhekiselele kumbono omtsha.

2.7 Ukubekwa kwabantu embindini, nendlela ejolise kubemi

I-DOI iyayivuma imingeni emininzi yoqoqosho lwentlalo ejamelene nabahlali ngeli thuba inxibelelana neenkonziso ezinikezelwa liSebe. Ilifa lesithuba lokwahlulwa-hlulwa kwabantu ngexesha localulo nokujinjwa kwamathuba kuyaqhubeka ukuviwa luninzi lwanemi boMzantsi Afrika yaye kuyaqhubeka ukuba ngunozala lwendlala, wentswela ngqesho, wokungalingani kunye nobundlobongela obutyhutyhayo.

Xa ikhaya lingakwazi ukuzinzisa ubomi balo okanye ukulolonga abantwana balo, kubakho iziphumo ezibi kakhulu kwi-ikhosistim yoluntu. Ukomelela koluntu ekugqibeleni kuqala ngekhaya ngalinye kulo.

I-DOI iyasivuma isakhelo sosapho kunye nabahlali beNtshona Koloni njengedawo engundoqo yongenelo. Umgaqo-nkqubo kunye nesicwangciso-nkqubo seqhinga ezisekela imeko yelo xesha kufuneka zilungiswe ukulungiselela ukubeka ukomelela nempilo-ntle yabahlali embindini wonikezelo lwenkonzo.

3 Izigwebo zenkundla ezifanelekileyo

Ngomhla we-16 kweyoMdumba 2022, iNkundla yoMgaqo-siseko yafumanisa iMithetho yokuThenga okuKhethekileyo ngowama=2017 ingahambelani nomgaqo-siseko, ayichaphazeli nje kuphela umthetho kodwa ngokunjalo izigunyaziso ezilandelayo zokuqulathiweyo kwengingqi. Impembelelo yesi sigwebo ngokunjala nokuhbaliweyo kuphuma kwi-Ofisi yeGosa eliyiNtloko lokuThenga zafundwa kulungiselelwa impembelelo yazo kwiinkqubo zeSebe. I-DOI ithabatha inxaxheba kwiinkqubo zephondo ngokuphathelele kulo mcimbi.

ICandelo B: Ekujoliswe kuko kweqhinga

1 UMbono

Umbono weSebe:

Kukunceda ukukhula okukhokhelwa zizibonelelo kunye notyalo-mali lweNtshona Koloni oluya kubonelela uluntu esulusebenzelayo.

2 Umnqophiso

Umnqophiso wesebe:

Kukuzondelela ngenyameko ukunikezelwa kwezibonelelo: ezomeleleyo, ezibandakanyayo, ezikhuselekileyo yaye zizama ukuphilisa, isakhono, ukuhlanganisa, ukwakh uhambelwano lwentlalo, uthungelwano, unxulumaniso nokuxhotyiswa kwabemi beNtshona Koloni, liqhutywa luthando, iinqobo ezisesikweni nokuzibophelela nendzondelelo kwindalo kunye nabantu bethu njenglitye lembombo.

3 Iinqobo ezisesikweni

Iinqobo ezisesikweni ezingundoqo zoRhulumente weNtshona Koloni, elizibophelele kuye iSebe, ziboniswe kuMzobo 5.

Umzobo 4: Iinqobo ezisesikweni zeWCG



Caring

Ukukhathalela



Competence

Ubuchule



Accountability

Ukuthatyathwa koxanduva



Integrity

Imfezeko



Innovation

Inguqulelo



Responsiveness

Ukusabela

Ezi nqobo zisesikweni zisekelwe zonke yintsebenziswano. Inkcazelo ecalulweyo ngentsingiselo yenqobo nganye esesikweni iyalandela kwiTheyibhile 4.


ITheyibhile 4: Incazelo ecalulweyo yentsingiselo yenqobo nganye esesikweni yeWCG

Inqobo esesikweni	Ingxelo yendlela yokuziphatha
Ukukhathalela	Siya kuzamela ukuziqonda izidingo zabantu nokunika ingqwalasela kuzo; Siya kubonisa intlonipho kwabanye abantu; Siya kuwaphatha amalungu abasebenzi ngaphezulu kokuba nje ngabasebenzi yaye sibaxabise njengabantu; Siya kuvelana namalungu ethu abasebenzi; Siya kugxininisa kwiimpawu ezilungileyo zendawo yokusebenza; yaye Siya kunikezela ngesigxeko esakhayo xa kudingeka.
Ubuchule	Siya kuzamela ukuqinisekisa ngento yokuba amalungu abasebenzi banakho ukwenza imisebenzi aqeshelwe yona ukuba ayenze, nento yokuba ayaziphila iinqobo ezisesikweni zeSebe, nento yokuba asoloko ezamela ukugqwesa; Siya kunikezela kwiziphumo zethu nekugxilwe kuko ngomsebenzi olungileyo, sisebenza ngohlahlo lwabiwo-mali esinalo, yaye siwenza umsebenzi ngexesha elifanelekileyo; Siya kuzamela ukufezekisa iziphumo ezilungile kakhulu ekusebenzeleni abantu bonke eNtshona Koloni; yaye Siya kusebenza kunye ukuhlangabezana neembophelelo zethu zesigunyaziso zomgaqo-siseko nezabavoti.
Ukuthatyathwa koxanduva	Siziqonda ngokupheleleyo iinjongo zethu, iindima, izigunyaziso, kunye noxanduva; Sizibophelele ekunikezeleni iziphumo ekuvunyelwene ngazo kwangexesha; Siyakwenza ukuba wonke umntu athabathe uxanduva ngomoya wentembeko omnye komnye ekuzalisekiseni zonke iimbophelelo zethu; yaye Njengabantu, sithabatha uxanduva nobunin beziphumo zethu yaye samkele imiphumela yokwenza njalo.
Imfezeko	Siya kufuna ukuyiqonda inyaniso nakuyiph na imeko yaye siya kwenza ngemfezeko ngawo onke amaxesha; Siya kuthembeka, sibonise intlonipho, ze sibonise iinqobo ezisesikweni ezilungileyo; Siya kukholosa yaye sithembeke, ngawo onke amaxesha, sense oko besithe siza kukwenza; yaye Siya kusebenza ngemfezeko ngawo onke amaxesha yaye kuzo zonke iimeko, siqinisekisa ngento yokuba sihlala singadyobhekanga lurhwaphilizo.
Inguqulelo	Sifuna ukumilisele iimbono ezintsha, ukuyila ezinye iindlela ezinamandla zenkonzo neenkonzo ezihuculweyo; Sizama ukuba sibe ngabaneengcingane ezingaqhelwanga esibona imingeni namathuba kuzo zonke iimeko; Sibeka ebemi embindini yaye sinika ingqwalasela kuzo zonke iindlela ze sifumala isisombululo esinesibonelelo; Siyabaxabisa abasebenzi abanemibuzo kwiindlela zethu zesiqhelo zokusebenza ukulungiselela ukuzihlaziya, ukuzenza ntsha nokuziphucula; Sikhuthaza ubume apho imbono ezinenguqulelo zikhuthazwa yaye zinikezwe amahaso; Siyayiqond into yokuba iimpazamo ziyenzeka ngomoya omhle, yaye sinika ithuba kubasebenzi okokuba bafunde kuzo; yaye Sisombulula iingxaki ngentsebenziswano ukufezekisa iinjongo zeqhinga zombutho.
Ukusabela	Siya kuyithabatha imbono yoluntu ngondileko, simamele yaye sive okuthethwa ngabantu (simamele kakhulu yaye sithethe kancinane); Siya kusabela kuzo zonke iimeko ngethuba, sisoloko sizibuza okokuba ingaba le yimpendulo elungileyo na, apho sithe senza ngokungalunganga, sizibuza ukuba singenza kanjani ukunikezela ngenkonzo engcono; Siya kuhlangana ngentsebenziswano, nabachaphazelekayo, kunye nabapapashi beendaba, sinikezele ngengcaciso epheleleyo; yaye Siya kuzamela ukufezekisa iziphumo ezilungileyo silungiselela abantu esibasebenzelayo ze sisebenze ngeengcebiso zabo.

Ngaphezulu kwezi nqobo zisesikweni zingundoqo, iDOI izibophelele kwiindlela zokuziphatha ezichaza ukuba singoobani nay aye simele ntoni.

Ezi ndlela zokuziphatha zilandelayo zikumzobo 6 ziya kwangezelela iinqobo ezisesikweni ezikhoyo zesebe.

Umzobo 5: Iindlela zokuziphatha zeDOI



Kule minyaka mihlanu ukubheka phambili, eli Sebe lijolise ekuqhubeleni phambili ekubeni leilixoxayo seliquathe ulawulo olulungileyo, libe nolawulo olunesikhokhelo ze ekugqibeleni libe nolawulo olunenguqulelo, okt., lifezekise ngokupheleleyo umbono walo nomnqophiso. Sizamela ukuba ngumbutho oziphethe ngendlela elungileyo, ozibophelele ngokunzulu kuzinzo nokufezekiswa kwesivumelwano sentlalo phakathi kombutho, abasebenzi bawo kunye nabantu beNtshona Koloni. Ukunqwenela ukwenza njalo, iDOI iyalwazi kakuhle ixinzelelo oluya kuziswa ukuba luthwalwe ngabasebenzi bayo kunye nabantu bephondo njengoko iimeko zoqoqosho lwentlalo esisebenza kuzo ziqhubeka ukuba nomngeno omkhulu.

4 Uhlahlelo lwesimo

Utyalo-mali lwezibonelelo lungumnikelo obalulekileyo kukukhula koqoqosho, kwimveliso enkulu, kukuhula kokhuphiswano, kuyilo lwengqesho nokusekwa kweqonga lophuhliso elizinzileyo kulungiselelwa izizukulwana zexesha elizayo okokuba ze luhlume. Ukuba sembindi wezibonelelo kuphuculo lwempilo yabemi kufakwe kumxwebhu amaninzi omgaqo-nkqubo naweqhinga, kubandakanywa iNDP, yaye yenza umba ongundoqo weNtshona Koloni okokuba izibeka njengesizinda soshishino olungundoqo kunye nesango lokungena kuyo yonke i-Afrika.

Ubudlelwane abahlali abanabo norhulumente wabo ikakhulu buvela ngonxibelelwano lwabo kunye neenkonziso zikarhulumente ngokusetyenziswa kweenkonzo kunye nabasebenzisi abafana nezikolo, ulolongo lwempilo, izindlu, iindlela, amanzi, kunye nococeko. Intsika engundoqo yomgaqo-nkqubo wolwahlulwa-hlulo wocalulo yayikukubonelelwa okungalinganiyo kweenkonzo ezinjalo kungoko ubukho nokuhanjiswa

kwezibonelelo. Malunga neminyaka engama-30 kwidemokhrasi, uMzantsi Afika usatsala nzima leli lifa lezibonelelo kunye nempembelelo embi kuba hlali. ICOVID-19 kunye nomphumela wentlekele kuzondelelo lwamalungelo abantu ibonise indlela iipateni zentlupheko nolwahlulwa-hlulo ezibonisa iipateni zolwahlulwa-hlulo lwesithuba nokungalingani koqoqosho lwentlalo, iqaqambisa ukuba sesichengeni kwabahlali kunye nekhono labo lokwamkela umothuko woqoqosho, wempilo nowentlalo ze bafumane i-uncedo.

Izehlolo zesimo sezulu esibi zichanabe ukuba sesichengeni kwezibonelelo kwinguqu yesimo sezulu nesidingo sokuqhuba ukomelela ngamandla ngokunjalo nokulungiselela uqoqosho lokukhutshwa okuphantsi kwekhabhoni.

Ngeli thuba oorhulumente owesizwe nowephondo bebeke ukukhula okukhokhelwa zizibonelelo nokukhuselwa kwezibonelelo kumbindi weenkqubo zabo zokusebenza, iye icaca ngakumbi into yokuba ikhono lokwenza njalo kuwo wonke umjikelo wocwangciso uye kukhula ungangatho ngenxa tezithintelo zemali karhulumente. Kungenxa yobu bume okokuba iDOI inenkxalabo kakhulu kobu bume bukho nobuqikelelwayo bemali karhulumente yesizwe nokncitshiswa okungakho kwenkcitho okungaphezulu ngesithuba sesiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi (MTEF). Ngokohlobo lwesigunyaziso seli Sebe, nakuphi na ukuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali kuya kunciphisa ikhono leWCG lokunika uncedo olupheleleyo kwejolise kuko kwizibonelelo. Oku kuya kubeka uninzi lwamalunge abalulekileyo emngciphekweni, kubandakanywa ukuyilwa kwengqesho, inguqulelo yesithuba, okubandakanya ukuhlaliswa kwabantu kunye nekhono likarhulumente lokunikezela iinkonzo zakhe ngokusebenzisa ii-asethi zakhe.

Ngaphezulu, INgxelo yoMngcipheko weHlabathi 2023 (WEF), ichaza into yokuba ukuwa phantsi kwezibonelelo zoluntu kusoloko kubangela umngcipheko osoloko ukhula. Le mingcipheko inemiphumela emibi yexesha elifutshane neyexesha elide. Le mingcipheko iba mandundu ngakumbi ngenxa yenguqu yesimo sezulu. I-DOI idambisa lo mngcipheko ngokuqinisekisa ngento yokuba izibonelelo ezitsha zakhiwa ngokuzinzileyo yaye sibe nobuntunu-ntunu kwisimo sezulu.

Amanqanaba andileyo okonakaliswa ngabom nobugebenga kulwakiwo buzisa umngcipheko ongumangaliso kwabo banikezela ngezibonelelo nakwi-asethi ngokwayo.

4.1 Uhlahlelo lobume bangaphandle

4.1.1 Ubume bezopolitiko

Ukungaqiniseki komgaqo-nkqubo wesizwe kwimimandla engundoqo yokunikezelwa kwisigunyaziso seDOI, umzekelo ukulungiswa komhlaba namalungelo epropati, kube nempembelelo embi kwimarike yepropati nakwingqinisekiso yomtyali-mali. Ukungabikho kwengqinisekiso yomgaqo-nkqubo okunxulumene kwicandelo lombane ohlaziyiweyo kube nempembelelo embi kumbono wephondo ukulungiselela ukukhula koqoqosho oluzinzileyo. Ukusilela kolawulo kwiiSOE kusasele kuyinkxalabo enkulu yaye iDOI, njengomgcini wezibonelelo ezibalulekileyo, kufuneka athabathe amanyathelo afanelekileyo okudanjiswa komngcipheko, umzekelo ukufunyanwa konikezelo lombane oluthembekileyo.

Unyulo lukamasipala lowama-2021 lube nomphumela wenani lamabhunga amaninzi abe ngawobambiswano azisa inqanaba elithile lokungaqiniseki nokungazinzi kubume bezopolitiko. Ukungaqiniseki kwezopolitiko nokungazinzi kube nemiphumela engundoqo kubume bomgaqo-nkqubo nobonikezelo lwenkonzo. I-DOI liya kuhlala linolwazi ngophuhliso kwisithuba sayo.

Njengokoilizwe lizilungiselela unyulo lwesizwe lowama-2024 kunye nolwephondo, ukungazinzi okungaphezulu kwezopolitiko akunakungabikho.

4.1.2 Ubume boqoqosho

Uqoqosho lwehlabathi luyehla ngokubanzi yaye luyaqhubeka lujamelene nemingeni engqongqo ngenxa yongquzulwano oluqhubekayo lweRussian/Ukrainian; uxinzelelo lokuhla nokuyuka kwexabiso lemali; nokuhla koqoqosho eChina. Imfazwe e-Ukraine inyuse amaxabiso okutya kwihlabathi kunye nonikezelo lwegesi oluchaphazeleke kakubi kwiYurophu. Oku kwandise uxinzelelo obelukho kwangaphambili kwiimarike zempahla yorhwebo yehlabathi. Ukunyuka kwamaxabiso okutya kune negalelo elibi kwisub-Saharan Afrika apho ii-akhawunti zokutya zezahlulo ezikhulu zebhaskiti yokutyiwa kummandla, nalapho ukudluliselwa kwehlabathi kusiya kumaxabiso angaphakathi kuphakamile. Ukunyuka kwamaxabiso kukhokhelele kwiibhanka ezisembindini zinyusa imilinganiselo ngokukhwuleza yenzala.

UMzantsi Afrika ujamelene nomngcipheko onyukileyo woqhankqalazo lwentlalo ngokuthambekele kwindlala egqubayo, intswela ngqesho nokungalingani. Uqoqosho lujamelene nezithintelo ezithe gqolo zesakhelo, kubandakanywa intswela ngqesho ekwinqanaba eliphakamileyo, ukunqongophala kwesakhono nokunqongophala kombane. Uqoqosho lwehlabathi olungakhanyiyo luhlanganiswe nemfazwe yaseRussia-Ukraine; ukucinywa kombane okungamkelekanga okukhoyo; kunye nomngcipheko wezehlo ezibi zesimo sezulu zibeka uxinzelelo olukhulu kumsebenzi woqoqosho ukuza kowama-2023.

Uqoqosho lweNtshona Koloni luchanatywe kwimiba yehlabathi efana nebango elintenge-ntenge lomthengi; ukunyuka okuphezulu kwamaxabiso kunye nokunyuka kwemilinganiselo yomgaqo-nkqubo ngeli xesha ichanatywe ngokunjalo kwimingeni yesizwe yokucinywa kombane kuphuhngulwa umthwalo wokusetyenziswa; uqhankqalazo lwabasebenzi; ngokunjalo nokusilela kwezibuko nemigaqo yoololiwe. Intlekele yombane ikhangeleka iza kuba mandundu ngakumbi kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo. Ngokubhekiselele kwingxelo ka-Eskom, isithuba sokunikezelwa kombane sinakho ukwanda siyokutsho kwipesenti ezingama-40 kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo.

Ngaphezulu, iSebe linokufumana ukunyuka kwizicelo ezikwisiZinda seeNkcukacha zaManani seBango leZindlu eNtshona Koloni (WCHDD) njengoko abemi besiva uxinzelelo loqoqosho. Eli bango landileyo liya kuba nzima ukuloyisa ngenxa yokuncipha kwezabelo zohlahlo lwabiwo-mali ngokuhambelana neminikelo enemiqathango. Njengabathintelo boku, ithuba likho lokuhlaziya iindlela zokunikezelwa kwenkonzo ukusabela kwiimeko ezikhoyo nokwandisa iinkqubo zokuxhotyiswa kwabaxhamli bethu ngokwakha kuthelwano olukhoyo kunye nabasebenzi becandelo langasese kunye namaziko emali.


INkqubo yeZindlu eziFikelekayo yenye yokuphambili kokungundoqo kweSebe yaye, ukuza kuthi ga ngoku, iSebe likhawulezisa ukukhutshwa kwenkxaso-mali yeFLISP nokuhlolwa kwezinye iindlela zokuhlangabezana nebango. Ngoko, impumelelo yenkqubo ixhomekeke inxalenye yayo kubaxhamli abangakho benkxaso-mali abafumana imali yezindlu. ISebe liqalise ngelinge lokuLungela koMthengi lokuba neTyala leNdlu, elixhibe ukunceda abathengi abangenakho ukufikelela kwinkxaso-mali eyaneleyo yebhanka ukuphucula iirekhi zabo zetyala. Imfundiso yomthengi ngobunini bekhaya nangenkxaso-mali yezindlu ngamacandelo abalulekileyo elinge.

4.1.3 Ubume bentlalo

Amandla abemi ngumba obalulekileyo ekuqulunqeni uphuhliso loqoqosho lwentlalo yommandla. Ubungakanani nokukhula kwabemi kuphemelela ikakhulu ukungakanani kunye nokukhula kumsebenzi woqoqosho namabango okunikezelwa kwenkonzo kummandla. EMzantsi Afrika, umthombo ophambili wenkxaso-mali yorhulumente wephondo usekwe ikakhulu kubungakanani babemi bephondo ngalinye apho iinkonzo zesiseko ezifana nezibonelelo, imfundo, ulongongo lwempilo nokuhlaliswa kwabantu kunikezelwayo.

Umzobo 7 onasezantsi ubonisa okokuba ngowama-2022, abemi boMzantsi Afrika babeqikelelwa kwizigidi ezingana-60.6, ipesenti yokunyuka eyi-1.03 ukususela kuqikelelo lowama-2021. IGauteng inabemi abaninzi (izigidi ezili-16.1) ilandelwe yiKwaZulu-Natal (izigidi ezili-11.5) kunye neNtshona Koloni (izigidi ezisi-7.2). Ngaphezulu kwesiqingatha (iipesenti ezingama-57.5) zabemi zihlala eGauteng, eKZN naseNtshona Koloni. INothern Cape inabemi abambalwa kakhulu (isigidi esi-1.3).

Umzobo 6: Uqikelelo lwabemi ngokwephondo, 2022



Umthombo: UHlaziyo loQoqosho lwePhondo leNtshona Koloni neMbonakalo (PERO), 2022/23

Ukufudukela kwenye kudla ngokubangelwa ngamanye amaphondo anezibonelelo ezingcono, amathuba neenkonzo kunamanye, okuba nomphumela wokuhamba kwabantu baye kumaphondo atyebileyo apho kukho amathuba angcono oqoqosho. Ukufuduka yinkqubo ebalulekileyo yabantu bendawo ethile, njengoko kuqulunqa ubume bobudala babemi bommandla wendawo yaye kuchaphaazela ubungakanani babemi

bayo. Inani lokududukela ngaphakathi ngumqhubi obalulekileyo ngokunjalo wokufudukela edolophini okunefuthe kumabango okunikezelwa kweenkonzo kwimimandla yasedolophini. Umzobo 8 ngasezantsi ubonisa okokuba phakathi kowama-2016 nowama-2021, iGauteng ifumene elona nani likhulu labafuduki (+986 527), lilandelwa yiNtshona Koloni (292 325) kunye neNorth West (115 543), ngeli thuba amaphondo elaseMpuma Koloni (-319 345), elaseLimpopo (-187 356) neKZN (-83 081) benabantu abafudukela ngaphandle kula maphondo.

Umzobo 7: Uqikelelo lwenani labafudukela ngowephondo



Umthombo: PERO, 2022/23

Inani labafudukela ngaphakathi ngummiselo obalulekileyo wokukhula kwabemi eNtshona Koloni. Phakathi kowama-2016 nowama-2021, iNtshona Koloni iqikelelwa okokuba ifumene abahlali abangama-292 325. Kwisithuba esinye, abemi beNtshona Koloni bande ngama-624 616, into etheha ukuba inani lokufudukela ngaphakathi kunikele nepesenti ezingama-46.8 kokukhula okupheleleyo kwabemi.

Oku kuya kubeka uxinzelelo kwizibonelelo, kunikezelo lwenkonzo yesiseko nakubonelelo lwezindlu, ngeli thuba ingxinano ephakamileyo yabemi kunye nomthamo wezithuthi kuya kuqhuba isidingo sokuphuhliswa kweenkqubo eziphuculweyo nezifikeleleka ngakumbi zothutho lukawonke-wonke.

Njengoko kubonisiwe kwiTheyibhile 5, iNtshona Koloni nayo yavelelwa yindlela yokuhla komlinganiselo wokuthatyathwa kwenxaxheba ngabasebenzi njengelizwe liphela. Phakathi kwikota yokuqala yowama-2017 nowama-2022, abemi abasebenzayo (iipesenti ezili-10) bande kakhulu, ngeli thuba abasebenzi (iipesenti 0.2) banda kancinane. Ngenxa yoko, umlinganiselo wabasebenzi abathatha inxaxheba wehla ngamanqanaba epesenti ezi-6.2 ukuya kwipesenti 63.0. Umlinganiselo opheleleyo wokwaneliseka ngumsebenzi wepesenti ezingama-89.9 waqatshelwa eNtshona Koloni xa kuthelekiswa nepesenti ezingama-74.2 kuMzantsi Afrika uphela (PERO 2022/23).

ITheyibhile 5: Uvavanyo ngokubanzi lwabasebenzi beNtshona Koloni, iKota 1, 2022

	2017Q1		2022Q1		Change	
	Number (’000s)	Share (%)	Number (’000s)	Share (%)	Number (’000s)	(%)
Narrow Labour Force	3 066	100.0	3 072	100.0	6	0.2%
By Race						
African	1 130	36.9%	1 104	37.0%	(25)	(2.3%)
Coloured	1 463	47.7%	1 405	46.6%	(572)	(3.9%)
White	452	14.8%	553	15.4%	100	22.2%
By Gender						
Male	1 646	53.7%	1 652	53.8%	6	0.4%
Female	1 420	46.3%	1 420	46.2%	(0)	(0.0%)
By Age						
Youth	1 352	44.1%	1 299	42.3%	(53)	(3.9%)
Older age	1 714	55.9%	1 773	57.7%	58	3.4%
By Education						
Less than Secondary	1 560	50.9%	1 322	43.0%	(238)	(15.3%)
Secondary	963	31.4%	1 127	36.7%	163	17.0%
Tertiary	509	16.6%	593	19.3%	84	16.5%

Umthombo: PERO 2022/23, Stats SA, 2022, ubalo olwenziwa yiQuantec)

Amasebe karhulumente angqingwe ngamaqela abaphangi azimise njengeeforam zengingqi zoshishino agrogrisa kakhulu utyalo-mali lwezibonelelo kunye neeprojekti ezinkulu ezixabisa amawaka ezigidi eerandi. Kunikwe ingxelo yokokuba la maqela alungisiweyo asebenzisa ugrogriso, ubundlobongela nokubulala ukubanga isabelo seepesenti ezingama-30 kwikontrakti zamawaka ezigidi eerandi. Ingxelo yeLinge leHlabathi eliLwa noLwaphulo-mthetho lweNtengiselwano oluLungisiweyo enesihloko “Ukuphanga okanye inguqu? The Construction Mafia eMzantsi Afrika” ifumanise okokuba iiprojekti ezezibonelelo nezokwakha ezili-183 ezixabisa ngaphezulu kwamawaka ezigidi ezingama-R63 zachatshazelwa “yiconztructin mafia”. Iiprojekti eNtshona Koloni ezichatshazelwe zizenzo ezinjalo zobugebenga zibandakanya:

- Iprojekti yezindlu yezigidi ezingama-R250 eGugulethu eyathi yemiswa kweyoMdumba 2022 ngenxa yokuba ikontilaka yayba sisulu sophango ze abasebenzi bonzakala kule ndawo kwakhiwa kuyo;
- Iprojekti yezigidi ezili-R180m yokwakhiwa kwekholeji yobugcisa nemfundo noqeqesho eKhayelitsha yemiswa ngenxa yokuba ikontilaka yagrogriswa ze kwabulawa unogada wokhuseleko. Ikholeji yayiza kuba ngumncedi woqoqosho owawuza kuyila ufikelelo olulodwa kwizakhono ezidingeka kakhulu zamathuba ophuhliso kulungiselelwa ulutsha kunye nabantu abadala; kunye
- Iprojekti yomhlaba obiyelweyo wesikhululo senqwelo-moya ezizigidi ezingama-R248 ebandakanya iziza ezihlanu eGugulethu, ethe yamiswa ukususela kweyoMdumba 2022.

Nawuphi na umsebenzi omisiweyo kwiiprojekti zophuhliso unempembelelo embi kunikezelo lwenkonzo ngokubanzi lwezibonelelo nokuhlaliswa kwabantu kubemi


beNtshona Koloni abasele belinde amashumi eminyaka okokuba babelwe izindlu. ISebe liqhubekile lihlangana nabachaphazelekayo abahlukeneyo, kubandakanywa iiforam zoshishino ezifanelekileyo kunye neeforam zamapolisa zengingqi, ukufumana isisombululo. I-DOI inikezele ngenombolo yomxeba esimahla yokuphanga eyile 0800 454 647 apho abantu banganakho ukuxela ulwaphulo-mthetho ngokuyimfihlo.

Umzobo 9 ubonisa into yokuba inani elandisayo leGini, elibonisa ukungalingani kwengeniso kwiphondo, libe libi kakhulu kuzo zonke izithili phakathi kowama-2011 nowama-2019 kodwa lisasele lingaphantsi kweqondo lesizwe (0.630). Nangona libe nomlinganiselo ocothayo wokukhula phakathi kowama-2011 nowama-2019, iCoCT Metro isagcine iqondo eliphezulu lokungalingani kwengeniso apho lithe lanyuka lisusela kwi-0.599 ngowama-2011 ukuya kwi-0.621 ngowama-2019. Ukunyuka kokungalingani kunxulunyaniswa nokwanda noqhankqalazo lwentlalo oluthe lwangumqobo wophuhliso. Ngowama-2019, iSithili saseCentral Karoo sibe nenani eliphantsi elandisayo leGini ze iSithili saseWest Coast yasesesibini esinenani eliphantsi. ICoCT, ilandelwa siSithili seGarden Route, sibe nenani eliphezulu elandisayo leGini (okukhulu ukungalingani).

UMzantsi Afrika uyonzakala ngamaqondo aphezulu okungalingani kwihlabathi. Ukungalingani kuzibonakalisa ngokunikezelwa kwengeniso okukekeleyo neyantlukwano kwimimandla ebangelwa liqondo eliphantsi lokukhula, amaqondo emfundo angalinganiyo nokunyuka kwentswela ngqesho. Ukungalingani eMzantsi Afrika kunye neNtshona Koloni kuthe gqolo yaye kuyakhula. Ngokuhambelana nePERO 2022/23, phakathi kowama-2012 nowama-2020, ukungalingani kwengeniso okulinganiswa ngenani elandisayo leGini, kunyuke kakhulu eNtshona Koloni (amanqaku 0.25) yaye nakwisithili ngasinye. Umzobo 9 ubonisa into yokuba, ngowama-2020, ukungalingani okuqikelelweyo koMzantsi Afrika (0.635) kwakungaphezulu kunokweNtshona Koloni (0.625). KwiNtshona Koloni, izithili i-Overberg (0.629) kunye neGarden Route (0.629) zibe neqondo elona liphezulu lokungalingani, yaye iCentral Karoo (0.601) isesona sithili sineqondo eliphantsi lokungalingani kwiphondo.

Iindawo zokuhlala zesiqhelo zenza isahlulo esikhulu senani elipheleleyo leendawo zokuhlala kuMzantsi Afrika uphela (ipesenti ezi-7.2) kunelaseNtshona Koloni (ipesenti esi-0.3) ngowama-2012. Phakathi kowama-2012 nowama-2021, iindawo zokuhlala zesiqhelo zihlile kakhulu kwiNtshona Koloni (ipesenti ezi-84.7) kunye noMzantsi Afrika uphela (-9.4 ipesenti).


Umzobo 8: Inani elandileyo leGini loMzantsi Afrika neNtshona Koloni, 2012–2020



Umthombo: ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho leNtshona Koloni, IHS Market 2021

INtshona Koloni ibinamatyotyombe angama-374 994 ngowama-2021. Entshona Koloni phakathi kowama-2012 nowama-2021, umlinganiselo wamatyotyombe kunye nezindlu zesiqhelo ukuya kwinqanaba eliphelelyo leendawo zokuhlala wande ngepesenti yamanqaku ali-0.3 ukuya kwipesenti ezili-19.2 njengoko kubonisiwe kuMzobo 10. Isahlulo senani eliphelelyo leendawo zokuhlala ezamatyotyombe/ezesiqhelo kuMzantsi Afrika uphela sihle ngamaqondo eepesenti ezi-2.71 ukuya kwipesenti ezili-16.9. Ukunyuka kwisahlulo senani eliphelelyo leendawo zasematyotyombeni nezesiqhelo eNtshona Koloni elithelekiswa noMzantsi Afrika uphela kunokubalelwa kukwanda kakhulu kwamatyotyombe eNtshona Koloni (25.1 pesenti vs 3.7 pesenti) kwisithuba esinye, kuhlangele nokuhla kweendawo zokuhlala zesiqhelo kwiNtshona Koloni nakuMzantsi Afrika uphela. Phambi kobhubhane, bekukho iindawo zamatyotyombe ezingama 302 ezinezakhiwo ezingama-43 766 eNtshona Koloni ngaphandle kweSixeko saseKapa. IGarden Route yeyona ineedawo zamatyotyombe kakhulu (147), ilandelwe yiCape Winelands (85), Overberg (40), West Coast (24) ze ibe yiCentral Karoo (6). Nangona iGarden Route inenani elukhulu leendawo zamatyotyombe kunye nezakhiwo, iCape Winelands inengxinano ekwiqondo eliphezulu leendawo zamatyotyombe kunye nezakhiwo ezingama-13 520 zeendawo zayo zamatyotyombe ezingama-85 (PERO, 2022/23).

Umzobo 9: Umlinganiselo wamatyotyombe nezindlu zesiqhelo ukuya kwizindlu eNtshona Koloni kunye noMzantsi Afrika uphela



Umthombo: PERO, 2022/23

I-PERO 2022/23 ichaza into yokuba, emva kobhubhane, inani lamatyotyombe eNtshona Koloni ngaphandle kweSixeko saseKapa landa nge-129 (ipesenti ezingama-42) ukuya kumatyotyombe angama-431, ngeli thuba inani lezakhiwo laba ngaphezulu kokuphindwa kabini ngama-55 148 (iipesenti ezili-126) ukuya kwizakhiwo ezingama-98 914. Kwisithuba seminyaka emithathu yobhubhane, inani lamatyotyombe kwiGarden Route lande ngama-67 laya kutsho kuma-214, kwiCape Winelands lande ngama-25 laya kutsho kwi-110, kwi-Overberg lande nge-15 laya kutsho kuma-55, ngeli thuba iWest Coast lande ngama-23 ukuya kuma-47 amatyotyombe. Ibe yiCentral Karoo kuphela elithe inani lamatyotyombe lehla (nge-1 kumatyotyombe ama-5). ICape Winelands iphantse yawaphind-phinda kabini ukuxinana kwamatyotyombe ayo kwisithuba seminyaka emithathu inezakhiwo ezingama-34 101 zeendawo zayo zamatyotyombe ezili-110. Ukunyuka kakhulu kwiindawo zasematyotyombeni nokwanda ngokubanzi kwini lezakhiwo eNtshona Koloni ngumqondiso wempembelelo yotshabalalo koqoqosho lwentlalo yobhubhane uqoqosho olubuthathaka, intswela ngqesho, indlala nokngalingani.


Uqhankqalazo lokunikezelwa kwenkonzo kunye nogwayombo loluntu luhlanganiswe nobundlobongela obuqhubekayo nokutshatyalaliswa kwepropati karhulumente lube nempembelelo embi kukhuselo nempilo-ntle yabahlali beNtshona Koloni lwaze lwabangela ulibaziseko olungaphezulu kubaxhamli abaselungelweni lokokuba bathabathe ubunini beepropati zabo. Ukuhlaliwa ngokungekho mthethweni komhlaba ongenanto nezakhiwo kusasele kungumngeni ongundoqo. Ngokunjalo nokuphazanyiswa ngenkani nokumiswa kweeprojekti zezibonelelo ngendla yamaqhinga okuphanga kwezigebe zolwakhiwo. Le mingeni ifaka engozini ikhono leekontilaka ezisaqalayo ukuzimiliseka njengamashishini ahloniphekileyo yaye yandisa ikhono lokusilela kwiinzame zazo.

Njengoko kubonisiwe kuMzobo 11, kubekho ukuhla kwini lamathuba ezindlu ezinikezelweyo, kubandakanywa izindlu ezakhiweyo kunye neziza else zifakelwe izibonelelo ezifumanekayo.

Umzobo 10: Inani eliphelelyo lamathuba ezindlu ezinikezelweyo

Amakhaya

abo



Umthombo: ISebe lokuHlaliswa kwaBantu leNtshona Koloni, iziCwangciso zoNyaka zokuSebenz, iiNgxelo zoNyaka kunye neZiCwangciso zoShishino, 2011/12–2021/22

Ukuhla kunikezelo lwezindlu okuqwalaselweyo kuMzobo 11 kubangelwe ikakhulu kukunyuka kwiindleko zokwakha, kuhlangukanye “nokuncipha” kwemali karhulumente okufunyanwa ngurhulumente. Nangona kukho oku, iDOI izibophelele ukwenza konke okusemandleni ayo inikezele ngamathuba ezindlu kubenzi bezicelo abafanelekileyo, kwimida kokunokuthi kwenzeka kubume obukhoyo obugqubayo. I-DOI iya kuqonda ngokucacileyo ukubaluleka kokunikezelwa kwamthuba ezindlu kubaxhamli benkxaso-mali yezindlu, njengamakhaya banakho ukuwasebenzisa amakhaya abo njengee-asethi ukwandisa ingeniso yabo.

4.1.4 Ubume bomthetho

ISebe lihlola rhoqo ubume bomthetho kulungiselelwa iinguqu ezinokuthi zibe nempembelelo kwisigunyaziso salo kunye nemisebenzi ze lenze uhlenge-hlengiso oluyimfuneko kwimisebenzi yalo. Iimbono zomthetho ziyafunwa ukukhokhela inkcazelo nokumiliselwa kweenguqu ezinjalo.

Kwingqiqo yowiso-mthetho zinguqu zeCandelo loLawulo-mali leSizwe kumthetho wokuthenga, kunye nomthetho omtsha nohlaziyiweyo ophathelelene ne-inshorensi yempilo nokuhluthwa komhlaba (uMthetho oYilwayo weSizwe we-Inshorensi yeMpilo kunye noMthetho oYilwayo ohlaziye wokuHluthwa koMhlaba). NgeyoKwindla wama-2022, uMphathiswa weSizwe wokuHlaliswa kwaBantu ubhengeze into yokokuba iFLISP “ayinxulunyaniswanga” ukulungiselela okokuba abenzi bezicelo ababethe kwixesha elidlulileyo abafaneleka ukuba bafumane iFLISP kuba bengafanelekanga okokuba bafumane imali-mboleko yokuthenga ikhaya okanye imvumelwano yokubambisa baya

kuba nakho ukusebenzisa ezinye izibonelelo zenkxaso-mali ukufumana ipropati. Le mithombo ibandakanya:

- Inxowa-mali yemali-mboleko yomhlala-phantsi/yolwazelelelo lomxhamli;
- Iskimu solondolozo lwemali sikakopolotyeni okanye esisekwe kuluntu, umz., istokvel;
- ISkimu seZindlu saBasebenzi bakaRhulumente;
- Nasiphi na esinye iSkimu seZindlu soNcedo loMqeshi;
- Imali-mboleko engakhuselwanga; kunye
- NeSivumelwano seZavenge zeNtengiso okany iSivumelwano sokuRentela ukuba ngumnini.

Isigwebo seNkundla yoMgaqo-siseko esithe sabhengeza iMithetho yokuThenga okuKhethekileyo wama-2017 ngokungekho mthethweni, ngokunjalo nokubhalwe emva kwangoko okuvela kwi-Ofisi yeGosa eliyiNtloko lokuThenga, kube negalelo elithe ngqo kulawulo lokuthenga leSebe yaye inikezelwa ingqwalasela eyimfuneko ukuthintela umngcipheko wolityaziso kukuthenga.

4.1.5 Imiba yendalo

Ukusabela kwizigunyaziso zenguqu yesimo sezulu, ingakumbi ukujongana nezehlo ezibi zesimo sezulu nokuguqumela kwikamva elinekhlabhoni ekwiqondo eliphantsi, kubeka umthwalo omkhulu kwizibonelelo ezikhoyo.

Ukuthintelwa kweempembelelo ezimbi zenguqu yesimo sezulu kwisiseko sezibonelelo ukuzibeka kwindlela ngumngeni omkhulu. Iindlela ezizezinye zoyilo, zolawulo nonikezelo kufuneka zilandelwe ukuyila ukomelela kwezibonelelo nokusabela kwizigunyaziso zesiVumelwano seHlabathi saseParis.

Imbalela nokungakhuseleki kwamanzi ngenxa yenguqu yesimo sezulu kuyaqhubeka ukuchaphazela ezo ndawo zeNtshona Koloni apho kukho uphazamiseko kunikezelo lwamanzi kunye nembalela kulimo iyafunyanwa. Imimandla echaphazelekayo ibandakanya iLkein Karoo, iGreat Karoo kunye nemimandla engasemantla eWest Coast ethi ifumane imvula engaphantsi kwamanqanaba aqhelekileyo isithuba seminyala elandelelanayo. Ngenxa yembalela ethe gqolo iqhubeka nokunqongophala kwamanzi kwilizwe, ingakumbi kwiMpuma Koloni, eNorthen Cape kunye nemimandla yeNtshona Koloni, iZiko leSizwe loLawulo lweNtlekele libhengeze into yokuba imbalela yintlekele yesizwe ngomhla wama-20 kweyeKhala 2021.

ISebe liya kuhlala liphaphamile malunga nezehlo zesimo sezulu esibi ngokunjalo neempembelelo zexesha elide zenguqu yesimo sezulu nokwamkelwa kwemigaqo-nkqubo efanelekileyo kunye namaqhinga ukuqinisa ukomelela kwephondo. Amanyathelo okuthintela asele emiselwe ukunciphisa impembelelo yezi zehlo zitshabalalisayo kubahlali bethu, ingakumbi abo bahlala ematyotyombeni.

IWCG izibekele injongo yokunikwa ingqwalasela yokuba yinkokheli nomguquli "kuqoqosho oluluhlaza". Iinguqu ezicothayo kwicandelo lombane kwandisa ukunganeliseki koluntu nokulityaziswa kwenguqulelo kwipetroli ecocekileyo.

Umngeni wenkunkuma eqinileyo uyahlukana kulo lonke uluhlu lweendawo zokuhlala kwiphondo. Oomasipala abakhulu bazamana neendleko ezinxulumene nekujoliswe kuko okungqongqo okulungiselelwe ukuncitshiswa kwenkunkuma kunye nezizezinye kukunyanzeliswa kwemihlaba yokulahlwa kwenkunkuma ngumthetho. Oomasipala neendawo ezincinane zedolophu baxakene nokuqokelelwa kwesiseko kwenkonkoma nolawulo lomhlaba wokulahlwa kwenkunkuma.

Umhlaba okwindawo elungileyo kufuneka ufunwe kulungiselelwa uphuhliso oluhlangeneyo lokuhlaliswa kwabantu ukulungiswa kokungalingani kwexesha elidlulileyo okuquka imithetho-siseko yenguqu yesithuba. Ukuza kuthi ga ngoku, iSebe linothethwano oluqhubekayo kunye neSebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente neZibonelelo ukufumana umhlaba ofanelekileyo.

Ukunqongophala koninzi olufanelekileyo lwezibonelelo kusasele kungumngeni kwiSebe yaye kuqulathe ikhono lalo lokunikezela ngempumelelo kwisigunyaziso salo. ISebe lihlola iindlela ezahlukeneyo zokulungisa lomngeni yaye lisebenza ngokusondeleleneyo neSebe looMasipala kwizisombululo ezingakho.

Ubhubhane we-COVID-19 ube nembembelelo etshabalalisayo kuqoqosho lwentlalo kwimbonakalo yokuhlaliswa kwabantu boMzantsi Afrika, Njengoko intswela ngqesho, indlala kunye nokungalingani kuye kusiba mandundu, ibango lamathuba okuhlaliswa kwabantu kubandakanywa amatyotyombe lande kakhulu.

4.1.6 Ubume bobuchule nokusebenza

I-NIP ichaza into yokuba uphuhliso lwezibonelelo lubalulekile ukufumana iinjongo zoqoqosho nezentlalo zexesha elide zoMzantsi Afrika. Kubume belizwe eliphuhlayo elifuna inguqu yesakhelo enkulu icandelo likarhulumente liya kukhokhela eli linge. Ukunikezelwa kwezibonelelo kuya kuba ngumnikeli obaluleke kakhulu kwinguqulelo yoMzantsi Afrika ukususela kuqoqosho oluvaliweyo ngokwembali lwezimbiwa ukuya kutsho koklo luhlanganiswe ngokwehlabathi nangokwengingqi, olunekhabhoni ephantsi, olubandakanyayo; leyo ikhuthaza amandla kumashishini exesha elizayo.

Utyalo-mali lwezibonelelo zikarhulumente lusebindini ekufezekiseni imveliso enkulu nokhuphiswano, lunciphise ukungalingani kwesithuba nokuxhasa amacandelo avelayo okuyilwa kwemisebenzi emitsha. Sesinye sesiseko ekungekho ngxoxo ngaso senguqu nokukhula okuhlangeneyo. Ukwakhiwa kwezibonelelo kuvelisa ingqesho namathuba okuxhotyiswa okusekwe ngokubanzi kwabamnyama, kunikela ngaphezulu kwiinjongo zeNDP (NIP).

Ngokuhambelana neWCIF, iNtshona Koloni ibonelelwe kakuhle ngezibonelelo, ngokuba neepesenti eziphezulu kwisizwe samakhaya afikelela kwiinkonzo kwipropati. Ngoko, Uninzi lwabantu lusaphila kwimimandla engenazo iinkonzo ngokwaneleyo apho ufikelelo kwizibonelelo lupgants okanye lukwiqondo eliphantsi kakhulu. Uninzi lwezibonelelo lukwimeko embi yokungalolongwa ezibangelwa kukungatyalwa-mali kuzo nokungahlaziywa yaye sele zifikelele kwiqondo lekhono zalo. Iinkqubo zezibonelelo ezikhoyo, ingakumbi umbane nothutho, zisebenzisa ikhabhoni kakhulu, into ethetha ukuba zinendleko eziphezulu kwindalo. Abanye oomasipala baphawulwe ngolawulo olungafanelekanga nokusetyenziswa kakubo kwezibonelelo.

Amaziko enkonzo karhulumente, kubandakanywa amaholo oluntu, amaziko olonwabo, amathala eencwadi, kunye namangcwaba awanikezelwanga ngokulinganayo kwiphondo, yaye izithethe nemigangatho ecacileyo iyadingeka kulungiselelwa amanqanaba ofikelelo kunye neziqalelo ezilungiselelwe ukunikezelwa kwezibonelelo ezinjalo. Umhlaba karhulumente kunye nee-asethi zepropati azisetyenziswa ngokupheleleyo ngokwakaloku nje yaye ulawulo lwezi asethi aluhlungananga yaye alulungelelananga.

Izibonelelo ezisebenzayo, ezithembekileyo nezifikelekayo zisembindini wokukhula koqoqosho, kwinguqu yentlalo, kuyilo lwemisebenzi, kwipilo-ntle, kwisidima nokhuselo lwephondo. Kuyo yonke i-ikhosistim yezibonelelo zephondo, izibonelelo ezibalulekileyo zisemngciphekweni wokusilela okanye wokuhlelwa njengezingenalo ikhono lokuzinzisa ngaphezulu uphuhliso loqoqosho. Okuyinkxalabo ikakhulu luninzi lwezibonelelo ezibalulekileyo ezifana neendlela, umbane, amanzi, ucoceko, uthutho lwempahla, isiporo sikaloliwe kunye nesibonelelo sasezibukweni. Imingeni yezibonelelo ingxabalaze kumacandelo amathathu karhulumente, kwii-SOE ezahlukeneyo kwizigunyaziso ezithe ngqo, ezihamba kunye nekuthi kukhutsiswane ngazo ngamanye amaxesha. Ngoko, inkqubo yeziboneleloyomelela njengoqhagamshelo lwalo olubuthathaka, olunyanzelisa indlela ehlangeneyo kuwo omathathu amacandelo karhulumente, amashishini aphantu kolawulo lukarhulumente, kunye necandelo langasese. Ayithandatyuzwa into yokokuba ii-asethi zezibonelelo zikarhulumente zisisiseko sempilo-ntle yoqoqosho lwelizwe.

Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente

Izibonelelo zisembindini wempilo-ntle karhulumente noqoqosho. Ukubonelelwa kwezibonelelo zentlalo luxanduva olungundoqo loRhulumente osebenzayo nozamayo, yaye ukusebenza koxanduva lwakhe kuhambelana nomsebenzi wabemi.

IKhadi leNgxelo leZibonelelo zeSAICE (SAICE 2022)

Igreyidi epheleleyo kaD ibonisa okokuba izibonelelo ezikhoyo zoMzantsi Afrika, ezihlanganisiweyo, azanelisi yaye zisemngciphekweni nje ngokubanzi wokusilela ukufezekisa injongo yazo. Ubume bezibonelelo zikarhulumente zixhomekeke ikakhulu kwizabelo zohlalo lwabiwo-mali olufanelekileyo nakuphuhliso nomiliselo lweenkqubo zololongo, kwimigaqo-nkqubo neenkqubo. Zinokuntlithwa ngokunjalo ziimeko zangaphandle, ezifana ubhubhane weCovid-19 kunye nenguqu yesimo sezulu, ezithi zigqithe ngaphaya kwekhono likaRhulumente lokukhokhela okanye ukuphemelela. Ngowama-2022, igreyidi A epheleleyo yezibonelelo zoluntu loMzantsi Afrika ihle ngakumbi yaya kutsho kuD, eyona greyidi iphantsi yakhe yarekhodwa yiSAICE, nto leyo eyinkxalabo enkulu. Izibonelelo zoqoqosho zoMzantsi Afrika zisasele zikwiqondo lobume elanelisayo (okanye kwelingcono) zinoxaxho oluqaphelekayo lokuveliswa kombane. Izibonelelo zentlalo ziyaqhubeka ukuhla ngeli thuba ulwaphulo-mthetho nokungahlawulelwa kweenkonzo, ngokunjalo namaziko abuthathaka asilelayo kwizakhono ezifanelekileyo nokuchaneka kweenkcukacha zamanani, kunikele kakhulu koku kuhla kubume obupheleleyo bezibonelelo ukususela kwiKhadi leNgxelo yokugqibela yeZibonelelo zeSAICE. (SAICE 2022)

ENTshona Koloni, ulwakhiwo lwemisebenzi karhulumente kunye nololongo luyaqhubeka ukwanda kancinane kumsebenzi osemva ngenxa yokuncitshiswa okuphinda-phindiweyo

kuhlahlo lwabiwo-mali lwezibonelelo, okukhokhelele kwinto yokubuyiselwa umva kweeprojekti kwiminyaka elandelayo okanye zimiselwe ixesha elingaqinisekiswa. Ulityaziso kulolongo kunempembelelo ethe ngqo kukulunga kwesiseko sesibonelelo yaye lwandisa imingcipheko yempilo nokhuselo engqeshweni (OHS). Umsebenzi osemva wololongo ongaxhaswanga ngemali ngokuphathelele kwizakhiwo ngokubanzi zephondo apho uxanduva ngokubanzi lwezibonelelo ngowakaloku nje lungamawaka ezigidi ezi-R4.5.

Nangona kukho ugxininiso kunikezelo lwezibonelelo, unikezelo alupheleli kugunyaziso lwee-asethi zezibonelelo. Zakuba izibonelelo zigunyazisiwe, imisebenzi eyahlukeneyo kufuneka iqhutywe eyimfuneko ukuqinisekisa ngento yokuba ziyaqhubeka zisebenza kwinqanaba elipheleleyo. Iimfuno zonikezelo kufuneka ziqondwe ngokubanzi njengezihlanganisayo ingabi kuko nje ukwakhiwa kwezibonelelo, kodwa ukusebenza okufanelekileyo nokulolongwa okulandelayo kumjikelo wonke wobomi be-asethi. Ukunikezelwa kwezibonelelo kunye neenkonzo kudinga ubuchwepheshe bobuchule, ikhono labasebenzi abaxhasayo nelokuphatha. Ukukhuselwa kwesiseko sezibonelelo kudinga ingqinisekiso yenkxaso-mali, exhathise kuthelwano kunye neminye imijelo yengeniso.

Iimvavanyo zobume

Ngokuhambelana noMthetho woLawulo lwee-Asethi ezingaShukumiyi zikaRhulumente, 2007 (uMthetho we-19 wama-2007) (GIAMA), iSebe linoxanduva lokuqhuba iimvavanyo zeziko (iiFCA) zee-asethi zalo ezingashukumiyi (izibonelelo zezakhiwo) qho kwisithuba seminyaka emihlanu.

Inkqubo ehlangeneyo yeFCA isekwe kwintsebenziswano esondeleyo phakathi kwabachaphazelekayo yaye iqhutyelwa ukuhlangabezana neemfuno zeGIAMA, nokunikezela ngokunjalo ngengcaciso yesiseko ebalulekileyo edingekayo kulungiselelwa ucwangciso olusebenzayo lololongo. Kwinqanaba lokuqalisa lolu thelwanano nokuhlangana, isiseko esilungileyo esikhlayo sisekiwa.

Isibonelelo esibalulekileyo esingaphezulu likhono lokuphuculwa komsebenzi wolawulo lwepotfoliyo ngokusetyenziswa kofikelelo oluphuculweyo kwingcaciso, izakhono zokuyila nokunikwa kwengxelo. Ukuza kuthi ga ngoku, sinxulunyaniswe ngokunjalo ngokunokwaso ukwandiswa kweNkqubo yoLawulo lweNgcaciso yee-Asethi (AIMS)/ inkqubo ye-eMerge.

ISebe lamkele indlela ebhekiselele ikakhulu kwiqhinga kulawulo lwalo lwee-asethi zalo kumjikelo wazo wokuphila ukwandisa ixabiso ezithi ezi asetih zibe nalo kuluntu. Oku akunakufezekiswa ngaphandle kwenkxaso yetheknoloji efanelekileyo, kungoko ke kwaqulunqwa iprojekti ye-AIMS ze yaphuhliswa. Ukuphuhliswa kwale nkqubo yolawulo yee-asethi zale propati yeshishini ngokubanzi, ngoku eyaziwa njengeqonga le-eMerge, kuya qhutywa. Iqonga le-eMerge, liyilelwe ukuqinisekisa ngokuyilwa kwesiseko sengcaciso esiqinileyo, esinolawulo lwepropati kunye neenkqubo zokunikwa kwengxelo yolawulo oluthi luxhase ulawulo lokuthatyathwa kwezigqibo. Eli qongalinikezela neendlela ezilungiselelwe indlela ephelileyokulawulo lwee-asethi oluqhutywa ngamaqela olawulo lwamacandelo amaninzi oqeqesho.

I-eMerge iya:

- Kunikezela ngendawo enye yokungena kulungiselelwa bonke abachola-choli beenkcukacha zamanani;
- Kuhlenganisa iinkqubo zengcaciso yee-asethi ezingundoqo kwirejista enye yee-asethi;
- Kuqinisekisa ngento yokuba ulawulo lweenkcukacha zamanani ee-asethi kunye nengqinisekiso yeenjongo zoshishino zemisebenzi yenkxaso;
- Kunikezela ngofikelelo kwiingxelo, kwiidashbodi kunye nengcaciso yesithuba ukuxhasa iinkqubo zeqhinga zokuthatyathwa kwezigqibo;
- Kunikezela ngeenkcukacha zamanani nengcaciso ukuxhasa uhlahlelo lwemigaqo-nkqubo yongenelo lololongo;
- Kuxhasa imisebenzi ekunikezelweni komsebenzi onxulumene nee-asethi ngokusetyenziswa kokushedyulwa okufanelekileyo kwezibonelelo; kunye
- Nokunikezelwa kweenkcukacha zamanani nengcaciso kulungiselelwa imilinganiselo yomsebenzi ongundoqo.

Ekugqibeleni, i-eMerge, phakathi kwezinye izinto, iya kunikezela ngeqonga apho iSebe liya kusukela khona libhekiselel ekwakheni uyilo lwengcaciso (BIM), indlela yolawulo lwee-asethi ezingashukumiyi ekumgangatho wehlabathi (izakhiwo “eziphucukileyo”). Kwinkqubo enxusene nophuhliso lwe-e-Merge, iDOI iphanda ngokufumaneka, ngokuba luncedo nokufaneleka kwetheknoloji yala maxesha neyexesha elizayo (efana itheknoloji enoluvo kunye netheknoloji edumayo) nokwenziwa kwee-asethi ezisigxina zibe lilungu yaye zibe dijithali (okt., i-intanethi yezinto – IoT) ukunceda iSebe okokuba lilawule ngamandla izakhiwo zalo.

Ukuqoqosha indawo ye-ofisi nokunciphisa uphawu lwendawo ye-ofisi ye-WCG kwisithili soshishino esisembindini weKapa (CBD), iDOI iqalise ngeprojekti yokunciphisa iimfuno zayo zendawo ngokumiliselwa kolwabelwano lwendawo yokusebenza, eyaziwa ngokunjalo “njengehot-desking”, emva kwangoko icwangcisele ukuqalisa ngale ngqiqo kwamanye amasebe eWCG. Iintlanganiso kunye nabasebenzisi abafana neDOI, DEA&DP kunye neSebe leNkulumbuso ezimalunga nokuqoqoshwa kweemfuno zabo zendawo ye-ofisi sele ziqalile. Ukuqoqoshwa kwendawo ye-ofisi kuya kunceda ukuyekwa kwezixa-mali ezinkulu zendawo eqeshiweyo, yaye ulondolozo olufunyenweyo luya kutyalwa ekukhuseleni isibonelelo.

IDOI inobuchwepheshe obudingekayo bobuchule kunye neenkqubo ukuthintela ukuba mandundu kwesiseko sezibonelelo. Ngoko, ukubeka phambili ezo asetih ezinempembelelo enkulu okanye ezinomngcipheko omkhulu kuya kudinga eli nqanaba likhoyo lokuhla kwezabelo liguqulwe, mhlawumbi ngeendlela zesiqhelo okanye ezingezizo ezisiqhelo. Uthelelwano kunye neCandelo loLawulo-mali kulo mba lubalulekile.


[Ibango lokuhlaliswa kwabantu](#)

Ibhalwe kumaxwebhu into yokuba iNtshona Koloni iva ubuhlungu obuvela kwilifa lexesha localulolokwahklulwa-hlulwa kunye neendawo zokuhlala ezingafanelekanga. Inani lezindlu elisemva kwezi ndawo zokuhlala uqikelelwa ngokwakaloku nje kumakhaya angama-425 000 yaye eli nani liqikelwe ukuba lande kwisithuba esifutshane ukuya kwesiphakathi. Umngeni oqhubekayo wokubonelela ngezindlu ezifikelekayo ukuya

kumakhaya abantu abanengeniso ephantsi kumhlaba okwindawo elungileyo awukasonjululwa. Kukho isivumelwano esimalunga nesidingo seendawo zokuhlala ezihlangeneyo (ezinikezela ngamathuba kuluntu neenkonzozo zentlalo kunye nempilo-ntle kunye nezindlu) noxinaniso ngakuthungelwano lothutho ukwenza iindawo zokuhlala zasedolophini “zibe nokuhlaleka” yaye zifaneleke.

KwiNtshona Koloni, ibango lezindlu elibhaliweyo linyuke ngama-236 745 okanye ngepesenti ezingama-67 ukuya kuma-585 677 phakathi kowama-2013 nowama-2022. Umzobo 12 ubonisa into yokokuba, ngowama-2022, isahlulo esikhulusebango lezindlu sibe kwiCoCT (348 881 okanye ipesenti ezingama-59.6), silandelwa yiCape Winelands (ngama-76 247 Okanye ipesenti ezili-13.0) kunye neGarden Route (ngama-66 872 okanye ipesenti ezili-11.4).

Umzobo 11: Ibango lezindlu elibhalisiweyo eNtshona Koloni



Umthombo: PERO, 2022/23 (ISebe lokuHlaliswa kwaBantu laseNtshona Koloni)

I-DOI idlala indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ngomilisele oluyimpumelelo lweeVIP zeWCG. Ukuqinisekisa neengingqi zoluntu ezikhuselekileyo nezihambelanayo nokuxhotyiswa kwabemi beNtshona Koloni, iDOI ihlaziye yaye yalungisa uMgaqo-nkqubo Jikelele wama-2018 ongoLawulo lweePropati zokuRhenta. Izilungiso eziqalisweyo zijolise ekuqiniseni inkqubo yezabelo zezindlu ngokunikezela ngesikhokhelo esicacileyo somgaqo-nkqubo nokuqaliswa kweendlela ezintsha zolawulo lwepropati kunye neenkqubo.

Umgqaqo-nkqubo ohlaziyiweyo womeleza inkqubo yokumiselwa kwerhente, inqobo zolwabiwo, ukuzaliswa kwepropati ezingenabantu, ukukhutshelwa kwabarhenti, ulolongo lweeyunithi zokurhenta, ukulawulwa kwetyala labarhenti, yaye ubonelela ngemfundo yabachaphazelekayo. Ujolise ngokunjalo ekuqinisekiseni ngento yokuba ipotfoliyo yayo yepropati ilawulwa ngokufanelekileyo ukulungiselela ukufumana ngeqhinga ixabiso lentlalo neloqoqosho kulungiselelwa abantu beNtshona Koloni. Umgqaqo-nkqubo ucalula isicwangciso-nkqubo senkqubo nolawulo lohambelwano kulungiselelwa ukuqeshiswa kweprpati engashukumiyi ephantsi kolawulo lweWCG ngokuhambelana noMthetho weZindlu, we-1997.

Njengelinge lokuxhobisa nokubuyisela isidima kubemi beNtshona Koloni, ubunini bezindlu ezifikelekayo buya kunceda ngethuba lokuxhisa ngemali kubathengi bezindlu

abaqalayo. Ngoko, izithintelo ezikhulayo zoqoqosho zenze eli phupha layinto engenakho ukwenzeka ngenxa yezikoro zetyala eziphantsi okube nomphumela wokuba abenzi bezicelo bagwetywe njengabo bangafanelekanga ukunikwa ityala.

Amalinge aya kuqhubeka ukunceda abathengi abangakwaziyo ukufumana imali mboleko yebhanka ukuphucula iirekhodi zabo zetyala. Imfundo yomthengi ngobunini bekhaya nemali mboleko yezindlu kwafumaniseka ukuba iyasilela yaye ngoko amacandelo abalulekileyo okufezekisa oku. Ngokuhambelana kwisikweko “ileli yezindlu”, umntu ngamnye okanye usapho lunkaho ukuqhubela phambili ngobudala ukususela kwiindlela zokurhenta ukuya kwiindlela zobunini obufilelekayo. Ngale ndlela, iDOI ijolise ekukhuthazeni abarhenti abakhoyo ngeeprojekti zezindlu zentlalo okokuba basebenzise inkxaso-mali yeFLISP ukuguqulela kwimarike yobunini – ngoko bekhaya ukunyela ngasentla kwabarhenti nokubanceda ekubeni bafumane i-asethi enokuthi ibe nexabiso lexesha elide.

Uthelelwano nentsebenziswano yimiba esele ibalulekile yokunikezelwa kweenkonzo kuluntu. ISebe lithelelene neNational Housing Fund Corporation (NHFC) ukwangezelela iinzame zokunceda abaxhamli okokuba bafaneleke ukufumana amathuba eFLISP. Ngaphezulu, iSebe lilandela ngokwakaloku nje uluhlu lwezixhobo zomgaqo-nkqubo ukuncedisa kwiinjongo zeqhinga lephondo, ezifana nokuyekiswa konxulumaniso lwamathuba eFLISP, ulingo lobunini oburhoxisiweyo, kunye neNgxowa-mali eBekiweyo yeNkxaso-mali ye-Asethi (AFR).

Izibonelelo zothutho

INtshona Koloni inothungelwano lothutho oluphuhlise kakuhle oluqulathe izikhululo zeenqwelo-moya, amazibuko, iindlela kunye neziththi zikawonke-wonke neziporo zikaloliwe (WCIF, 2013). I-DOI ngugunyaziwe wendlela onoxanduva lokulawulwa nokunikezelwa kwezibonelelo zothutho kwiindlela ezibekelwe ukubhengezwa kwiphondo. Ikhono leDOI lokuhlangabezana nezigunyaziso zayo lichaphazeleke kakubi kukunqongophala okubi kwenkxaso-mali yokuvuselelwa nokulolongwa kweendlela


Uthungelwano lweendlela olulolongwe kakuhle lusala lubalulekile ekuxhaseni uqoqosho kunye nothutho lwentlalo olunxulumanisa abantu kunye namakhaya, imisebenzi, imfundo, ulolongo lwempilo, kunye nemisebenzi yolonwabo. Ukugcinwa kwesibonelelo esikhoyo sendlela kwimigangatho echaziweyo ethi yandise ukufaneleka nofezekiso olulungile yolwala mathuba kusembindini kuqoqosho lwethuba elide kunye nozinziso lwentlalo yeNtshona Koloni.

Amanqanaba enkxaso-mali yeMTEF embali nakhoyo awanelanga ukugcina ezi asethi zikwimigangatho efunekayo, athi abeke le asethi yeqhinga lephondo emngciphekweni. Ngokuthambekele kuhlobo lwezibonelelo zendlela, ulolongo olubheka phambili kwisithuba esifutshane luya kwangezelela iindleko ezinkulu kwixesha elide. Iindlela ezikumgangatho ongalunganga kunomphumela weendleko eziphezulu kubasebenzisi beendlela, kudale uxinzelelo olwangezelelweyo kubahlali beNtshona Koloni kuye nabatyebile kwiphondo kwenze mandundu ukhuselo lwendlela. Nangona iMTEF yowama-2022 ibonise iinzame ezihlangeneyo kukunyuswa kohlalo lwabiwo-mali lweendlela, inqanaba lenkxaso-mali lisoloko linganele ukulungisa umsebenzi osemva kulolongo nokulungiswa kwesidingo sokwakhiwa kweendlela ezintsha. Inkxaso-mali ehleli

inganelanga yancitshiswa ngaphezulu ngowama-2023 kwakhona kungavunyelwa isidingo esithe gqolo senkxaso-mali kwizibonelelo zothutho.

Imizobo 13 kunye ne-14 ibonisa ubume obukhoyo kunye nobume obuqikelelwayo bezibonelelo zendlela zephondo kuthanjekelwe kwimizekelo eyahlukeneyo yohlahlo lwabiwo-mali, phambi kokuba uncitshiso lwenziwe kunyaka wesi-3 kunye neminyaka ezayo nokunikezela ngentetho eziboniswayo lomngcipheko ombi kuthungelwano lwendlela ezinetha zephondo phantsi kwesimo esikhoyo seMTEF. Isimo ngokuncitshiswa kwenkxaso-mali siya kuba mandundu ngakumbi, kubume beMTEF yowama-2023. Phantsi kobume bohlahlo lwabiwo-mali lweMTEF yowama-2022, ipesenti yobude bendlela ezinetha esebenze ngaphantsi kwenqanaba logenelelo iqikelelwa okokuba iya kunyuka ukususela kwipesenti engama-45 ngokwakaloku nje ukuya ngaphezulu kwepesenti ezingama-80 kwisithuba seminyaka elishumi elandelayo (uMzobo 13).

Umzobo 12: INani loBume boThungelwano kuthungelwano lwendlela ezinetha



Umthombo: Imiboniso yohlahlo lwabiwo-mali olwandelwe kwiRAMP 2023/24 ukuya kowama-2032/33


Ubume bothungelwano lwendlela bulindeleke okokuba buhla kwiminyaka elishumi elandelayo. Isicwangciso soLawulo lwee-Asethi zeNdelela (RAMP) sibonise kwisithuba seminyaka emininzi into yokokuba utyalo-mali olukhoyo kwizibonelelo zendlela alwanele okokuba iSebe lilolonge ii-asethi zalozibe kwinqanaba elanelisayo lenkonzo. ULuhlu loBume oluBonakalayo lecandelo lendlela nganye lulinganiselwa ubude ukubala iNani loBume boThungelwano (NCN), elimele ubume bothungelwano lwendlela enetha kwini elinye. I-NCN isetyenziselwa ukuthelekisa ubume obupheleleyo obubonakalayo bothungelwano nokubekwa kweliso kwinguqu yobume bothungelwano emva kwexesha.

Umzobo 14 ubonisa okokuba isabelo esikhoyo seMTEF yowama-2022, esimelwe yimigca ezuba, asanele ukulolonga ii-asethi yaye kuqikelelwa okokuba ukusebenza kwendlela kuya kuba ngaphantsi kwecandelo "lokulunga" kwiminyaka elishumi elandelayo.

Ngohlahlo lwabiwo-mali oluncitshisiweyo kwiMTEF yowama2023, kuqikelelwa okokuba ukusebenza kwendlela kuya kuba mandundu ngakumbi kuye kutsho kumanqanaba angamkelekanga enkonzo. Uthungelwano lwendlela yetha ngumqolo kuthutho lwempahla kunye neenkonzo eNtshona Koloni, yaye ubume obubi obuqikelelwayo beendlela ezinetha buya konakalisa ikhono lokukhula koqoqosho. Ubume bothungelwano bulindeleke okokuba bube mandundu kwisithuba seminyaka elishumi elandelayo.

Kuthungelwano lwegrable, isimo sibi ngakumbi. Umndilili wobukhulu womphezulu wendlela yegrable umandundu kakhulu ungaphantsi kwama-25 mm, ngaphantsi kakhulu kwisithethe esamkelekileyo sama-75 mm (Umzobo 14). Oku kubeka uthungelwano lweendlela zegrable emngciphekweni omkhulu womonakalo obangelwa zizehlo ezibi zesimo sezulu, kuncitshiswa indima ethi idlalwe lolu thungelwano lweqhinga kuqoqosho lwasemaphandleni yaye njengomcedisi onekhono lokwandisa imveliso yezolimo, ingakumbi imveliso ejolise ekuthunyelweni kwamanye amazwe. Oku kwangezelela kuhlahlo lwabiwo-mali lwamakhaya olunezithintelo kubahlali ngokunyuyswa kweendleko zezithuthi.

Umzobo 13: Ubukhulu begrable kuthungelwano lwendlela olungenatha



Umthombo: lintlobo zohlahlo lwabiwo-mali ezandlalwe kwiRAMP 2023/24 ukuya kowama-2032/33

Uthungelwano lwendlela engenetha luqulathe umqokeleli kunye neendlela zohlobo lwengingqi. Esi sahlulo sothungelwano sibonelela ngokukodwa ufikelelo kumhlaba ngokunjalo nemisebenzi enxulumeneyo. Uhlahlo lwabiwo-mali olunyiniweyo lweMTEF yowama-2022 lubonisa ngokucacileyo into yokuba utyalo-mali kwizibonelelo zendlela alwanelanganga kuthungelwano lweendlela ezingenatha okokuba lungafikelela kubukhulu obuphantsi Obama-50mm.

Uhlahlo lwabiwo-mali oluncitshisiweyo lweMTEF yowama-2023, iyimfunekointo yokuba imali yabelwe uthungelwano lweendlela ezingenayo itha ukugcina injongo yofikelelo. Ngesabelo esincitshisiweyo, oku kwenzeka ngeendleko zothungelwano lwendlela lwetha.

Kukho impembelelo elungileyo kubukhulu bothungelwano ngokupheleleyo lwegrable xa izabelo ezisigxina kwiindlela ezingenatha zimiliselwa. Ngoko, ukulungiselela uhlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo, impembelelo kubukhulu begrable kuthungelwano ayinamsebenzi.

Ukunika ingqwalasela kubume obukhoyo boqoqosho kunye nesicelo esiphuma kuPrezidenti sokutyalwa kwemali kwizibonelelo ukuvuselela uqoqosho, ukuba ngaba akukho lutyalo-mali kwizibonelelo zeendlela, kuya kubakho ukusilela kukuveliswa kwamathuba emisebenzi, yaye abahlali kunye namashishini kuya kufuneka bahlawule ngaphezulu ukusebenzisa okanye ukuhamba kwii-asethi zeendlela zethu kunye noluntu luphela.

Ingqikelelo ebalulekileyo ethi isekele olu hlobo yeyokokuba uMnikelo woLolongo lweeNdlela zePhondo (PRMG) iya kuhlala ikwinqanaba ekulo ngokwakaloku nje. Ngokuthambekele kuhlobo lwesibonelelo seendlela kunye nesidingo sothantanyiso lwenkcitho kuyo yonke iminyaka eyahlukeneyo, olungena kwiMTEF lunemiba erheshayo njengoko iprojekti kufuneka iyekiswe, ilityaziswe okanye irhoxiswe ukuthantamisa ukungena nokuphuma kwemali. I-PRMG izibophelele ngezivumelwano. Uncitshiso kumnikelo lunempembelelo ethe ngqo kwizigunyaziso zesivumelwano ekufuneka zifikelelwe siSahlulo eziLinganayo sePhondo ukuba ngaba umnikelo uyancitshiswa.

Ngaphezulu, uncitshiso kwiSabelo esiLinganayo esichongelwe iiNdlela, luya kuba nempembelelo ethe ngqo kwiPRMG, njengoko iSebe leSizwe lezoThuhosele liqalisile ngokuvavanya izabelo zesahlulo esiLinganayo esibekelwe bucala ngamaphondo kulungiselelwa izibonelelo zeendlela, yaye libeke oku njengeye yeenqobo ezilungiselelwe izabelo zomnikelo wenkuthazo kwisicwangciso-nkqubo sePRMG.

I-RAMP ibonise inkxaso-mali eyangezelelweyo iyadingeka ukugcina isiseko see-asethi zeendlela zephondo ekubeni zibe mandundu. Iipesenti ezingamashumi asixhenxe anesithandathu eendlela ezinetha zephondo sele zigqithile kubomi ezaziyilelwe bona beminyaka engama-25. Naluphi na uhlobo apho uncitshiso kufuneka lwamkelwe luya kuba yintlekele kwinkqubo kwisithuba esiphakathi nesexesha elide. Umsebenzi osemva okhoya wololongo lwezibonelelo zendlela ungamawaka ezigidi ezingama-R32, yaye oku kuqikelelwe okokuba kuza kunyuka kubume boncitshiso. Ngaphezulu, izichotho ezibi ezinokubakho kunye nophuphumo eNtshona Koloni nomonakalo ongakho kwizibonelelo zendlela kufune uthathelwe ingqalelo ngokunjalo. Akukho sibonelelo senziweyo ukulungiselela oku kwisabelo sohlahlo lwabiwo-mali.

Izibonelelo zothutho

UMzantsi Afrika unomhlaba omkhulu kunye nonxweme. Uthutho ngmgaqo kaloliwe lusebenza ikakhulu kumashishini aqhelekileyo esiseko emigodi nezimbiwa. Uthutho olusekwe keindlela lolona hlobo lungundoqo lothutho lwempahla enxabiso eliphezulu. Ilizwe lijamelene nelishwa lothelekiso elakhelweyo kumgama walo ukusuka kwiimarike zehlabathi kune neningeni yoshishino kwingingqi ye-Afrika evela ngenxa lwezibonelelo zolungiselelo olubi kwilizwekazi. Oku kwandisa ukubaluleka kokunikezelwa kolungiselelo olukhuphisana kakhulu njengoko iyindlela enye yokulwa nothantamiso lweli lishwa. Kuyaqikelelwa okokuba “inkcitho enganamsebenzi” iyodwa (efana nokungabi

nampumelelo kwamazibuko kunye nonxibelelwano olwenziwe ngalo) kubangela ukunyuka nepesenti ezili-10.5 kwindleko zolungiselelo lorhwebo (NIP).

Inkqubo yothutho isebenzele amashishini esiqhelo kakuhle. Ngoko, awakayiphuculi ngokwaneleyo inkonzo iye kumashishini angaqhelekanga kunye nolimo – amacandelo azimisele ukuqhuba ukukhula kwexa elizayo, amandla nokuyilwa kwengqesho. Ukuqina kuchaziwe kancinane bubume bamaziko bonikezelo ngomona kukarhulumente, uthatyatho lwenxaxheba lwangasese olunyiniweyo, nolawulo olubuthathaka. Ukuhlanganiswa komgaqo-nkqubophakathi kweentlobo zothutho luminyiwe, kubume apho iintlobo ezininzi zothutho ziyimfuneko, ingakumbi kumashishini alungiselelwe ukuqhubela uMzantsi Afrika phambili (NIP).

Uthungelwano lothutho lwempahla lwanele ngenxa yento yokuba kukho uthungelwano olufezekileyo lwendlela, lwesiporo sikaloliwe The freight transport network is sufficient in the sense that there is a mature road, nolonxweme olulinganiselwe kakuhle. Ngoko, umxube wothutho awuxhasi iziphumo ezifanelekileyo, ikakhulu ngenxa yokufaneleka, yohlobo lokulunga, indawo obekwe kuyo kunye nokunikwa kwamaxabiso kaloliwe, amaxweme kunye neendlela zasemaphandleni nezezithili. Unxulumaniso lohlobo oluhlangeneyo lothutho alusoloko lukho (NIP).

Ukuhlanganiswa kwebango elingaphezulu lothutho lwempahla, olubangelwa luthutho lwemigama emide, kunye nokungafaneleki konikezelo, ngenxa yohlobo yokungalinganinokuba mandundu wezibonelelo, kubangela iindleko zothutho zinyuke zibe phezulu kuqoqosho olukhuphisanayo.

Uloliwe unendima ebalulekileyo anokuyidlala kwinkqubo yothutho lwempahla lwekhabhoni ephantsi. UMzantsi Afrika unothungelwano olubanzi kakhulu lukaloliwe lothutho lwempahla e-Afrika, konke kuphantsi kolawulo lukaTransnet. Nangona iGDP yoMzantsi Afrika izipesenti ezingu-0.4 kwiGDP yehlabathi, iipesenti ezi-2 zothungelwano lukaloliwe lwehlabathiluseMzantsi Afrika. Uloliwe ngokwakaloku nje unokhuphiswano kakhulu kumacandelo amaninzi, ingakumbi kukuthunyelwa, kwesambuku sezimbiwa, apho kukho amathuba amaninzi okukhula. Kuninzi lwamanye amacandelo emarike, impahla ithunyelwa ngomgaqo ingakumbi kwisixokelelwano sonikezelo esinxulunyaniswe kwimisebenzi elungiselelwe ukunikela kwiprofayile yoshishino lwekamva loMzantsi Afrika. Ukufuduka okuqikelelwayo okusuka kumgaqo ukuya kuloliwe lothutho akubanga nakwenzeka, okukhokhele kwiindleko eziphezulu, ingxinano nokukhutshwa kwekhabhoni (NIP).

Amazibuko azindawo zokuhlanganiswa kwinkqubo yothutho lwempahla lwehlabathi. Ukuba nempumelelo kwezibuko loMzantsi Afrika kuyasilela kwimindilili yehlabathi, ethi yangezelele kwiindleko eziphezulu zolungiselelo kukhukhulise ukhuphiswano koqoqosho loMzantsi Afrika ngokunyuswa kweendleko ezipheleleyo zothutho.

Ukwanda okuqhubekayo kwizithuthi zokuthuthwa kwempahla ngomgaqo kuyinkxalabo, njengoko izithuthi ezinzima zibeka uxinzelelo olukhulu kakhulu ezindleleni ngaphezulu kwezithuthi ezicinane, eziyimpembelelo yokuguqulela kuthutho lukaloliwe kwiinyoba ezinde ezingundoqo.

Uthungelwano lothutho lololiwe luqulathe inkqubo yokuthunyelwa kwempahla engundoqo kwamanye amazwe Inkqubo evela eNorthern Cape ukuya eSaldanha kunye

nesuka eGauteng ukuya eKapa, olujongene neekhonteyina, amalahle angaphakathi (kubandakanywa iSaldanha) kunye nezinye izithuthi zempahla ngokubanzi. Zombini iinkqubo zinekhono elaneleyo, kodwa inkqubo yaseKapa ukuya eGauteng iyasilela ngenxa yokusebenza kakubi ngenxa yezithintelo kwinkqubo yokunikezelwa komqondiso esporweni nokunikezelwa kombane. Isibonelelo sololiwe sisilele kakhulu kukutyalwa kwemali kwemali okungaphantsi kwimbali, kunye novuselelo kwakhona nohlaziyo lweenkqubo ezikhoyo zabakhweli bakaloliwe nezothutho lwempahla kokuphambili.

Ukwandiswa kwezibuko kuyadingeka eKapa naseSaldanha ukusabela kwiimarike zengingqi nezehlabathi njengesibumbanisi soqoqosho.

Itheknoloji yonxibelelwano nonxibelelwano(ICT)

I-NIP iyaqinisekisa ngokuba unxibelelwano bubomi bemarki yoqoqosho, yaye unxibelelwano lwedijithali lukhula ngokuba sembindini kulo. Indima eyandayo yesiseko yenguqu yedijithali ithetha ukuba izibonelelo zokuba yidijithali ngokupheleleyo kunceda uluntu noqoqosho ukoyisa iindleko.

I-NDP icinga okokuba, ngowama-2030, isibonelelo sengcaciaso esingenasahlulo esiya kubakho siyakufumaneka ngokubanzi yaye sifikeleleke, ngendleko nokulunga okulingana namahlakani oMzantsi Afrika nabakhuphisanayo. Okungaphezulu okungakumbi, ngowama-2030, iipesenti ezili-100 zabemi lufanele okokuba nofikelelo olulula kwibroadband efikelekayo ubuncinane bube li-10Mbp/s. Zonke izakhiwo zikarhulumente zifanele okokuba zibe ne broadband enesantya esiphezulu ubuncinane bube li-100Mbp/s, yaye, apho kufanellekileyo, zithabathe inxaxheba ekuxhathiseni oku kwimimandla ekungasetyenzwa kuyo kakhulu kunye noluntu.

Urhulumente uya kuncedwa ukuqinisa ukunikezelwa kweenkonzo ngedijithali, yaye icandelo langasese liya kuphuhlisa izisombululo eziguqulweyo zedijithali ezithi ziye ufikelelo olqhubekayo lusanda olulungiselelwe uluntu olunemivuzo ephantsi kwiinkonzo zoshishino nezentlalo.

Kwiphondo, ufikelelo kunxibelelo oluguququkayo lwandile kakhulu ngeli thuba ufikelelo kwi-intanethi lumi ndawonye. Iitheknoloji ezintsha zinekhono lokuphucula umlinganiselo wofikelelo, notyalo-mali kwimicu yonxibelelwano. Iintambo zokubona ziyimfuneko ukunikela umqolo olungiselelwe uthungelwano oluguququkayo nokunceda kuthungelwano lonxibelelwano olukhawulezayo, olunexabiso eliphantsi yaye luthembekile.

Izibonelelo ziyimfuneko ukuvuselela uphuhliso loqoqosho nokuyilwa koqoqosho olusekwe kulwazi. Utyalo-mali kwifayibha yemicu yonxibelelwano luyifuneko ukunikezela ngomqolo olungiselelwe uthungelwano oluguququkayo nokunceda kuthungelwano lonxibelelwano olukhawulezayo, olunexabiso eliphantsi yaye luthungelwano lonxibelelwano oluthembeke kakhulu. Intshoan Koloni ithungelene kakuhle kwizibonelelo zonxibelelwano lwemfono-mfono zesizwe, oluqulathe iintambo zekopolo kunye nekheyibhile yokubona eli-140 000km. Utyalo-mali lwezibonelelo kufuneka zichonge uthungelwano lokuhanjiswawiphondo. Oku kuya kudinga utyalo-mali olwangezelelweyo, kwakhiwe ikhono leekontilaka kunye nothethwano olucwangcisiweyo kunye nabanikezeli benkonzo ukwandisa uthungelwano, ingakumbi

kwingingqi zoluntu ezikude ezingaphay kofikelelo lwezibonelelo zifikelelo kumaziko ofikelelo lwe-ICT karhulumente.

Imingeni ebonakalayo ingekhono leziko, kubandakanywa ulungelelwaniso loorhulumente nokunqongophala kwezakhono zobuchule kwicandelo likarhulumente, iphondo kunye nelizwe liphela kunye nenkxaso-mali yezinto ezinkulu, ingakumbi izibonelelo zamanzi kunye noomasipala.

4.2 Uhlahlelo lwangaphakati lobume

4.2.1 Ubume bombutho

KwiNtetho yoBume bePhondo ngowama-2022, iNkulumbuso ibhengeze ukusekwa kwe-DOI, equlunqwe ngemisebenzi yeZibonelelo kunye nemisebenzi yepropati yeSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente kunye nemisebenzi yeSebe lokuHlaliswa kwaBantu. Oku kuhlangukiswa kwemisebenzi yezibonelelo ixhibe ukuqinisekisa ngento yokuba urhulumente usabela kakhulu kwizidingo zabemi beNtshona Koloni.

Ukusekwa kwe-DOI kumele inqanaba lokuqala lwenkqubo yoVuselelo lweZiko. I-DOI iyaqhubeka ngenkqubo ephelileyo yoyilo lombutho ethi yakhe ikhono lokusebenza ukulungiselela ukunikezelwa okupheleleyo kwisigunyaziso seNkulumbuso. Le nkqubo icingwe okokuba ibandakanye ukuhlangukiswa nokusetyenziswa ngokupheleleyo kweenkqubo zoshishino zeDOI, uyilo olusebenzayo olutsha olusebenzayo, iinkqubo zokusebenza eziqhelekileyo kunye nezicwangciso zophuculo ukunikezelwa kwenkonzo. I-DOI idinga ukubonelelwa ngokupheleleyo nangokufanelekileyo ukuqinisekisa ngokuba ixhotyisiwe yaye inesakhono sokukhokhela ekufezekiseni umbono wezibonelelo zeWCG nokuqinisekisa ngempembelelo enkulu.

Ukuxhasa okokuba ikhokhele kwizibonelelo kwiphondo, imigaqo-nkqubo kunye namaqhinga akubume bemisebenzi karhulumente iya kuhlaziywa, kubandakanywa ukuyilwa komthetho ofanelekileyo wemisebenzi karhulumente. Ngaphezulu, ubume bombutho beSebe: IMisebenzi kaRhulumente wePhondo buya kuhlaziywa ukulungiselela ukusabela kwisigunyaziso zeqhinga lephondo nelesebe.

Ngeli thuba iDOI isakhiwa ngokutsha ukulungiselela ukunikela kwisigunyaziso sayo, kukho imingeni emininzi ethi ithintele ukumiliselwa ngempumelelo kweenkqubo zayo. Eminye yemingeni engundoqo kunikezelo kukuhlaliswa kwabantu kukungenwa komhlaba ngenkani, ukonakaliswa ngabom kwezindlu ngexesha lolwakhiwo, nokuhlaliwa kwazo okungekho mthethweni xa iiprojekti zigqityiwe. Kule meko, iDOI iqesha oonogada abangezelelweyo, yakhe uthango ukukhusela iindawo, nokunikezela ngohlalo lwabiwo-mali kulungiselelwa ukumangala, ukuba kunokwenzeka kube yimfuneko. I-DOI ijamelene nemiphumela ebingaylindelanga yokuhlawula iindleko eziphezulu zokhuseleko ukuqinisekisa ngokhuselo lweziza zayo. Kule meko, iSebe livavanya ngokutsha uyilo lwayo lwezindlu ukulungiselelanisa ngcono kunye nebango elikhulayo kwicandelo.

ISebe ligcine uyilo lokuhlangukanyela ubonelelo ukusabela kwiimfuno eziguqukayo zonikezelo lwenkonzo nokunqongophala kwezakhono ezinxulumene kwizibonelelo ezinqongopheleyo ezibandakanya abasebenzi balo kunye nezinye iindlela zokunikezelwa kwenkonzo. Ngenxa kunyino lohlalo lwabiwo-mali lweendleko zengqesho

(COE), okulindelweyo kunikezelo kufuneka kuthathele ingqalelo unyino kuluhlu lwabasebenzi.

4.2.2 Ubume bexesha elizayo: INguqulelo yesiNe yoShishini

I-WEF iyichaza iNguqulelo yesiNe yoShishino (4IR) njengenququ eqhutywa yitheknoloji ebeka abantu embindini. Kwinkulungwane ephawulwe zinguqulelo, i4IR ichaza inguqu kwindlela abantu abasebenza ngayo kuluntu. Ukuqhubela phambili kwetheknoloji kwi-4IR kuya kuba nemiba erheshayo yesiseko kubungakanani benguqu kuphuhliso lwabantu kwinkulungwane yayma-21.

Nangona Ikamva kuye kubanzima ukulithelekelela, iDOI izamela ukuqulunqa ikamva ngeentlanganiso ekudityaniswe amacandelo amaninzi phakathi kwamacandelo angasese nakarhulumente, kunye nabamaziko emfundo ephakamileyo nemibutho yoluntu, ukuphuhlisa amakhono okubona okungekenzeki nawokuqikelela ixesha elizayo okunokuthi kuncede ekuqhubeleni phambili kula maxesha angaqinisekanga.

Ukuza kuthi ga ngoku, iDOI ibe ngumbutho oqdadazayo oqhutywa yiR&D kunye nenguqu ebhekiselele kubume benguqu ukufumana isibonelelo esivela kwi-4IR ze isigqithisele eso sibonelelophambili kubanru esibasebenzelayo.

Iitheknoloji ezihlakaniphileyo ziququzelela ukuqhubela phambili ngokukhawuleza kunye nezisombululo ezonakalisayo ngebango. I-DOI iphuhlisa, ixhathise yaye ihlanganise ezi zinto zintsha zinokwenzeka zetheknoloji nezombutho ngakwinjongo enye – isandisa ukulunga kobomi babemi.

4.2.3 Okuphambili okuvelayo namathuba

I-DOI ihlola amalinge awahlukeneyo, aya kuthi anikezele ngezisombululo zenguqu kunikezelo lweendawo zokuhlala. I-FLISP isasele ikukuphambili kweDOI. I-DOI iya kuqhubeka ityala imali kwiiPHDA ezili-19 ezigazethiweyo ukuqinisekisa ngomilisele oluhlangeneyo. Ngaphezulu, iDOI iqinisekisa ngolungelelwaniso lweeprojekti zayo kunye nokuphambili kwephondo nokwesizwe.

IProjekti elingwayo yoBunini obuMiselweyo yaqaliswa eBredasdorp, kuMasipala waseCape Agulhas. I-DOI iya kuqhubeka ukwakha koku kuphambili okuya kunceda amakhaya ngengeniso ephakathi kwama-R3 501 nama-R22 000 ngenyanga ukulungiselela okokuba afaneleke ukufumana inkxaso-mali yeFLISP ukuba ngaba ayahlangabezana nazo zonke iinqobo zokukhetha. Ubunini obuMiselweyo buya kuvumela abaxhamli okokuab barhebe iiyunithi zabo isithuba esiyokuthso kwiminyaka emithathu, emva kwangoko baya kunikwa ithuba lokukhetha okokuba bazithenge iiyunithi. Ngesi sithuba, baya kufumana uncedo lokuphucula iirekhodi zawo zokuthenga ngetyala ukulungiselela okokuba bafaneleke ukufumana imali-mboleko yokuthenga indlu evela kwiziko lemali. Isahlulo sesixa-mali yerhente sinakho ukugcinwa ukuze sisebenze njengedipozithi yemali-mboleko.

I-DOI ihlola amalinge amaninzi okubeka phambili nokukhuthaza iziphumo zenguqu kulwakhiwo lwezindlu ezixhaswa ngemali ngurhulumente eNtshona Koloni. Phakathi kwala malingekukuphuhliswa kwezikhokhelo zomgaqo-nkqubo kulungiselelwa amagosa esebe nakamasipala kunye neekontilaka eziya kuthi zincede ekwenzeni inkethe engcono

yokuthengwa kweetheknoloji ezinzileyo zezakhiwo (iiSBT). Iziphumo ezingundoqo zokumiliselwa kwee-SBT inciphisa iimpembelelo zendalo zophuhliso oluqhutywa yiDOI noomasipala, ngokunjalo nokuphuculwa kwezibonelelo zentlalo nezemali kulungiselelwa basebenzisi abasekugqibeleni, I-DOI ikwiphulo lokulinga iprojekti eyi-Excellence in Design for Greater Efficiencies Certification ethi ibandakanye iiyunithi zezindlu ezingama-700 eFisantekraal kwiCoCT METRO. Eli phulo liphawula ixesha lokuqala kwilizwe lokokuba izindlu ezixhaswa ngemali ngurhulumente (Breaking New Ground – BNG – izindlu) ziya kuqinisekiswa “njengeziluhlaza”, inqanaba elaligcinelwe ngaphambili ikakhulu izindlu ezakhelwe abasebenzisi abaphezulu ekugqibeleni.

4.2.4 Ikhono lobume bolwakhiwo lokunikezela kwisigunyaziso salo

Njengesebe elijolise kakhulu kwizibonelelo nokunikezelwa kwenkonzo, iDOI ixhomekeke kubasebenzi bayo ukumilisela isigunyaziso sayo ngokufanelekileyo nangokusebenzayo. Ubume bemcimbi yabasebenzi (HR) beDOI intsokothile yaye yahlkile kwamanye amasebe kuba uluhlu olubanzi lwezakhono olwandlaliweyo luyadingeka, oluvela kubacwangcisi bepropati ukuya kwiinjeneli zombane ukuya kubayili bezakhiwo. I-DOI ibuyisela ikhono layo elinciphayo lobume bolwakhiwo, kunye namaqhinga ekufuneka emiliselwe ukulungisa oku.

Nangona iDOI inabasebenzi abagugileyo, inkqubela phambili yenziwe ngokutyalwa kwemali kwiibhasari ukutsala umdla wabantu abatsha abanezakhono ezinqabileyo. Kwisithuba seMTEF, iipesenti ezingama-30 zabasebenzi sele besondele kubudala bokuthatha umhlala phantsi okanye sele befikile kubudala bokuthatha umhlala phantsi. Inani sele liphuculiwe laya kwipesenti engama-28. I-DOI isebenzisa ngokunjalo iinkqubo yokutyisa ukuphuhlisa ikhono langaphakathi. Ngoko, kukho ukunqongophala kolawulo oluphakathi, okokuqala ukucebisa ulutsha yaye, okwesibini, ukuqulunqa uninzi lwabantu abafanelekileyo ukuze babe nakho ukungena ezihlangwini zabo baya kuthatha umhlalaphantsi.

Kusoloko kungumngeni ukutsala umdla wezakhono ezinqongopheleyo nokuguqula ubume becandelo lokwakha. Imiphumela engalindelwanga ye-Occupation Specific Dispensation kwenze ngokunjali izinto zanzima ukutsala umdla wabantu abanamava ayimfuneko.

Ukungaqiniseki okuqhubekayo kwinqubo yemivuzo yenkonzo yabasebenzi nokuthotywa okungakho kule nkqubo kwangezelela inkxalabo phakathi kwabasebenzi, okwenziwe mandundu yimiqondiso yokuncitshiswa ngokubanzi kohlahlo lwabiwo-mali kunye nesimo soqoqosho kwilizwe.

Nangona iDOI isebenzela ukubuyisela esimeni sangaphambili ikhono lobume bolwakhiwo lwangaphakathi, isebenza ngokunjalo ekuxhobiseni oomasipala okokuba banikezele kwiiiprojekti ezahlukeneyo zezibonelelo. Kule meko, iDOI iya kuqhubeka inikezela uqeqesho koomasipala ukwandisa ii-IDP zabo. Ngaphezulu, iDOI iya kunceda oomasipala ngobuchwepheshe bobuchule ekunikezeleni ngeeprojekti ezinxulumene nezibonelelo. Oku kusenokuba luhlobo lokubekwa kwenye indawo yokusebenza, ingcebiso yobuchule okanye ulongamelo oluvela kwi-DOI kunye namangenelo ngokuqeshwa kwabanikezeli benkonzo. La malinge, ehlanganiswe nokugxila

kwangaphakathi, aya kulungisa izithintelo zekhono kubume bolwaxhiwo ngendlela epheleleyo.

4.2.5 Uhlahlelo lwabachaphazelekayo

Inani labachaphazelekayo liyachatshazelwa yiDOI ngokunikezela kwisigunyaziso sayo yaye inendima eyidlalayo. Ezi zibandakanye abemi, abafundi, abasebenzisi bendlela kunye nabadlali becandelo langasese abangabaxhamli benzame zophuhliso lwezibonelelo, oomasipala abasebenza njengee-arhente zomiliso kweminye imimandla yesigunyaziso seDOI, kunye neekontilaka ezingabamiliseli bolwaxhiwonolongo lomsebenzi. Kwicandelo lokuhlaliswa kwabantu, imibutho engeyiyo ekarhulumente/ imibutho esekwe kuluntu, amachule emfundo ephakamileyo kunye necandelo langasese/ iibhanka ngamahlakani ophuhliso. UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika usebenza njengomnikezeli wengqinisekiso kumsebenzi omiliselweyo kunikezelo lokuhlaliswa kwabantu.

likomiti zepotfoliyo kunye ne-Ofisi yeNkulumbuso zinikezela ngolongamelo oluyimfuneko kumiliso lophuhliso lokuhlaliswa kwabantu.

Abapapashi kwiintlobo zabo njengochaphazelekayo basebenza njengeqonda lokuhlangana phakathi kweSebe kune nabaxhamli balo.

ICandelo C: Ukulinganiswa komsebenzi wethu

1 Ingcaciso yokusebenza kweziko

Ngokubeka abantu embindini yemisebenzi yayo, iDOI ixhasa indlela ingcingane yeenkqubo ezithi zincele kwindlela ucwangciso olucwangciswe ngayo kwimbono yokubekwa kwabemi embindini yaye iinguqu kwindlela yokusenza ilinganiswa kususelwa kumlinganiselo wesiphumo esiqhelekileyo ukuya kumlinganiselo onomahluko omncinane wempembelelo.

Ngokuhambelana nokuPhambili kweMTSF 4: “Ukuhlalaniswa kweSithuba, ukuhlaliswa kwabantu kunye nomasipala”, iDOI izibophelele ekubhangseni ukungalingani kwesithuba kunye nokuthi gqolo kwesicwangciso sesithuba socalulo.

1.1 Ukulinganiswa kwempembelelo

Umbono weDOI kunye nengxelo yomnqophiso kumphakathi wawo ukuzibophelela kweSebe lokumilisa isigunyaziso salo ngenzame ecamngciweyo ukulungiselela ukuxhathisa koluntu kunye nepotfoliyo yezibonelelo zentlalo kunye neenkonziso ukuzisa ukuphila ngesidima kunye nenguqu yesiseko sesithuba ngeli thuba isandisa amanqanaba ophuhliso lwezakhono nokuxhobisa. Ukwenza njalo, iDOI ichonge ingxelo yempembelelo engasezantsi kunye neziphumo ezine zeqhinga ukulungiselela ukufumana ingqiqo ethile ngethuba locwangciso lokulungiswa kwezithuba ezicalulwe kuhlalelo lwesimo.

Ingxelo yempembelelo

Izibonelelo ezinzileyo nokuhlaliswa kwabantu abanika ingqwalasela kwisimo sezulu nokunikezela ngamathuba kulungiselelwa ukukhula nemisebenzi.

Ukusetyenziswa kwendlela yeTheory of Change (TOC), iSebe, emva kwexesha, liya kuyila umsebenzi ubanzi kunye nesicwangciso-nkqubo sovavanyo. I-ToC yindlela elungiselelwe ucwangciso, ukuthatyathwa kwenxaxheba, ulawulo oluqhelisayo, kunye novavanyo oluthi lusetyenziswe kwiinkampani, ukuthanda abantu, engeyiyo eyenzuzo, uphuhliso lwehlabathi, uphando, kunye namacandelo karhulumente ukukhuthaza inguqu yoluntu.

Le ndlela iya kuxhasa ucwangciso, ukukhula neendlela zokusebenza zeDOI. Ngokuhambelana nocwangciso, oku kubonisa indlela impembelelo enokulinganiswa ngayo yaye inikezelwe ngendlela enentsingiselo, ephuhlileyo eya kuthi ekugqibeleni iphendule imibuzo ebalulekileyo emalunga nokusebenza kwamangenelo esebe kunye nomgaqo-nkqubo othi uncede kumbono weSebengokuyila unxibelelwano lesizathu noncedo phakathi kwengxelo yempembelelo yeDOI, iziphumo zayo, kunye noluhlu oluhambelanayo lwemiqathango yokusebenza.

I-ToC ichonge iziphumo zecandelo ngalinye lokunikezela yaye libonise ubudlelwane obuqikelelwayo phakathi kwemisebenzi kunye neziphumo kuwo onke amacandelo. IToC ibe sisixhobo esibalulekileyo sokuhlola izithuba ezingakho kwingqinco enokuthi ikhuphe emgaqweni ukufunyanwa ngempumelelo kweziphumo ezicwangcisiweyo.

Impembelelo enqwenelwayo ibeka abantu embindini, inempembelelo ethi ilinganiswe ngokunxulumene kuncedo ezithe iinkqubo zanalo kubomi babantu, nakubaxhamli babo abaxhityiweyo. Nangona olunye lonikezelo lwenkonzo olunqwenelwayo kunye neenguqu kwindlela yokuziphatha inokubonwa emva kwexesha elifutshane, impembelelo enqwenelwayo yenqanaba lothungelwano lwezibonelelo iWCG engathanda ukuyifizekisa iya kudinga ingqiqo yeminyaka engama-20. Kusinyanzelo ngoko okokuba iindlela zenguqu ezinentsingiselo, ezinokulinganiswa zibekwa iliso yaye ngamathuba athile zivavanywe kwisithuba seminyaka emihlanu. Impembelelo inakho ngoko inokuba kwindawo ethile ze imelwe ngokwesithuba, njengoko abantu noluntu kubume bamangenelo benokufumana impembelelo, exhityiweyo nengaxhitywanga.

1.2 Ukulinganiswa kweziphumo

ISebe liphuhlise iziphumo ezilandeleayo ukunika uncedo kwimpembelelo elifuna ukuyifizekisa kunye nemimandla elijolise kuyo elifuna ukuyilungisa:

Isiphumo 1	Isiseko sezibonelelo kunye nekhono lophuhliso.
Isiphumo 2	Unikezelwa okuzinzileyo kwempembelelo epheleleyo.
Isiphumo 3	Izibonelelo zokuxhathisa ukuzisa inguqulelo yesithuba sesiseko.
Isiphumo 4	Iziqalelo zenguqu, uphuhliso lwecandelo langasese kunye nezibonelelo ezinika ingqwalasela kwisimo sezulu.

1. *Isiseko sezibonelelo nekhono lophuhliso.*

I-DOI iyithathela ingqalelo indima ebalulekileyo encedayo ethi idlalwe zizibonelelo kuluntu ngokubanzi kunye nethemba lokukhula koqoqosho kwelizwe.

Ekubeni kuchazwe imingcipheko enxulunyaniswa nako nakuphi na ukuba mandundu okungaphezulu kwikhono lezibonelelo lokusebenza kwemigangatho echazwe ngasentla, iDOI ibeke ukhuseleko lwepotfoliyo yee-asethi njengesiseko kunye nenjongo engundoqo ngokujolisa kulolongo ngokunjalo nokubekwa phambili kwee-asethi ezithe zaba nempembelelo engummangaliso kunikezelo lwenkonzo yaze yajamelana umngcipheko omkhulu wokusilela, kumanqanaba ephondo nakamasipala. Uhlahlelo lwemeko yelo xesha lobume bezibonelelo, kubandakanywa oomasipala, luya kuqaliswa ukulungiselela ukuqalisa inkqubo ukufumana isiseko esilungileyo.

Ngokwanjalo, iDOI izibophelele nzulu ekugcineni nokwakha ikhono elibalulekileyo kwiSebe ukuxhasa ucwangciso, uyilo, unikezelo nokulolongwa komjikelo woboki wezibonelelo ezinjalo. Izibophelele ekuxhobiseni kwakhona amakhono obunjini apho imingeni emibi ichoniweyo, ingakumbi kwinqanaba likamasipala. Iya kuquzelela iintlanganiso kunye noomasipal ngokuqulunqwa kweeprojekti, ukungathintelwa kweeprojekti esele zisendleleni nokukhutshelwa kwezakhono.

2. Ukunikezelwa okuzinzileyo kwempembelelo epheleleyo

I-DOI iya kugcina yaye ikhawulezise umsebenzi wezibonelelo ezikhoyo ngeli thuba inciphisa iindleko zokunikezelwa. Iya kuhlola iimodeli ezizezinye zokunikezelwa kwenkonzo, ityale imali yaye ixhase ngemali ngokusetyenziswa kothelwano olunentsingiselo necandelo langasese. Ngokuphuculwa kuthengo, kwiindlela kunye neenkqubo, ukubhangiswa kophinda-phindo, inzame nekhono, iindleko zentengiselwano kunye nanxesha onikezelo kuya kuncitshiswa. Oku kuya kwandisa ukubuyela kuluntu, uqoqosho nobume. Ukubonelelwa kweetayitile zezindlu kuya kuxhobisa abemi ze kukhuthaze ukuveliswa kobutyebi.

I-WCG izama ukuxhobisa abahlali ngokuyilwa koqoqosho oluncedayo nolukhuphisanayo oluthi luyile imisebenzi, obukhokhelwa libango, neliphutywa licandelo langasese. Kule meko, iDOI iya kuqhubeka ngokunikezela ngepesenti yeHSDG kwiikontilaka eziphuma kumaqela achongiweyo, kubandakanywa amanina kunye nolutsha. Ngaphezulu, iDOI iya kwandisa iinzame zayo zokuququzelela amathuba emisebenzi nokuqeqesha abantu abatsha kwicandelo lobume bokwakha. Uyilo lomsebenzi osebenzisa abaqeshwa luya kunikezela ngamathuba omsebenzi kulutsha, amanina, kunye nabakhbazekileyo.

Iimodeli ezizezinye zokunikezelwa kwenkonzo nokuxhasa ngemali ziya kuhlolwa ukuxhobisa nokubuyisela isidima kubemi beNtshona Koloni ngokusetyenziswa koncedo lobunini bamakhaya obufikelelekayo ngethuba lokuxhotyiswa kwenkxaso-mali kubathegi bamakhaya abaqalayo.

Ilinge lixhibe ukunceda abathengi abangkwaziyo ukuxhaswa ngemali yibhanka okokuba baphucule iirekhodi zabo zokufumana imali-mboleko. Imfundo yomthengi ngobunini bekhaya kunye neNxaso yemali ngamacandelo abalulekileyo ukufezekisa oku. Uthelelwano kunye neNHFC ukwenza izibonelelo ezimfuneko zifumaneka kuya kuba ngundoqo kwimpumelelo, ngoko kuxhasa ukunyuselwa kwabarhenti bangaphambili nokubanceda okokuba bafumane ii-asethi zexesha elide.

I-DOI ijolise ekubeni yenze umahluko omkhulu nobambekayo kubemi bephondo ngokusetyenziswa kwendlela ehlangeneyo kukuhlaliswa kwabantu. Oku kubonakaliswe kwiprojekti yeConradie Park, ephawulwe ngumxube wengeniso, umxube wokusetyenziswa kophuhliso lwezindlu, kubandakanywa izikolo ezifikelelekayo, iziko lamashishini entengiso, ihotele yoshishino kunye namaziko onyango, phakathi kwezinye. Olu phuhliso lubonelela onke amaqela engeniso ukususela kabaqalayo ukuba ngabathengi bezindlu ukuya kubatyali-mali yaye luya kuyila amathuba emisebenzi alungiselelwe abemi beNtshona Koloni.

3. Izibonelelo zokuxhathisa ukuzisa inguqulelo yesithuba sesiseko

Inguqulelo yesithuba ichongwe kwiNDP njengomncedi ongundoqo wophuhliso lwentlalo noqoqosho. Inguqulelo yesithuba kunye nentlalo eyandisiweyo yezibonelelo zentlalo nezooqoqosho zinxulunyaniswe ngokunokwayo kufezekiso loluntu olungcono okulungiselelwe wonke umntu ngokufumana impembelelo yesiseko kuluhlu lwemiba: ukuphuculwa kweendawo apho abantu bahlala kuzo, neenodi zokukhula ngoqoqosho okufanelekileyo; Ukulunga kwendalo; ukuncitshiswa kweendleko zofikelelo, nokuphuculwa kokhuselo. IDOI iya kuxhasa iTOD ngengxinano, ukuphucula iindawo zokuhlala ezizinzileyo, ngeli thuba kuncedwa ufikelelo olulinganayo kumathuba entlalo

nawoqoqosho kwizixeko nakwimimandla yasemaphandleni, kusiziswa iinkonzo zikarhulumente kufutshane nabantu nokubayilela amathuba amatsha ukulungiselela ukubafudusela kwiindawo ezisembindini kakhulu.

Ukufezekisa oku, kuya kubakho iphulo lokuqhutywa kwe-ajenda yenguqulelo ebanzi yesithuba yelizwe, yaye ngokwenza njalo, ukukhuthazwa kwemithetho-siseko yophuhliso yobulungisa besithuba, uzinziso lwesithuba, ukomelezwa kwesithuba, ukulunga kwesithuba, nokusebenza kwesithuba. Ngokwembono yocwangciso lwezibonelelo, kuya kutyalwa imali okuqhubekayo kwiiPHDA ezili-19 ezigazethiweyo ukuqinisekisa ngomiliselelo oluhlangeneyo lweeprojekti zezibonelelo. IIPHDA zizidibanisi okanye “imimandla” ezichongelwe uphuhliso, apho amasebe amathathu karhulumente anesivumelwano ukulungiselela ukuchongwa kotyalo-mali, intsebenziswano, kunye nophuhliso oluhlangeneyo oluzinzileyo.

IIPHDA zizamela ukuqinisekisa ngento yokuba inguqulelo kwisithuba nokuhlanganiswa lwenzeke ukulungisa impembelelo yocwangciso localulo lwesithuba nokuthintlwa kokuyilwa kweendawo ezithile yendlala eziseziphelweni zeedolophu. Indlela yeyokusetyenziswa kwezibonelelo njengeziqalelo zolwakhiwo ngokutsha nokuhlaziywa kweedolophu nezixeko ngokuyila ngokufikelela kwizibonelelo zoqhagamshelwano, zoqoqosho nezentlalo, ezixhibe okokuba abahlali baphile kuluntu oluqhagamshelwe kakuhle, oluzele ludlamko, noluzinzileyo, ze lube nokujikeleza ngokufanelekileyo ngothutho lukawonke-wonke olukhuselekileyo, olufikelekayo nolunekhabhoni ephantsi. Ukucandwa ngokutsha komhlaba kulungiselelwa uphuhliso lwezibonelelo kunye nemithetho-siseko yendlela yoLuntu Lonke yedeletiswe kwezi nkqubo. Izahlulo ezininzi zomhlaba ofunyenweyo zicandwa ngokutsha njengomncedisi wenguqulelo yesithuba.

Sisonke namahlakani angundoqo kurhulumente wesizwe, amasebe ephondo kunye noomasipala, iDOI iya kusebenzisa umhlaba karhulumente nezakhiwo njengesiqalalo esilungiselelwe uphuhliso oluzinzileyo, ukuhlanganiswa kunye nenguqulelo yentlalo. I-DOI iya kuhlanguka kunye ne-ISA ukucwancisa nokumiliselela iiprojekti ezinkulu kuwo onke amacandelo othungelwano olubalulekileyo kulungiselelwa uphuculo oluzinzileyo kunikezelo lwezibonelelo zikarhulumente.

4. Isiqalelo senguqu kunye nezibonelelo ezinemvakalelo yesimo sezulu

I-DOI iya kuyila isithuba sophando kunye nophuhliso nokuququzelelwa kwelabhu eyodwa yenguqu karhulumente/ yangasese. Ukuthelelana namachule emfundo ophando nophuhliso kuya kubalileka ukumiliselela ezi nzame. Iya kuququzelela ngokunjalo inguqu nokunikezela ngesiqalelo esilungiselelwe amashishini amatsha. Ekujoliswe kuko kuya kubekwa kuphuhliso lwezibonelelo zombane ohlaziyiweyo. Ucwangciso lwezibonelelo ezomelelyo kunye noyilo luya kubandakanya amaqhinga okuncitshiswa kwekhabhoni kunikezelo lwezibonelelo, ulawulo, kunye nomsebenzi. Kubume bezibonelelo, iDOI iya kuqhubeka ukuhlola itheknoloji yenguqu yolwakhiwo njengoko oku kubonisa iimpawu ezibalulekileyo ezangezelela ixabiso kwiimveliso zolwakhiwo yaye zinakho ukunciphisa iindleko zokwakha kunye nexesha elithatyathiwe, kunye nokuphuculwa kokulunga kolwakhiwo. Ekugqibeleni, oku kuba nomphumela kunikezelo olungcono lwenkonzo kubemi bephondo.

Ukwangezelela kokungasentla, ukucamngcwa kokuba izicelo neselula zeminye yemiba engundoqo yetheknoloji yale mihla ethe gqolo itshintsha indlela abaxhamli abazanelisa ngayo izidingo zabo, iDOI iyaqhubeka ukukhuthaza oomasipala balusebenzise ngokupheleleyo i-App yeZindlu. I-App inikezela abaxhamli abangakho okokuba benze izicelo zethuba lezindlu nokuvumela abasebenzisi abakhoyo okokuba bahlole inqanaba lezicelo zabo.

Unxulumaniso phakathi kweMTSF kunye neeVIP kunye neZiphumo zeSebe, IZiphumo zomigqalisela, iSiseko nekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu luboniswe kwiTheyibhile 6.

ITheyibhile 6: Unxulunyaniso lweMTSF kunye neeVIP kwiSiphumo seSebe, iSiphumo soMgqalisela nekujoliswa kuko kweminyaka emihlanu

MTSF	PSP VIP	IsiCwangciso soVuselelo	ISiphumo	INani	ISiphumo soMgqalisela	Isiseko	Ekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu
MTSF 2: INguqulelo yoQoqosho nokuYilwa kweMisebenzi	VIP2: UkuKhula neMisebenzi	UkuKhula neMisebenzi	1. Isiseko sezibonelelo nekhono kulungiselelwa uphuhliso	1.1	Inani elipheleleyo leeprojekti zokwakha ezigqityweyo	85	118
				1.2	Inani elipheleleyo leeprojekti zololongo ezigqityiweyo	337	565
MTSF 5: Ukuhlanganiswa kwesithuba, ukuHlaliswa kwaBantu noMasipala	VIP2: UkuKhula neMisebenzi	Ukhuselo, iMpilo-ntle, UkuKhula neMisebenzi	2. Unikezelo oluzinzileyo kulungiselelwa impembelelo ekwinqanaba eliphezulu	2.1	Inani elipheleleyo lamathuba omsebenzi we-EPWP ayilwe liSebe leZibonelelo	5 150	25 750
				2.2	Inani elipheleleyo lamalinge okuxhobisa eliyiliweyo	-	10
MTSF 5: Ukuhlanganiswa kwesithuba, ukuHlaliswa kwaBantu noMasipala	VIP 2 UkuKhula neMisebenzi VIP4: Uthutho neNguqulelo yeSithuba	Ukhuselo, iMpilo-ntle, UkuKhula neMisebenzi	3. Ukuxhathisa kwezibonelelo ukuzisa inguqulelo yesiseko yesithuba.	3.1	Inani elipheleleyo lamathuba ezindlu elinikezelweyo	95 525	50 000
				3.2	Inani lemimandla yophuhliso oluphambili lwezindlu apho ukucandwa ngokutsha komhlaba nokumiliselwa okuhlangeneyo kwezicwangciso sele kugqityiwe	-	19
				3.3	Inani leetayitile ezibhalisiweyo kubaxhamli abaqinisekisiweyo ukukhuthaza ubunini bekhaya nokhuseleko lomsebenzi	-	21 891
MTSF 2: INguqulelo yoQoqosho nokuYilwa kweMisebenzi	VIP5: Inguqu noBume	UkuKhula neMisebenzi	4. Isiqalelo senguqu, uPhuhliso lweCandelo laNgasese kunye	4.1	Inani lamalinge ovakalelo kwisimo sezulu	-	5
				4.2	Ipesenti yohlahlo lwabiwo-mali oluchithiweyo ngokubhikiselele kuPhando noPhuhliso	-	2%

MTSF	PSP VIP	IsiCwangciso soVuselelo	ISiphumo	INani	ISiphumo soMgqalisela	Isiseko	Ekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu
			nezibonelelo einovakalelo lwesimo sezulu				

Ukusetyenziswa kweemvavanyo ukulinganisa iziphumo

Njengoko impembelelo iviwa luluntu, iyunithi zokulinganisa ziyadingwa ukuhlola ukufezekiswa kweziphumo ngokwesithuba ngokuhambelana nabaxhamli kwindawo yamangenelelo.

Uvavanyo ludlala indima ebalulekileyo ukuxhasa uyilo nokunikezelwa kwemigaqo-nkqubo neenkqubo ezikhokhelela kwiziphumo ezingcono, ezinobulungisa nophuhliso oluzinze kakhulu. Oku kuqiniseke ngakumbi yinto yokuba ubungqina obuvela kwiimvavanyo, nokucinga ngokubalulekileyo okumalunga nobu bungqina, lunokudlala indima ebalulekileyo ukunceda abenzi bezigqibo okokuba baqinisekise ngento yokuba imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo zinkezela ngeziphumo ezilungileyo nezihlala ixesah elide. I-DOI iya kuqhubeka isebenzisa okufunyenwe kuvavanyo kunye nezidululo ezinxulumene noko ukunceda kukuqiniswa kwemfuno yayo nesisombululo seziphumo zayo kwitlanganiso.

Ukusebenza kunye nezinye iiVIP zeWCG kunye neziphumo zazo, iinguqu kwindlela yokuziphatha nophuculo kunikezelo lwenkonzo luya kufunyanana kumanqanaba othungelwano eziko nesibonelelo.

Ngaphezulu kukubekwa kweliso kwesiphumo esiphambili somgqalisela, iimvavanyo zokusebenza zithatyathwa okokuna sisixhobo sokufunda kweqhinga nokukhula kufezekiso lweziohumo ezikhethiweyo zesebe. Oku kuya kuxhaswa ngamalinge esebe ukuqinisa ulungelelwano lweR&D. Ngokubekwa kwemiqathango yempumelelo kumandla wokuphuculwa kokuhlanganiswa kwesithuba kunye namava abasebenzisi bothungelwano lwezothutho amalunga nabantu emihla ngemihla, uvavanyo olupheleleyo lunakho ukuqhutywa.

Uyilo lwenkqubo nokumiliselwa kweemvavanyo kuya kumiliselwa apho kuyimfuneko. Uhlobo oluphambili olukhoyo lovavanyo lweWCG luqokelela iinkcukacha zamanani obude okanye ezamacandelo amaninzi ukuhlola ubungakanani bofezekiso besicwangciso seqhinga seminyaka emihlanu kwakuxhutywe ukufezekiswa ntoni na. Iinkcukacha zamanani kwiziphumo ziyaqokelelwa ngesiqhelo kulungiselelwa ufikelelo olubanzi lweempembelelo zenkqubo. Ukufezekiswa kokuphambili kunye neziphumo asikukuphela koxanduva lweDOI yaye, ngokuthambekele kwizithintelo zendleko zeWCG, iimvavanyo ezisekwe kwiziphumo zinokudinga ukubandakanywa kwamanye amasebe entsebenziswano yaye zingamiliselwa ngokuhlangeneyo. Uhlahlelo lokulunga lweminikelolokunikezelwa liSebe ngokubhekiselele kufezekiso lweziphumo zesebe lwangezelelwa luqokelelo olulungileyo lweenkcukacha zamanani kunye nohlahlelo. Uqikelelo lwezifezekiso kuthelakiswa neziphumo kwizithuba zomilisele lweminyaka emihlanu luya kuphuculwa njengoko ukulunga kolawulo lweenkcukacha zamanani kuphuculwa. Uqokelelo lweenkcukacha zamanani kulungiselelwa ukunikwa kwengxelo kumaqumrhu olongamelo, ngokunjalo neenkukacha zamanani okwakha ukunceda kucwangciso lweqhinga lwexesha elizayo kunye nomjikelo wohlahlo lwabiwo-mali, luyimfuneko ukulungiselela ukuhlolwa kwempembelelo yaye luya kudinga okokuba okokuba luqokelelwe emva weminyaka emibini yomilisele. Isishwankathelo semilinganiselo seenkcukacha zamanani angundoqo avavanyweyo siya kuphuhliswa kulungiselelwa ukutsalwa kokuphambili kumsebenzi osele ukho "okungokwandlalwa kwemigangatho kulungiselelwa imigqalisela nemilinganiselo". Okubalulekileyo, iinkcukacha zamanani

kwindlela yeToC eyinxalenye yecandelo lokuqulunqwa kombono neloyilo kukubunjwa komgaqo-nkqubo okusekwe kubungqina othi uncedise kokuphambili kweqhinga.

Uhlahlelo kwinqanaba leziko

Ukunikezelwa kwesiseko sokuhlanganiswa kwesithuba nokuthambekele kwimpembelelo kwiingcingqi zoluntu ezininzi, lamangenelo azama ukuphuhlisa amazikokunye nemimandla apho ubudlelwane bentlalo, obufana nezikolo, izibhedlele iindawo zengqesho, izindlu, kune nobumelwane kungakho kuzinziswe. I-DOI imisele ingqiqo yoyilo njengo icwangcisa inabaxhamli engqondweni. Ucwangciso oluhlangeneyo nokumiliselwa kwezibonelelo amathuba ezindlu kuqinisekisa ngokuba yonke imiba yoqoqosholwentlalo iyaqwalaselwa ukuqinisekisa nohlanganiso.

Ngokuhambelana nezibonelelo, imfundo, impilo, ukuhlaliswa kwabantu, iindlela kunye nemisebenzi karhulumente yimimandla ekujoliswe kuyo yonikezelo.

Uhlahlelo lothungelwano lwezibonelelo

Amangenelo enqanaba loluntu okufuna ubulungisa ngokuguqulwa kweepateni zokusetyenziswa komhlaba ngophuhliso lwesithuba senyoba ejolise kwinguqulelo, ngokulungiswa kwezithethe neenqobo ezisesikweni ezimisela indlala nokungalingani, ilifa localulo, kunye nengozi enxulunyaniswa nezizukulwana. Amangenelo athile ajolise ekulungiseni imiba yothutho neyenqanaba lothungelwano lwezibonelelo, efana nokuthintelwa kokonakala ngakumbi kothungelwano lweendlela zegrabile zephondo, ukulungiselela ukuphuculwa ngokupheleleyo kwesimo sothungelwano lwendlela ngaphaya kwenani lemigaqo ethile. Iya kuba yimfuneko ngoko ukuqinisekisa ngento yokuba isimo ngokubanzi sepotfoliyo yezibonelelo, esibandakanya ukuhlaliswa kwabantu, imfundo, impilo nokuphuculwa kwamaziko ngokubanzi.

2 Inkcazelo yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba socwangciso seminyaka emihlanu

Amangenelo angundoqo ayadingeka ukugcina ipotfoliyo ekhoyo yezibonelelo (uthungelwano lwendlela zetha nezegrabile, izibonelelo zokuhlaliswa kwabantu kunye namaziko, izakhiwo ngokubanzi, izakhiwo zempilo nezemfundo). Ukuvavanywa kwesimo kuzo zonke iipotfoliyo kubalulekile ukuhlolwa kwamanqanaba omngcipheko nokuphambili kololongo. Ukuvuselelwa ngokutsha nezibonelelo ezigcinwe kakuhle kuphucula ukhuselo nokuthintelwa komngcipheko wokusilela nolahleka kwemiphefumlo okungakho. Ingxinano eququzelelwe yinguqulelo ekhawulezileyo yesithuba inokufezekiswa ngokuncedwa yipropati nepotfoliyo yezibonelelo. Kwangaxesha linye, isebe kuya kufuneka lisabele kwimimandla emitsha yokugxila ebalulekileyo, ingakumbi icandelo lamandla.

Isiphumo 1: Isiseko sezibonelelo nekhono lophuhliso.

Isiphumo 1 seDOI: Isiseko sezibonelelo nekhono lophuhliso silungelelaniswe kwiMTSF 2: INguqulelo yoQoqosho nokuYilwa kweMisebenzi kunye neMTSF 5: UkuHlanganiswa kweSithuba, ukuHlaliswa kwaBantu noMasipala. Ngaphezulu, esi siphuma sinceda okuPhambili kweQhinga kweCandelo lezoThutho leSizwe (NTSSP) 3: UKwakhiwa kweZibonelelo ezithi ziKhulise uQoqosho. Nangona, esi siphumo sinikela kokuPhambili kweQhinga kwiCandelo leSizwe leMisebenzi kaRhulumente neZibonelelo (iINPWISSP): li-Asethi eziVelisayo, uTyalo-mali oluZinzileyo lweZibonelelo, uBume boKwakha obuGuqulweyo, UCwangciso oluHlangeneyo noLungelelwaniso, amaThuba aPheleleyo oMsebenzi. Esi siphumo sinikela kwiNjongo yeSiphumo seQhinga seSebe lokuHlaliswa kwaBantu: Ufikelelo oluphuculweyo kwiinkonzo zesiseko.

Isiphumo 1 siyinto engudogo efunekayo ukulungiselela ukufezekiswa kweVIP 2 yeWCG: UkuKhula neMisebenzi, iVIP 5: INguqu neBume, nesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni esigxile kukuKhula neMisebenzi neMpilo-ntle. I-DOI ihlala izibophelele kuyilo lwemisebenzi nakumathuba oxhobiso kwiphondo, yaye ukuza kuthi ga ngoku, iDOI iya kuqhubeka ngokuxhasa iikontilaka kubandakanywa abantu abantsundu, amanina, abakhubazekileyo kunye namashishini amancinane. Ngaphezulu, iDOI iyawuvumal umlinganiselo ophezulu wentswela ngqesho kwilizwe, ingakumbi phakathi kwabantu abatsha. Ukuza kuthi ga ngoku, iDOI iya kuqeqesha abantu abatsha kumacandelo awahlukeneyo kubume bolwakhiwo yaye ngoko inikele kuMmandla ekuJoliswe kuwo weVIP: Ukuyilwa kwamathuba kulungiselelwa uyilo lwemisebenzi ngophuhliso lwezakhono”.

Esi siphuma simisela:

- Uqoqosho oluncedayo, oluneGDP eyandisiweyo nokukhula kwengqesho eNtshona Koloni.
- Izibonelelo ezomeleleyo ezithi zisebenze ngokufanelekileyo, eziquathe izakhiwo eziluhlaza nemithetho-siseko, inophawu lobume elincitshisiweyo, nelithi linciphise ukubakho kokwenzakala kubasebenzisi bezibonelelo.
- Ubume obuphuculweyo bezibonelelo zolwakhiwo (IMfundo, iMpilo nokuBanzi), kubandakanywa imigangatho yeOHS nofikelelo jikelele.
- Ukuphuculwa kwesimo seendlela, iibhulorho imijelo enqamleza phantsi kwendlela, kubandakanywa imigangatho yeOHS nofikelelo jikelele.
- Ukuzinziswa kokuhlaliswa kwabantu.
- Ukwandiswa kwenani labaxhamli abathe bafumana umsebenzi okanye uphuhliso lwezakhono.
- Ukumiliselwa kweziphumo zeemodeli ezizinzileyo zemali kunikezelo lwenkonzo oluphuculweyo, ulolongo lwemisebenzi yezibonelelo kwiphondo nakoomasipala.
- ISebe liya kubuqonda ubume bezibonelelo ngokucalulweyo kwinqanaba lengingqi.

Abancedi beziphumo

- Ukugcinwa kwezibonelelo ezikhoyo (izakhiwo nezibonelelo zendlela), ngokunjalo nolwakhiwo lwezibonelelo ezitsha ezomeleleyo ukunceda uluntu ngokubanzi nokunikela kwithemba lokukhula koqoqosho lwephondo.
- Ukuqhubeka ngokumiliselwa kwesicwangciso sololongo nesokuvuselelwa ngokutsha/nesohlaziyo kwestokhwe esinokugcinwa sezindlu zokurhenta ukuqinisekisa ngento yokuba iipropati zihlala zikwisimo esilungileyo nokulungiswa kwentsilelo ekhoyo lwestokhwe sokurhenta esikwindawo elungileyo kulugiselelwa abaxhamli abaqinisekisiweyo.
- Ukuqulunqwa kwengxelo ngemeko yelo xesha yezibonelelo ukunikezelwa kwesiseko esilungileyo sokubekwa phambili kwamangenelo kunye nezenzo ezifanelekileyo.
- Ukuphuhlisa kwezakhono eziyimfuneko kubandakanywa ubuchule bobunjineli, ulawulo lweprojekti, ulawulo lwesixokelelwano sonikezelo, kunye nenqanaba lekhono likamasipala.
- Ukuququzelelwa kweentlanganiso ukunceda oomasipala okokuba bacwangcise iiprojekti balungise iiprojekti zikamasipala ezisesendleleni. Oku kubandakanya ukunikezelwa koncedo lobuchule ngokuqulunqwa kweeprojekti ngokunjalo nokususwa kwezithintelo zeprojekti ukulungiselela ukukhutshelwa kwezakhono kumagosa kamasipala.
- Ukuphuhlisa kwekhono langaphakathi kulwakhiwo nokwakhwa kwekhono.
- Ukuqhubeka ngokusetyenziswa kweNkqubo yeBhasari iMasakh'isizwe, iinkqubo zamagcisa ngokunjalo nenkqubo yeCOGTA-IMESA ukuguqula icandelo nokwakha ikhono langaphakathi, ingakumbi ngokusetyenziswa: konikezelo lweebhsari ezivela ngaphakathi nezangaphandle kubume bokwakha, kwijineli kunye namacandelo anxulumeneyo alungiselelwe ulutsha olunqwenayo kunye nabasebenzi; nokunceda kuphuhliso lwekhono zobugcisa.
- Ukuyila ipotfoliyo yee-asethi ngokuthatyathwa kwendlela yeqhinga negxile kuphuhliso lwesiCwangciso seZibonelelo.
- Ukuyekwa kwee-asethi ezingezizo ezeqhinga.
- Ukuququzelela ikhono nobuchule kumanqanaba elephondo nelikamasipala ukunikezela ngokuhambelana nemigangatho efanelekileyo yokunikezelwa kwezibonelelo.
- Ukusetyenziswa kwethknoloji ekhoyo, evelayo neyexesha elizayo kulungiselelwa ucwangciso, ukuhlangana nolawulo lwezibonelelo.
- Ukuhlolwa kweemodeli ezizezinye zenkxaso-mali ukuvula utyalo-mali olungumdoqo lwezibonelelo olufana nokubekwa ngomqulu kwenkqubo yololongo yeWCG kumaqabane ecandelo langasese.
- Ukulandela ezinye iindlela zenkxaso-mali yezindlu ezifikelelekayo.
- Ukunikezela ngamathuba ezakhono kulungiselelwa ulutsha ngokusetyenziswa kweenkqubo ezahlukeneyo zobugcisa, ezinye zazo eziya kuxhasa of NYS.
- Ukulolongwa kweNkqubo yeGraduate Professional Engineering ukulungiselela okokuba abanezidanga bafumanae ukuncediswa kunye nobuchwepheshe obusebenzayo ababudingayo ukuze babe babhalisiwe njengeenjini ezinobugcisa.

- Ukunikezela ngeenkqubo zemfundo yomthengi okanye yobunini bekhaya kunye nenkxaso-mali yezindlu.
- Ukuyila ulwazi lwamathuba alungiselelwe amanina nolutsha kwicandelo lobume bokwakha.
- Ukuphuhlisa nokukhuthaza uyilo lwemisebenzi namalinge okuxhotiswa.

Esi siphumo sinikela:

- Kukunyaswa kwexabiso lerandi yotyalo-mali (okujolise ngqo nakwizibonelelo).
- Kuphuculo lwenkqubo elawulayo yokwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe.
- Ukuguqulwa kolawulo lwenkqubo ukuphuculwa kwenqanaba lotyalo-mali.
- Ukunikezelwa kubo bonke abemi beNtshona Koloni ngamathuba okuqulunqa indlela yobomi babo; amathuba athi abancede okokuba baphile ubomi obunesidima nentsingiselo, yaye obunikelayo kukwenziwa ngcono koluntu.
- Ukuzinziswa kweendawo zokuhlala nezindlu ezifikelelekayo kunye nemarike eyandisiweyo yobunini bamakhaya.
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwesithuba esabelweyo.
- Ukomelezwa kwezibonelelo ezisebenza ngokufanelekileyo kakhulu, kuhlangukanye nesakhiwo esiluhlaza nemithetho-siseko yolwakhiwo, nokusebenza kwamandla.
- Ukuphuculwa kwamanganaba enkonzo yeenyoba zothutho nezibonelelo ezihlaziyiweyo zephondo eziqhuba ukukhula koqoqosho, kugxilwekumacandelo okukhula koqoqosho, ingakumbi kwicandelo lezolimo. Oku kubandakanya iinkqubo zeentlobo zeenkqubo lothutho lwempahla.
- Ipotfoliyo yezibonelelo ezigciniweyo, ezibume buphuculweyo kuthungelwano lweendlela zephondo kulungiselelwa bonke abasebenzisi.
- Uthungelwano olukhuselekileyo lwendlela, kulungiselelwe abaqhubi beemoto zangasese, izithuthi zikawonke-wonke ezisekwe kumgaqo, kunye nezithuthi zorhwebo, ngoko kuncitshiswe iindleko zomsebenzisi.
- Ukuxhotyiswa koluntu ngokusetyenziswa kophuhliso lwezakhono kulungiselelwe ulutsha, amanina nabakhubazekileyo ngeli thuba kunikezelwa ngokunjalo ngamalinge oxhobiso kulungiselelwa uphuhliso lwekontilaka.

Imingcipheko ephambili

- Ukuba mandundu ngokungaphezulu kwikhono lezibonelelo lokokuba zenze umsebenzi wazo kwimigangatho echaziweyo, nokukhula kokungqubana kwezithuthi okungakho kunye neengozi ezinxulumeneyo kunye neendleko.
- Ukusilela kwezibonelelo zikamasipala, okukhokhelele kukuphela kokusebenza koluntu nophuhliso.
- Imingcipheko enxulumene ne-OHS evela kwizakhiwo zezikolo ezimandundu, amaziko empilo, kunye nezakhiwo ngokubanzi.
- Ukungabikho kokhuseleko kukutya okubolayo eNtshona Koloni ngenxa yobume obubi bezibonelelo zothungelwano lweendlela lwaseaphandl eni.

Iingqikelelo ezinxulumene kwesi siphumo:

- Izibonelelo zikamasipala zenza isiseko salo naluphi na uphuhliso.

- Ukunikezelwa kwamathuba amaninzi omsebenzi weWCG alungiselelwe amanina, ulutsha nabakhubazekileyo ingakumbi ngokusetyenziswa kwenguqu, ulwakhiwo ekusetyenziswa abasebenzi kunye neeprojekti zololongo.

Abachaphazekayo abangundoqo abadingekayo ukulungiselela okokuba esi siphumo sifezekiswe ngempumelelo

- **URhulumente wesizwe:** ISebe leSizwe lezoThutho kunye neSebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente neZibonelelo aneendima zoncedo ezibalulekileyo azidlalayo zokuqinisekisa ngento yokuba isicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo sikho ukusabela kwintlekele yenkxaso-mali yezibonelelo nokunikezela ngamaqhinga ahlangeneyo otyalo-mali nothelelwano.
- **URhulumente weNtshona Koloni:** ICandelo loLawulo-mali linendima ebalulekileyo eliyidlalayo ekuxhaseni uphuhliso lwamaqhinga kunye neemodeli ukukhusela inkxaso-mali yezibonelelo kunye nothelelwano lwenkxaso-mali yecandelo langasese.
- **Umasipala:** Uthelelwano oluqhubekayo luya kunceda utyalo-mali olufanelekileyo namaqhinga okunikezela kulungiselelwa izibonelelo ezibalulekileyo.
- **ICandelo langasese:** Ukukhuthazwa kothelwano kulungiselelwa utyalo-mali nonikezelo.
- **Amashishini afanekileyo angakarhulumente:** IQumrhu leSizwe lweNkxaso-mali yeZindlu langezelela izibonelelo zeDOI kulungiselelwa izindlu ezifikelelekayo.

ISiphumo 2:

Unikezelo oluzinzileyo olulungiselelwe impembelelo epheleleyo.

ISiphumo 2 seSebe: UNikezelo oluzinzileyo olulungiselelwe iMpembelelo ePheleleyo yaye silungelelaniswe kwiMTSF 1: UkwaKhiwa koRhulumente oneKhono, oneNqobo zokuziPhatha noPhuhlayo, iMTSF 6: UHambelwano lweNtlalo noLuntu oluKhuselekileyo kunye neMTSF 7: I-Afrika eNgcono neHlabathi. Esi siphumo sinikela kwiNTSSP 1: UKhuselo njengoMncedi woNikezelo lweNkonzo. Ngaphezulu, esi siphumo sinikela kokuphambili okulandelayo kweNPWISSP: Ii-Asethi eziVelisayo, uTyalo-mali lokuZinziswa kweZibonelelo, UBume obuGuqulweyo boKwakha, uCwangciso oluHlangeneyo noLungelelwaniso, UKwandiswa kwaMathuba oMsebenzi. Kwinganaba lephondo, isiphumo seSebe sinikela kwiVIP 1 yeWCG: ULuntu oluKhuselekileyo noluhambelanayo kunye nesiCwangciso soVuselelo lweNtshona Koloni esigxile kukuKhula kulungiselelwa iMisebenzi kunye neMpilo-ntle. Esi siphumo sinikela kwiNjongo yeSiphumo seQhinga yeSebe leSizwe lokuHlaliswa kwaBantu: Unikezelo olukhawulezisiweyo lwamathuba ezindlu.

Esi siphuma simisela:

- Ukwandiswa, ukukhawuleziswa nokomelezwa kolwakhiwo lwezibonelelo ezikhoyo.
- Ukwandiswa kwembuyekezo yoluntu neyoqoqosho ngeli thuba kuncitshiswa iindleko zokunikezelwa kwenkonzo.
- Ukuphuhlisa kweemodeli ezizezinye kulungiselelwa unikezelo nenkxaso-mali.
- Ukusebenza namahlakani kwicandelo lombane.
- Ukuxhaswa kophuhliso lwecandelo lombane ohlaziyiweyo.
- Ukuphuhlisa kwezibonelelo zothutho lwempahla olubeka phambili uthutho lwempahla ngololiwe.
- Ukubuyiselwa kwesidima abemi ngokuququzelelwa kobunini bamakhaya afikelelekayo kulungiselelwa ukunyuselwa ngokufunyanwa kwe-asethi yexesha elide.

Abancedi beziphumo

- Ukunceda ipotfoliyo yezibonelelo ezikhoyo kunye neeprojekti ezisendleleni.
- Ukuhlanganiswa kwazo zonke izibonelelo kulungiselelwa ucwangciso oluhlangeneyo nonikezelo.
- Ukushenxiswa kophinda-phindo lomsebenzi, lwenzame, nolwekhono.
- Iimodeli ezizezinye zenkxaso-mali nonikezelo eziqhutywa licandelo langasese.
- Ukungena kwimfundo nokuphakanyiswa kolwazi ukukhuthazwa kwabarhenti abakhoyo beeprojekti zezindlu zentlalo okokuba basebenzise inkxaso-mali yeFLISP ukulungiselela ukuguqulelwa kubanini bamakhaya.
- Ukuphuculwa kokusebenza kombane kwizakhiwo ngokusetyenziswa kwemigangatho engolwakhiwo okuthi kuqaliswe ngeethetknoloji zolwakhiwo olujongene nesimo sezulu.
- Ukusebenza ngokuqhubeka kunye necandelo lolwakhiwo ukuguqula nokunikezela ngofikelelo olwaneleyo nolufikelelekayo kwimithombo yombane, kumanzi acocekileyo, kuceceko nokuthuthwa kwenkunkuma ukuphuculwa kweemeko zokuphila nokuyilwa kweendawo zokuhlaliswa kwabantu ezizinzileyo.
- Ukusebenza namahlakani ukuphuhlisa izibonelelo zokuhanjiswa kwamanzi amdaka.

- Ukukhuthazwa kwenguqu ekugxininiseni kwizibonelelo zokuhanjiswa kwempahla ngokubanzi ngololiwe.
- Ukukhuthazwa kwamahlakani ukuba aguqule izithuthi zokuthuthwa kwempahla ziyeke ukuba zezendlela ziye kuloliwe ohamba kufutshane nemigaqo engundoqo.

Esi siphumo sinikela:

- Kwizibonelelo ezifaneleke kakhulu.
- Kukusetyenziswa okuzinzileyo kakhulu kwezibonelelo, okt., izibonelelo zombane, zamanzi, zococeko nezokuthuthwa kwenkunkuma.
- Ukuhanjiswa okuzinzileyo kwempahla.
- Ukunguqulwa kombane ohlaziyiweyo.
- Ukubuyiselwa kwesidima ngokuququzelelwa kobunini bamakhaya afikelelekayo.

Imingcipheko enxulunyaniswe kwesi siphumo

- linguqu kwisicwangciso-nkqubo zolwabiwo lohlahlo lwabiwo-mali ngokuphathelele kwizibonelelo zempilo nemfundo.
- Ukungabinakho ukubhangiswa kokugrogriswa nokuphangwa kwicandelo lolwakhiwo.

Iingqikelelo ezinxulunyaniswe kwesi siphumo

- Ukuhlanganiswa kwezibonelelo kunye nesicwangciso-nkqubo esitshintshiweyo sezabelo zohlahlo lwabiwo-mali.

Abachaphazelekayo abangundoqo abadingeka kwesi siphumo ukuze ufezekiswe ngempumelelo

- **URhulumente wesizwe:** ISebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente kunye neZibonelelo linakho ukunikezela ngomgaqo-nkqubo oncedayo nesicwangciso-nkqubo esilawulayo.
- **URhulumente weNtshona Koloni:** ICandelo loLawulo-mali lePhondo, iSebe lezeMpilo neMpilo-ntle kunye neSebe lezeMfundo leNtshona Koloni (WCED) linokuhlanganisa izibonelelo yaye lihlanganise izicwangciso zawo. I-DEA&DP kunye neSebe loMasipala linakho ukunikezela ngobume obuncedayo ngokuphathelele kucwangciso, ukuhlanganiswa kunye novavanyo lwempembelelo yobume.
- **Oomasipala:** Badingeka okokuba bangenele ucwangciso oluhlangeneyo, kubandakanywa ii-IDP.
- **Abanikezeli benkonzo becandelo langasese:** banakho ukunikezela ngonikezelo olulolunye kunye neemodeli zenkxaso-mali.

ISiphumo 3: Izibonelelo ezincedayo ukuzisa inguqulelo yesiseko yesithuba.

Uphuhliso loqoqosho lwentlalo lubalulekile kwimpilo-ntle yabemi, kuhambelwano lwentlalo ngokunjalo nokukhula okuhlangeneyo nokuzinzileyo koqoqosho. Ubume bemigqalisela yophuhliso loqoqosho lwentlalo obufana nokungalingani, indlalanokufuduka inxulunyaniswe kukulunga kokusebenza koqoqosho.

ISiphumo 3 seDOI: Izibonelelo ezincedayo ukuzisa inguqulelo yesiseko yesithuba zilungelelaniswe kokuPhambili 5 kweMTSF: UkuHlanganiswa kweSithuba, ukuHlaliswa kwaBantu kunye noMasipala. Ngaphezulu, esi siphumo sinikela kokuphambili kweNPWISSP: Ii-Asethi eziVelisayo, uTyalo-mali lokuZinziswa kweZibonelelo, UBume obuGuqulweyo boKwakha, uCwangciso oluHlangeneyo noLungelelwaniso, uKwandiswa kwaMathuba oMsebenzi. Esi siphumo sinikela kwiNjongo yeSiphumo seQhinga seSebe leSizwe lokuHlaliswa kwaBantu: Unikezelo olukhawulezisiweyo lwamathuba ezindlu, ukusetyenziswa ngokufanelekileyo komhlaba kunye nemarkete yepropati ephuculweyo.

ISiphumo 3 seSebe sinikela ngokuthe ngqo kwiziphumo eziandelayo zokuPhambili kweMTSF 6:

- Uqoqosho lwesithuba sesizwe esinganabulungisa ngokupheleleyo kunye nesithuba sesizwe esiguquliweyo oluthi luncedise kufikelelo olulinganayo kwiinkonzo zentlalo nakumathuba oqoqosho kwizixeko, kwiingingqi nakwimimandla yasemaphandleni;
- Ukukhuselwa koluntu olusesichengeni kunye nabasebenzi kwinguqu yoqoqosho lwekhabhoni ephanstsi;
- Inguqulelo yesithuba nobulungisa;
- Inguqulelo yesithuba ngokusetyenziswa kokuhlanganiswa kweenkqubo ezininzi kwimimandla ephambili yophuhliso;
- Izindlu ezaneleyo nobume obuphuculweyo bokuphila; kunye
- Ukhuseleko lwexesha lengqesho.

Esi siphumo sinikele ngokunjalo kwiNPWSSP yokuphambili kuCwangciso oluHlangeneyo nokuVeliswa kwe-Asethi; KwINTSSP 3: kuLwakhiwo lweZibonelelo eziKhulisa uQoqosho; okuphambili kweNDHS; ukuguqulwa kwesithuba sokuhlaliwsa kwabantu okuhlangeneyo okuthi kuqinisekise ngofikelelo kwiinkonzo zentlalo kunye namathuba oqoqosho kwizixeko, kwiingingqi kunye nemimandla yasemaphandleni; Ivip4: UkuShukuma ngeNguqulelo yeSithuba kunye nesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni esigxile kukuKhula kulungiselelwa iMisebenzi neMpilo-ntle.

ISebe liya kuqhubeka lityala imali kwiiPHDA ezili-19 ezigazethiweyo ze lisebenzele ukuqinisekisa ngomiliselelo oluhlangeneyo. I-DOI iya kulungelelanisa iiprosjekti zayo kokuphambili kwephondo nesizwe. Ngokujolisa kwiiPHDA, iSebelizamela ukuqinisekisa ngento yokuba inguqulelo yesithuba nokudityaniswa kwenzelwe ukulungisa impembelelo yocwanciso lwesithuba localulo nokuthintela ukuyilwa kwamagcudwana entlupheko eziphelweni zeedolophu. Indlela kukusetyenziswa kweendawo zokuhlala njengeziqalelo kukwenziwa ngokutsha nokuvuselelwa kweedolophu kunye nezixeko ngokuyilwa kofikelelo kuthungelwano, kwizibonelelo ezisengqondweni zoqoqosho nezentlalo.

Ukwandiswa kwempembelelo yalo msebenzi, izicwangciso zophuhliso ezithi ziqukanise iinkqubo zomiliso ezihlanganisiweyo eziya kuthi ekugqibeleni ziphuhliselwe iPHDA nganye. Ezi zicwangciso zophuhliso ziya kwakhelwa ze zihlanganiswe kunye nezicwangciso zecandelo leqhinga likamasipala, ii-IDP zikamasipala, izicwangciso-nkqubo zikamasipala zophuhliso lwesithuba (iiSDF) kunye nezicwangciso zikamasipala zokuhlaliswa kwabantu (iiHSP).

IsiCwangciso-nkqubo esiHlangeneyo soPhuhliso lweDolophu (IUDF) sisigqibo somgaqo-nkqubo karhulumente ukulungiselela ukukhokhela ukukhula lwexesha elizayo nolawulo lwemimandla yasedolophini. Isiphumo esipheleleyo se-IUDF sijoliswe kwinguqulelo yesithuba, ngokuqhutywa kokukhula kwedolophu okubhekiselele kwimodeli yokukhula okuzinzileyo kwezixeko needolophu okudibeneyo, okuthungeleneyo nokulungelelanisiweyo. I-IUDF isabele kwiNjongo 11 yeSDG: Ukwenza izixeko neendawo zokuhlaliswakwabantu zibe zezihlanganisayo, ezikhuselekileyo, ezomeleleyo nezizinzileyo. Yakha ngokunjalo kwizahluko ezininzi zeNDP yaye yandise iSahluko 8 seNDP “Ukuguqulwa kweendawo zokuhlaliswa kwabantu kunye noqoqosho lwesithuba lwesizwe” kunye nombono wayo wedolophu ehlaziyiweyo yoMzantsi Afrika.

Esi siphumo sizimisele:

- Ukuphucula izithuba zokuhlala kwabantu beNtshona Koloni.
- Ukuzisa iiprojekti zezibonelelo ezinempembelelo enkulu kwimpumelelo ukulungiselela ukuveliswa kweenguqu zesiseko kwiziphumo zoqoqosho lwentlalo.
- Ukusebenzisa iindawo zokuhlaliswa kwabantu njengeziqalalo zokwakha ngokutsha nokuvuselela iidolophu nezixeko ngokuyilwa kofikelelo kuthungelwano, kuqoqosho nakwizibonelelo zentlalo ezisengqondweni.
- Abantu bahlale kwiingingqi zoluntu ezikhuselekileyo, ezifikelekayo, ezithungelene kakuhle, zizale ludlamko, zibe nezizinzileyo yaye zibe namathuba amaninzi.
- Iindawo ezixineneyo ezinophuhliso oluomxube wosetyenziso othi uxhase uthutho lukawonke-wonke olusebenzayo nophuhliso lweshishini, ziququzelele uthelwano olulungileyo lolawulo lwedolophu, nokutsala umdla kutyalo-mali.
- Uphuhliso loqoqosho oluhlangeneyo noluguqulwe ngokwesithuba kunye nobume bentlalo obuxhaswe ngokukhutshwa kweqhinga komhlaba kunye nothelwano olufanelekileyo lwepropati.

Abancedi beziphumo

- Ukomelezwa konxulumaniso kunye ne-ISA Africa kunye nokumiliselwa kwemodeli yenkxaso-mali ekungele injongo ethile.
- Umsebenzi oqhubekayo ngeeprojekti zobumelwana ezihlangeneyo, ezingumxube wokusetyenziswa, ezingeniso ingumxube, ezikwindawo elungileyo ezithi ziqhube inguqulelo yesithuba efana neConradie Park, i-Artscape/ Founders’ Garden kunye neTwo Rivers Urban Park eseKapa, ngokunjalo neVredenburg Regeneration Precinct.
- Ukusebenzisana neSebe lesizwe loPhuhliso lwaMaphandle nokuLungiswa koMhlaba kunye noomasipala ukuqinisekisa ngokukhutshwa komhlaba kulungiselelwa ukubuyiselwa kunye neenjongo zembuyekezo.
- Ukuchongwa komhlaba ofanelekileyo onokuthi wenziwe ufumaneke ukuqaliswa kwenguqulelo yesithuba nophuhliso.

- Ukuqaliswa kweenkqubo zokusekwa kwelokishi nokugqitywa kwezicwangciso zophuhliso zeprojekti kwiiPHDA ezithi zinikele ngokubhekiselele kwinguqu enentsingiselo yesithuba kulungiselelwa abahlali beNtshona Koloni.
- Ukuphuhlisa kweemodeli ezintsha zonikezelo kuwo onke amacandelo awahlukeneyo ezibonelelo.
- Ukuncedwa kothelwano loluntu ngokuhambelana neprojekti iDemolition2dignity.
- Ukuphuhlisa kwesakhelo solawulo olufanelekileyo kulungiselelwa ukuxhasa ulwakhiwo lwezibonelelo ngoqoqosho.
- Ukuqunjelwa kwesiCwangciso seNdawo ye-Ofisi yobuGcisa (MOAP) eya kunika ingqwalasela kulwakhiwo oluzinzileyo lwezibonelelo ze-ofisi kulungiselelwa iWCG kunye notyalo-mali kwi-ofisi yenkqubo yokweza izinto zibe zala axesha. Isicwangciso sijolise akwandiseni ukusebenza kwepropati ngokuhambelana nesithuba kunye neendleko kwandiswe indawo yeziko, nokuncitshiswa komlinganiselo wamaziko eWCG aqeshiselwa ngaphakathi ukuxhasa umlunganiselo ophezulu wamaziko angaweWCG.
- Ukufumana ulwamkelo nentsebenziswano kulungiselelwa ucwangciso oluhlangeneyo nokumiliselwa okuvela koomasipala, kwiphondo namasebe esizwe, kunye neeSOE.
- Ukufumana isabelo esaneleyo sohlahlo lwabiwo-mali kunye neendlela zenkxaso-mali eyenye kulungiselelwa inguqulelo yesithuba.
- Ukuphuhlisa kwezixhobo ezifanelekileyo zomthetho nezomgaqo-nkqubo ukuxhasa ukuqulunqwa ngokutsha kwesigunyaziso sezibonelelo zephondo ukubandakanya izibonelelo zoqoqosho, ze-ikholoji, zombane nezetheknoloji.
- Ukwakhiwa kothutho olubhekiselele kumaziko othutho lwempahla, kwawempilo, nawemfundo ngokubanzi.
- Ukuphuhlisa okuhlangeneyo kweendawo zokuhlaliswa kwabantu ezithi zinikele kuwo onke amaqela engeniso ukususela kwabathenga amakhaya okokuqala kubatyali-mali, yaye oko kuyila amathuba emisebenzi.
- Ukuhlaziywa kwamatyotyombe ukulungiselela okokuba uluntu lufikelele kubume obunceda kakhulu.
- Ukuphuhlisa kweemodeli ezintsha zokunikezelwa kwenkonzo kuwo onke amacandelo awahlukeneyo ezibonelelo.
- Ukulungelelaniswa okusebenzayo kophuhliso lwezibonelelo eNtshona Koloni kuwo onke amacandelo karhulumente kunye neeSOE.

Isiphumo sinikela:

- Kwinguqulelo yesithuba, kukuhlanganiswa okungcono nophuhliso oluphuculweyo.
- Iindawo zokuhlala zobumelwane eziguqulweyo ezixutyelwe ukusetyenziswa ngokungafaniyo, nezingumxube wengeniso ezibandakanyayo yaye ezinethuba elifanelekileyo, okt., iindawo apho impilo yabantu inexabiso nokokuba kuphi na apho bahlala khona yaye basebenza phi.
- Amaziko edolophu anemveliso nazinzileyo.
- Iindawo zokuhlaliswa kwabantu ezixineneyo nezikwindawo engcono kunye nendawo yoqoqosho yokudibana enofikelelo olwandisiweyo kwiinkqubo zothutho olufikelekayo kunye nendawo efanelekileyo yemisebenzi nabantu.

- Ukuhlaziywa nokuhlanganiswa kwamatyotyombe anezithuba eziphuculweyo zedolophu noqoqsho.
- Uluntu nabasebenzi bakhuselwe ngethuba lenguqulelo kuqoqosho lwekhabhoni ephantsi.
- Ukukhululwa komhlaba kulungiselelwa iinjongo zokubuyiselwa kunye nembuyekezo.

Imingcipheko enxulunyaniswe kwesi siphumo

- Ukuba mandundu koqobo lwezibonelelo ngenxa yamabango okhuphiswano kubume bezithintelo zohlahlo lwabiwo-mali, kukhokhelele kwisimo aphoiziboneleo azabinakho ukuxhasa ngokwaneleyo amanqanaba anqwenelwayo enkonzo nemigangatho yokhuselo nokushukuma.
- Ukunqongophala kolungelwaniso nohlanganiso kuwo onke amacandelo karhulumente neeSOE.
- Ukungabinakho ukufezekisa ucwangciso oluhlangeneyo lokuhaliswa kwabantu.

Iingqikelelo ezinxulunyaniswe kwesi siphumo

- Ingxinano evunyiweyo kuphuhliso lwexesha elide kunye nenguqu kusetyenziso lomhlaba njengomqathango oyimfuneko kwinguqulelo yesithuba.
- Izibonelelo zisele zingumqhubi ophambili wokuKhula nokuPhuhliswa kweQhinga lePhondo yaye ukugcinwa kwesiseko see-asethi licandelo elingundoqo leqhinga.
- Uphuhliso lweePHDA ezigazetiweyo luxhaswa ngabo bonke abachaphazelekayo abngundoqo.

Abachaphazelekayo abangundoqo abadingeka kwesi siphumo ukuze ufezekiswe ngempumelelo

- **URhulumente wesizwe:** ISebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente neZibonelelo lihlakani elibalulekileyo lokukhupha nokufumana umhlaba okwindawo elungileyo kunye nesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo esilungiselelwe inguqulelo yesithuba. I-ISA iqhuba iiprojekti ezinkulu kakhulu. ISebe leSizwe lokuHlaliswa kwaBantu ngomnye umthathi-nxaxheba obalulekileyo njengoko enikezela nenkxaso-mali ukulungiselela ukunikezelwa kweendawo zokuhlaliswa kwabantunokunikezela ngolongamelo kwinkqubela phambili.
- **URhulumente weNtshona Koloni:** I-DEA&DP kunye neSebe looMasipala ngamahlakani abalulekileyo kumaqhinga ocwangciso ngamandla nomilisele lwenguqulelo yesithuba kunye nengxinano. ISebe looMasipala lihlakani elibalulekileyo lokunikezela isambuku sezibonelelo. Iinkonzo zamanye amasebe anxulumeneyo afana neWCED, iSebe lezeMpilo neMpilo-ntle, kunye neSebe loPhuhliso lweNtlalo ngamahlakani abalulekileyo ukulungiselela ucwangciso oluhlangeneyo nokuhlalisa okuhambelanayo. ISebe lezoThutho lihlakani elibalulekileyo kuthungelwano ngokupheleleyo lweendawo zokuhlala nofikelelo kumathuba.
- **UMasipala:** Uthelelwano oluqhubekayo lubalulekile ukulungiselela utyalo-mali oluhlangeneyo namaqhinga ophuhliso.
- **Icandelo langasese:** Uthelelwano oluncedayo lotyalo-mali neemodelo zenguqu zenkxaso-mali lunakho ukuxhasa iinjongo zeSiphumo 3.

- **Abanikezeli benkonzo:** Badingeka okokuba bamilisele iprojekti yonikezelo.

ISiphumo 4:

Isiqalelo senguqu kunye nezibonelelo ezinovakalelo kwisimo sezulu.

ISiphumo 4 seDOI: Isiqalelo senguqu nezibonelelo ezinovakalelo lwesimo sezulu sinxulunyaniswe kokuPhambili kweMTSF 2: INguqulelo yoQoqosho nokuYilwa kweMisebenzi; KwiMTSF 5: UkuHlanganiswa kweSithuba, uCwangciso oluHlangeneyo kunye noMasipala; okuphambili kwiNPWISSP: Ii-Asethi eziVelisayo, uTyalo-mali lokuZinziswa kweZibonelelo, UBume obuGuqulweyo boKwakha, uCwangciso oluHlangeneyo noLungelelwaniso, uKwandiswa kwaMathuba oMsebenzi. Esi siphumo sinikela kwiNjongo yeSiphumo seQhinga seSebe leSizwe lokuHlaliswa kwaBantu: Ufikelelo oluphuculweyo kwinkonzo yesiseko, ukusetyenziswa ngokufanelekileyo komhlaba kunye nemarke yepropati ephuculweyo.

Esi Siphumo sinikela ngqo kwiziphumo ezilandelayo zokuPhambili 11 kweMTSF:

- Uqoqosho lwesithuba sesizwe esinganabulungisa ngokupheleleyo kunye nesithuba sesizwe esiguquliweyo oluthi luncedise kufikelelo olulinganayo kwiinkonzo zentlalo nakumathuba oqoqosho kwizixeko, kwiingingqi nakwimimandla yasemaphandleni.
- Ukukhselwa koluntu olusesichengeni kunye nabasebenzi kwinguqulelo yoqoqosho lwekhabhoni ephantsi.
- Ufikelelo olwandileyo kwinkqubo zothutho ezifikelekayo nezihlangeneyo.
- Ukuncitshiswa kokukhutshwa kweGHG.
- Ukulungela kukamasipala ukujongana nenguqu yesimo sezulu.
- Uguqulo olunobulungisa loqoqosho lwekhabhoni ephantsi.
- Izibonelelo eziphuculweyo ze-ikholoji.
- Imisebenzi emininzi enesidima eyiliweyo nezinzisiweyo, kubekwe phambili ulutsha, amanina nabakhubazekileyo.
- Ukutyalwa kwemali kulungiselelwa ukukhawuleziswa kokukhula okubandakanyayo.
- Ukushishinwa ngokutsha koqoqosho nokubela kwamacandelo okhuphiswano kwihlabathi.
- Ukuthatyathwa kwenxaxheba okandileyo kuqoqosho, kubunini, kufielelo kwizibonelelo, kukulingana kwamathuba nemivuzo elungiselelwe amanina, ulutsha nabakhubazekileyo.

ISiphumo 4 seDOI sinikezela kwiVIP1: Uluntu olukhuselweyo noluhambelanayo, kwiVIP2: UkuKhukhula neMisebenzi, iVIP3: UkuXhotyiswa kwaBantu, kwiVIP4: UThutho neNguqulelo yeSithuba kunye nakwiVIP5: Inguqulelo kunye neSimo ngokunjalo nakwisiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni esijolise kukuKhula kulungiselelwa iMisebenzi neMpilo-ntle.

Esi siphumo sinikela:

- Kwinguqulelo egqwesileyo kuphuhliso lwezibonelelo oluqhutywa luphando nophuhliso.
- Kukumiliselwa kweemodeli zokuthenga azahlula-hlulweyo, kubandakanywa impahla yorhwebo efunwe ngokweqhinga kunye neemodeli ezigunyaziswe ngeemodeli zokucalulwa kwesiphumo neendlela ezibandakanya icandelo langasese kubudlelwane besivumelwano bexesha elide.

- Ukumiliselwa kweendlela ekufuneka zisetyenziswe njalo zokwakha kunye necandelo langasese elingaphandle kwesiza lokwenziwa kwamacandelo apho imingcipheko engundoqo ilungiswa khona, kubandakanywa iindleko ezenziweyo ezandisiweyo zokwakha.
- Ukuphuhliswa okubekwe emgangathweni wezithethe zeendleko zephondo kulungiselelwa ulwakhiwo lweentlobo ezithile zezibonelelo.
- Ukuqukaniswa kwamaqhinga okuncitshiswa kwekhabhoni kunikezelo lwezibonelelo, kulawulo nemisebenzi.
- Ukuqukaniswa kwamaqhing okomelela kuyilo, kunikezelo, kulawulo kunye nokusebenza kwezibonelelo.
- Ukuvulelwa koqoqosho oluluhlaza kunye neengxowa-mali ezinxulumeneyo kulungiselelwa uphuhliso lwezibonelelo olungaphezulu.

Abancedi beziphumo

- Inguqu, uphando nophuhliso nolawulo lotshintsho oluncedayo kunye nomthetho ofanelekileyo wolawulo nemigaqo-nkqubo.
- Uphuhliso lwekhono lokwakha ngokusetyenziswa kokhuseleko nokwandisa kwekhono langaphakathi lokwakha.
- Ukusetyenziswa kwengcingane yexesha elizayo nokuntsonkotha kwenzululwazi ukusabela kwiipateni eziguqukayo zendlela yokwenza komxhamli kunye neemodeli ezintsha zonilezelo lwenkonzo.
- Ukuyilwa kwelebhu eguqulelweyo ngothelelwano lwamashishini karhulumente nawangasese okokuba asebenze njengolingo lwenguqu.
- Ukuphuculwa kolwazi nezakhono ukulungiselela ukuba iimodeli ezintsha neziguqulweyo zokuthenga zinokuziswa kwisixokelelwano sonikezelo nakwizicwangciso-nkqubo zemali nezolawulo.
- Ukusetyenziswa kwesixhobo sesiqinisekiso sesakhiwo esiluhlaza se-EDGE sokuqhubeka ngokuhlola iitheknoloji yezakhiwo eziguqulweyo eziluhlaza ezifana neConcrete Portal, Benex kunye neHebel blocks ukulungiselela ukunciphisa umbane, amanzi ze kuqukaniswe umbane kwizakhiwo zokuhlala kwabantu.
- Ukuqinisekisa ngento yokuba zonke iiprojekti zokuhlaliswa kwabantu zisebenzisa umbane kunye namanzi kangangoko, kubandakanywa netanki lamanzi okugungxulwa okuphantsi kwamanzi (ubukhulu ibe zilitha ezi-6 ngokugungxula okunye); lintlo zeshawa ezisebenzayo (ubukhulu iilitha ezili-10 ngomzuzu); iitephu ezilondoloza amanzi (ubukhulu ibe zilitha ezi-6 ngomzuzu); izakhiwo esisebenzisa umbane (ezibonisa uphahla olutywiniweyo noluqheliswe kwilanga). Zonke iyunithi ezintsha zezindlu zifakelweisixhobo sokubeka iliso emanzini.

Isiphumo sinikela:

- Kwizibonelelo ezinzileyo nezithabatha ingqalelo isimo sezulu.
- Kuyilo lweziko lezibonelelo lokugqwesa.
- Iomodeli eziguqulweyo zokunikezelwa kwezibonelelo kunye nothelelwano lwecandelo kunye necandelo langasese.

Imingcipheko enxulunyaniswe kwesi siphumo

- Ukuba mandundu kwezibonelelo ngenxa yamabango okhuphiswano kubume bohlahlo lwabiwo-mali obunyiniweyo, kukhokhelele kwimeko apho izibonelelo zingaluxhasi ngokwaneleyo ulawulo lotshintsho kunye nenguqu edingekayo ukuphucula amaqanaba enkonzo, lugcine imigangatho yokhuselo, ze luthintele inguqu yesimo sezulu.

Iingqikelelo ezinxulunyaniswe kwesi siphumo

- Izibonelelo zisala zingumqhubi ongundoqo kwiQhinga lePhondo lokuKhula noPhuhliso, nokukhuselwa kwesiseko see-asethi kumacandelo angundoqo eqhinga.
- Isimo seWCG ngenguqu njengentsika engundoqo zokuvulelwa kokukhula koqoqosho.

Abachaphazelekayo abangundoqo abadingeka kwesi siphumo ukuze ufezekiswe ngempumelelo

- **URhulumente wesizwe:** ISebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente neZibonelelo kunye neCandelo loLawulo-mali ngamahlakani abalulekileyo ekuqulunqweni komgaqo-nkqubo kunye nezithethe ezilawula izibonelelo nokuthenga.
- **URhulumente weNtshona Koloni:** I-DEA&DP kunye neSebe looMasipala ngamahlakani abalulekileyo kumaqhinga ocwangciso ngamandla nomiliso lonikelo lwezibonelelo. ICandelo loLawulo-mali lePhondo libalulekile kuququzelelo lweemodeli ezifanelekileyo zemali.
- **UMasipala:** Uthelelwano oluqhubekayo lubalulekile ukulungiselela uphuhliso oluhlangeneyo namaqhinga onikezelo.
- **ICandelo langasese:** Uthelelwano olusebenzayo lunganceda kutyalo-mali lwecandelo langasese neemodeli eziguqulweyo zonikezelo lwezibonelelo.
- **Abanikezeli benkonzo:** Bayadingeka ukumiliselela unikezelo lweprojekti.

3 Imingcipheko engundoqo nokubhangiswa

Isiphumo	Imingcipheko engundoqo	Ukubhangiswa komngcipheko
